Abathanjiswa Ngexesha Lokugqibela

Bhotani, baphulaphuli. Makhe sithethe neNKosi yethu ngoku. Thixo omkhulu, Mdali wamazulu nehlabathi, Wena uthe wasinyula ngokuNgcwele ngelithuba ngale ntsasa, lokunqula Wena. Kwaye singangatsho, Nkosi, ezintliziyweni zethu ukuba siyazinikela ngokupheleleyo kwintando yaKho eNgcwele nokusebenza kukaMoya oyiNgcwele kuthi, ukuzisa oko Uyakuthanda ukuba sikwazi. Umnqweno wethu kukuba ngamaKristu angcono nabameli abangcono baKho. Siphe oko Wena kusasanje, njengokuba silindele kuWe, eGameni likaYesu Kristu. Amen.

Hlalani phantsi. [Kukho umntu othi, "Awufuni kuwasusa la malaphu omthandazo?"—Mhl.] Ewe.

2 Sivuya kakhulu ukuba sibelapha ngale ntsasa kwakhona, e—enkonzweni yoKumkani omkhulu. Kwaye silusizi, thina, kwakhona, ukuba singabi nandawo ilungiselelwe abantu, kodwa sisuke nje . . . Sizakuzama ukuba senze ngako konke esinako, phantsi kweemeko.

3 Ngoku, baninzi abaneetshefu nezicelo ezilapha ukuba zithandazelwe. Kwaye ndizibekele ecaleni; ingekokuba andizihoyanga, kodwa ndizakuzithandazela emva kokuba ndiqalisile . . . njengokuba, nangokuhlwanje. Ndizakwenza njalo ngale ntsasa nangokuhlwa kwakhona, xa . . . Ndiyakuthandaza ke ndilindele kuMoya kaThixo ukuba uphilise, leloxesha kanye endithanda ukuzithandazela ngalo—iitshefu nezinto ezinjalo.

4 Ke kwizicelo ezikhethekileyo, uBilly uzinikezele, zonke ngazinye, apha kum. Zimalunga namakhulu amathathu, ndisandula kuphuma ke phaya egumbini. Uyabona, ndizikhupha ngokukhawuleza kangangoko, zizonke, endinako ukufikelela kuzo. Kwaye ndizakufika kuzo ngokukhawuleza kangangoko ndinako. Andiyi kubanako ukuzikhupha zonke. Ndiyakufika nje ndifumane sibesinye, ndithi, "Nkosi, ingaba iyakuba *sesi*, okanye *esi*?" Kanye ngolo hlobo ngokuba zonke, zonke ngazinye, zineentswelo, izicelo zokwenene; into ethile, ngokungathandabuzekiyo, esinokuthetha ngayo. Kwaye mna . . . Ngaphandle, uyazi, ngamanye amaxesha uMoya oyiNgcwele unokuthetha ngesithile ebendisifundile, esisoloko sisentliziyweni yam; ndibuyela emva kweso kwakhona, ndizingele apho phakathi kwazo ndide ndisifumane. Kungenjalo, ndizithatha nje ngokuqhelekileyo.

5 Ngoku, sifuna ukuthi kwakhona, ngale ntsasa, sibulise abo bangaphandle kwezinye iziphaluka zeli lizwe. Sifuna

ukubulisa izihlobo kusasanje ngendlela yonxibelelwano lomnxeba, ezikwiSixeko iNew York; eBeaumont, eTexas; ePrescott, e-Arizona; eTuscon, e-Arizona; eSt Jose, eCalifornia; eConnecticut; eGainiesville, eGeorgia; naseNew Albany, e-Indiana; esizweni jikelele. Siyanibulisa eGameni leNkosi uYesu.

6 Kusasanje, apha e-Indiana, yintsasa epholileyo. Besifumene imvula phezolo ethe yayipholisa imozulu. Kwaye si . . . Umnquba uyaphuphuma, wonke umntu ulindele, ngothakazelelo olukhulu, elindele isifundo sesikolo seCawe. Ndithemba ukuba obona butyebi beentsikelelo zikaThixo buyakuba phezu kwenu apho phandle.

7 Kwaye siyathemba, ngokukhawuleza okungako, ukuba siyakwenza i—indlela esinokuthi sibe nako ngayo, apho siyakuthi sibe nokuhlanganisana sonke kunye, mhlawumbi kube phantsi kwentente enkulu, apho ndiziva ndikhokelelwa ngokucacileyo ekubeni ndishumayele ngeziNgqayi ziSixhenxe zokugqibela eBhayibhileni.

8 Ngoko ke ngoku, ukuze singathathi ixesha elide kwisifundo esikhulu kusasanje . . . Ndiyifunile iNkosi, ndicinga, "Ndiyakuthetha ntoni?" ndisazi ukuba le isenokuba yinkonzo yethu yokugqibela esiyakuba nayo. UkuBuya kweNkosi kusondele kakhulu!

9 Ndibona ukuba, emva kwesa siprofetho senziwe eCalifornia, kukho izindlu phaya ngaphandle, neendawo ezizika, ngomyinge wamashumi amathathu ee-intshi ngeyure, imithi yokwakha iqhekeka isaphuka itshona. Kwaye ke abazi ukuba yenziwa yintoni na loo nto. Sisekupheleni. Amakhaya amawaka eedola, ayazika. Ndifumene izihloko ezikhulu ephepheni, imifanekiso, endithemba ukuza nayo ngokuhlwanje, njengokuba ndifuna ukuthetha ngento ethile kuloo nto ngokuhlwanje.

10 Kwaye, ngoko, ngokuhlwanje sinomthandazo wabagulayo. Uzubuye ngale njikalanga, ngeyesihlanu, intsimbi yesithandathu, okanye nokuba kuxesha nini na. Sizakuqalisa kuselithuba, ndiyathemba, ukuze abantu babe nokunduluka kuselithuba, namkele amakhadi enu omthandazo. Kwaye sizakuthandazela abagulayo ngokuhlwanje. INkosi ithandile.

11 Ngoku, emva kokucinga ndithandaza, "Yintoni endimelwe kukuyenza?" ndisazi ukuba ngenye imini kufanele ukuba ndiphendule ngoko ndikuthethileyo apha . . . Kwaye ndigqibe kwelokuba, okanye ndive ndikhokelwa nguMoya oyiNgcwele ukuba ndithethe ngale ntsasa ngesiprofetho, ukuzama ukuba sibe nolwazi. 'Yabona? Yinto esiyithe . . . Ukuba asithanga saziswe, ukuze kwenzeke nantoni na ngesiquphe, kufanelwe ukuba sazi ngale nto. UMoya oyiNgcwele usinike yona, ukuba siyale abantu ngezinto ezizayo. Uyazi, iBhayibhile yathi,

"uThixo akasayi kwenza nto ngaphandle kokuba Ababonise abakhonzi baKhe, abaprofethi." Ne—nendlela uYesu awayala ngayo abantu, ukuba kuyakwenzeka ntoni na; indlela abaprofethi ababayala ngayo abantu, ngoko kuyakwenzeka. Kufanelekile kuthi ngoku, kule yure inkulu siyiphilayo, ukuba sibone ukuba siphila kwesiphi na isigaba, nokuba kwenzeka ntoni na, ukuba kuyakwenzeka ntoni na ngesigaba sethu sexesha. Ngoko enye yezi ngongoma zingaqhelekanga esithe mhlawumbi sayifunda amaxesha amaninzi, iye yathi chapha entliziyweni yam ukuba—ukuba ndithethe nabantu ngayo kusasanje.

12 Ngoku masityhile ngaphaya eziBhayibhileni zethu kuMateyu isahluko sama-24 sifunde isicatshulwa seLizwi. [UMzalwana uBranham uthinta isikhohlela—Mhl.] Uxolo. Ngokwendlela nje yoku—yokufumana umongo wetekisi nengongoma.

13 Ngoku, nikhumbule ukuba sizakukufundisa oku njengesikolo seBhayibhile, ngokuthe chu. Thabathani iintsiba zenu zokubhala namaphepha. NdineZibhalo ezininzi endizibhale apha, ukuze—ukuze nibe nakho ukuzibeka phantsi. Nize nigoduke niye kuzifundisisa, kuba oku kufana nje negumbi lokufundela lesikolo seCawe, khona ukuze sazi, sibe ngabayaliweyo balungiselelwa ezi yure siphila kuzo.

14 KwiNcwadi kaMateyu oNgcwele. [UMzalwana uBranham uthinta isikhohlela—Mhl.] Uxolo. Ivesi yama-24. . . okanye, isahluko sama-24, gxebe, siqale ngomqolo we-15, ndinqwenela ukufunda isicatshulwa seLizwi laKhe.

> Xa *ke ngoko nithe nalibona isikizi lesiphanziso, ekwakuthethwa lona ngoDaniyeli umprofethi,* limi *endaweni engcwele (olesayo makaqiqe:)*
>
> *Ngelo xesha mabathi abakwelakwaYuda basabele ezintabeni:*
>
> *Ophezu kwendlu—kwendlu makangehli aye kuthabatha into endlwini yakhe:*
>
> *Nosentsimini makangabuyeli umva aye kuthabatha iingubo zakhe.*
>
> *Yeha ke, abamithiyo nabanyisayo ngaloo mihla!*
>
> *Thandazani ke, ukuba intsabo yenu ingabi khona ebusika nangesabatha:*
>
> *Kuba ngelo xesha kuyakubakho imbandezelo enkulu, ekungazanga kubekho injalo kwasekuqalekeni kwehlabathi, kwada kwaba kaloku nje, ekungasayi kubuye kubekho injalo.*
>
> *Kanjalo ukuba ibingayi kuthi loo mihla inqanyulwe,* bekungayi kubakho nyama *isindayo: ngenxa ke yabanyuliweyo loo mihla iyakunqanyulelwa.*

Ngelo xesha ukuba ubani uthe kuni, Nanku, apha uKristu, nokuba uthe Nankuya phaya, musani; ukukholwa.

Kuba kuyakuvela ooKristu ababuxoki, nabaprofethi ababuxoki, benze imiqondiso emikhulu nezimanga; ngokokude bathi, ukuba bekunokwenzeka, balahlekise nabanyuliweyo.

Yabonani, ndinixelele ngenxa engaphambili.

Ukuba ngoko bathi kuni, Nanko entlango, musani ukuphuma niye; nokuba: bathi, Nanko emagumbini; musani ukukholwa.

Kuba kwanjengokuba umbane, uthi uphume empumalanga ubonakale kude kuse entshonalanga kuyakuba njalo nokufika koNyana womntu.

Kuba apho sukuba sikhona isidumbu, ayakuhlanganisana khona amaxhalanga . . .

15 Ngoku, ukwenza ingongoma, ndingathanda ukuthabatha umqolo wama-24, ukugxininisa kule vesi ndisenzela isifundo sesikolo seCawe sethu ngale ntsasa. Phulaphulisisa ke ngoku ndiphinda ukusifunda, kwakhona.

Kuba kuyakuvela ooKristu ababuxoki, nabaprofethi ababuxoki, benze imiqondiso emikhulu nezimanga ngokokude bathi; ukuba bekunokwenzeka, balahlekise nabanyuliweyo.

16 Ngoku ukwenzela le ngongoma kusasanje, okanye umxholo, gxebe, ndifuna ukuthabatha: *Abathanjiswa Ngexesha Lesiphelo*. Yileyo ingongoma endinqwenela ukuthetha ngayo, okanye umxholo: *Abathanjiswa Ngexesha Lesiphelo*.

17 Ndiyakholwa ukuba siphila kwixesha lesiphelo. Ndicinga ukuba ngeliphandle nabani na othe . . . Abafundi beZibhalo, okanye nditsho ne—nekholwa, liyazi ukuba ngoku siphila esiphelweni sembali yehlabathi. Akusayi kubakho ncedo lwanto ekuyibhaleni, ngokuba akuyi kubakho mntu uyakuyifunda. Kusekupheleni kwexesha. Ukuba kuyakubanini na, andazi. Ukuba nje kuyakuba lithuba elide kangakanani na, neeNgelosi zezulu aziwazi umzuzu okanye iyure. Kodwa sixelelwe yiNkosi uYesu, ukuba, xa zithe ezi zinto sizibona ngoku zaqala ukwenzeka, ngoko maze siphakamise iintloko zethu ngokuba ukuhlangulwa kwethu kuyasondela. Ngoku, into ekuthetha yona “ukusondela,” andiyazi. Kusenokuthetha . . .

18 Njengokuba iinzululwazi zatshoyo ngenye imini, kumabonwakude, zithetha ngobukhulu bamawaka eemayile

aqhekekayo emhlabeni aza kuzika. Yabuzwa imibuzo, “Isenokuzika phaya?” yiLos Angeles leyo, uNxweme lwaseNtshona. Abaninzi kuni babona indlela abayilandela ngayo ngesikhanyiso, benyuka besihla beyigqiba. . . bayakugqobhozela ngaphantsi kweSt Jose, bayakutsho ngaphesheya ngaphaya e-Alaska, ngaphandle ukuya e-Aleutian eZiqithini, malunga namakhulu amabini eemayile ukuphumela elwandle, ibuye izokufika ingene eSan Diego, yaya kujikela ngemva kweLos Angeles, yenyuka yaya kutsho apho, ingumngxuma omkhulu.

Nazo zonke ke ezi nyikima besikade sibanazo zibubushushu bentaba mlilo itshisa eli golonxa livulekileyo likhulu, njengoko, kunjalo phaya phakathi. Andilikhumbuli igama aba—abayibiza ngalo. Nangoko, yakushukuma ke loo nto, yiyo eyenza ezi nyikima besikade sinazo yonke le minyaka kuNxweme lwaseNtshona. Ngoku liqhekeke lwajikela. Iinzululwazi ke zathi, enye. . .

19 Le ndoda yathi kwenye, “Isenokutshona laa ndawo?”

Yathi, “Hayi ‘isenoku,’ kodwa izakwenzeka loo nto.”

Yathi, “Kodwa hayi kwisizukulwana sethu, mhlawumbi?”

Yathi, “Kwimizuzu emihlanu ezayo, okanye kwiminyaka emihlanu ezayo. Asazi nje ukuba kuyakuba nini na.”

20 Kule veki, bendithunyelelwe izihloko ebezisephepheni, zamakhaya amakhulu amawaka eedola amakhulu eqhekeka ehlekeka, abantu befuduka bemka. Abayazi ke ukuba bayakukuyimisa kanjani na. Akukho ndlela yakuyimisa. ’Yabona, uThixo angenza nantoni Afuna ukuyenza, kwaye akukho mntu unokuMxelela ukuba ayenze njani na.

21 Nakha amakhaya, ninokwenza izinto zenzululwazi, uThixo ke ungumdali wenzululwazi. NizakuMmisa kanjani ke? Angalitshabalalisa ihlabathi kusasanje ngeentakumba ukuba Ufuna ukwenza njalo. Qondani, ukuba Angathetha zibekho iintakumba, kwaye zingangamashumi amane eemayile ubunzulu kwisithuba sesiqingatha seyure, ’yabona, akukho. . . zibadle abantu baphume baphele phezu komhlaba. UnguThixo. Wenza njengoko Athandayo. Ungozimeleyo, kuye ngokwaKhe.

22 Ngoku, sibona yonke le mfumba yobungqina, ukuba yiyure esiphila kuyo ngoku, ndicinga ukuba yinto elungileyo ukuziphinda ezi zinto nokuzizoba apha phandle, ukusukela ukuba aMatywina evuliwe, safumanisa ngenyaniso yezi zinto, njengokuba uThixo eye wathembeka kuthi, ngobabalo lwaKhe, ukuba asibonise ezi zinto.

23 Ndifuna ukuba niqaphele apha kuMateyu 24, uYesu wasebenzisa igama Loo “Kristu,” K-r-i-s-t-u, “ooKristu.” Hayi

uKristu, kodwa "ooKristu," isininzi, hayi isinye. "OoKristu." Ngoko, ke igama u*Kristu* lithetha "uMthanjiswa." Ngoko ke ukuba ngu"mthanjiswa," akusayi kubakho abemnye ke, kodwa bayakuba, baninzi abathanjiswa, "abathanjisiweyo." 'Yabona?

24 Kungenjalo, ukuba Ebefuna ukuyicalucalula ihle ukuze sibe nokubanakho ukuyiqonda ngokungcono, Wayenokuthi, "Ngemihla yokugqibela kuyakuvela, abathanjiswa bobuxoki." Ngoku, loo nto ikhangeleka ngokungathi ayinakwenzeka ngokupheleleyo, 'yabona, amagama a"bathanjiswa." Kodwa ke qaphela kwa amagama nje alandelayo, "nabaprofethi ababuxoki," a-b-a-p-r-o-f-e-t-h-i, isininzi.

25 Ngoku, *umthanjiswa*, uthetha, "lowo unomyalezo." Inye ke indlela umyalezo onokuziswa ngayo kungalowo *ungumthanjiswa*, lowo ke inokuba ngumprofethi, othanjisiweyo. "Kuyakuvela abobuxoki, abafundisi bobuxoki." Umprofethi ufundisa into oyiyo umyalezo wakhe. Umfundisi othanjisiweyo, kodwa kuthanjiswe abantu abanemfundiso yobuxoki. Abathanjiswa, "ooKristu," isininzi; "abaprofethi," isininzi. Kwaye ukuba kukho into enjengo—enjengoKristu, isinye, ngoko aba bafanele ukuba babe"ngabathanjiswa," ukuze isiprofetho saloo nto bayifundisayo sibe sesahlukileyo, ngokuba bangabathanjiswa, bathanjisiwe.

26 Ngoku, sisifundo sesikolo seCawe, sifuna uku—ukuzama ukuyizisa lento kumboniso wamandla wokwenene, ngeZibhalo, hayi ngento umntu othile awayithethayo ngayo, kodwa nje ngokufunda iZibhalo.

Usenokuthi, "Ingenzeka njani le nto? Ukuba abathanjiswa . . . "

27 Yintoni ababeyiyo? Ngoo "Kristu," o-o-K-r-i-s-t-u, abathanjisiweyo. "OoKristu, nabaprofethi bobuxoki." Abathanjiswa, kodwa bengabaprofethi bobuxoki!

UYesu watsho, ukuba, "Imvula ina kwabangamalungisa nabangengomalungisa."

28 Ngoku, omnye usenokuthi kum, "Ukholelwa ukuba laa ntambiso iphezu kwaba bantu ithetha ukuba yintambiso kaMoya oyiNgcwele?" Ewe, mhlekazi, uMoya oyiNgcwele wokwenene kaThixo uphezu komntu, kodwa babe bengabobuxoki.

Ngoku phulaphulisisa ubone ukuba Wathini na. "Baye beya kwenza imiqondiso nezimanga, ngokokude babe nokulahlekisa nabaNyuliweyo ukuba bekunokwenzeka." Kwaye ke bathanjiswe ngoMoya oyiNgcwele wenene. Ndiyazi

ukuba oku kuvakala kubududenge, kodwa sizakuthabatha ixesha ukukucacisa ngeLizwi, kwaye oko ngokupheleleyo ngu-ITSHO INKOSI, yiNyaniso.

29 Ngoku masityhile eziBhayibhileni zethu, okomzuzu nje, kuMateyu isahluko se-5, siqale nge—ngevesi yama-45, sibone ngoku njengokuba sifunda okwemizuzwana kwezi Zibhalo. Ukuze ke, emva kokuba sivile, ngoba, sizakukuninika . . . Ukuze, ukuba sithe sasilela ukuzifunda zonke, uze uthabathe iBhayibhile yakho; u—usenokuzifunda emva kokuba simkile apha xa ugodukile, u—uze ufunde oko kuthethwa yiBhayibhile ngale nto.

30 Ngoku xa sithabatha ixesha, ukufumana i—isisekelo senyani, ngokuba ndenza apha intetho eyothusayo. Ungathini uMoya oyiNgcwele ukuthambisa umfundisi wobuxoki? Kodwa oko koko wathi uYesu kuyakwenzeka.

Ngoku, uMateyu, isahluko se-5 ivesi yamashumi amane anesihlanu, masifunde ngoku. Masiye, siqale kwi—kwindawana esemva kwayo, kweyama-44.

> *Ke Mna ndithi kuni, Zithandeni iintshaba zenu, basikeleleni abo baniqalekisayo, benzeleni okulungileyo abo banithiyayo, . . . bathandazeleni abo baniqalekisayo, banitshutshise;*
>
> *Ukuze nibe ngabantwana boYihlo osemazulwini: ngokuba ilanga lakhe elenza liphume phezu kwabangemalungisa na . . . nabangamalungisa, nemvula yakhe eyinisela abangamalungisa na . . . nabangemalungisa.* (Imvula iza phezu kokhohlakeleyo ngendlela efanayo nakolungileyo.)

31 Ngoku ukulandela oku, ukuya kwesinye isiprofetho esisingisele koku, singatyhila ngoku kwincwadi yamaHebhere isahluko se-6, ukwenzela ivesi yokulandela oku, apho uPawulos esikhumbuza khona kwa into enye eyathethwa nguYesu. NguPawulos, othethayo ngoku. Ngoku nisayikhangelayo . . . Nina ke nikwilizwe losasazo, sondezani iiBhayibhile zenu nesiqwenga sephepha, nize niyijonge le nto ngoku. AmaHebhere isahluko se-6, uPawulos ebhalela amaHebhere, ewabonisa izithunzi nemizekeliso, ewasusa phantsi kobuJuda ewangenisa kubuKristu, ewabonisa indlela ekuyakuthi ngayo zonke izinto ezindala zibe zenza isithunzi sezinto ebezizakuhla. NguPawulos othethayo ngoku, kumaHebhere 6.

> *Endithi ngoko masithi, siyeka elengqalo ilizwi elithetha ngoKristu (u-K-ri-s-t-u,* isinye*), siqhubele kwelokukhula; singabuyi siseke ngelenguquko . . . emisebenzini efileyo, nokukholwa kuThixo,*

Nge . . . ngelemfundiso yembaptizo, neyokubekwa izandla, neyovuko lwabafileyo, neyogwebo olungunaphakade. Oko ke sokwenza, ukuba angaba uthe uThixo wavuma.

Kuba abo bakha bakhanyiselwa, basiva isipho sasemazulwini, babangamadlelana ngoMoya oyiNgcwele.

Ndifuna ukuniguqulela koku okomzuzu nje. Ingaba niqaphele, ukuba "sisipho"; hayi "izipho," baziva "izipho zasemazulwini"? Koko, "isipho sasemazulwini," sinye; "uKristu," mnye; "isipho," sinye.

. . . isipho sasemazulwini, ba . . . babangamadlelana ngoMoya oyiNgcwele,

*Bayiva incasa . . . yelizwi elihle likaThixo, . . . (*bava incasa yantoni?) *. . . ilizwi elihle likaThixo, kwanamandla ephakade elizakubakho,*

baza babuya bakreqa, akunakwenzeka ukuba babuye bahlaziyelwe enguqukweni; ekubeni bephinda ukuzibethelelela emnqamlezweni uNyana kaThixo, bamhlaze ekuhleni.

kuba, (phulaphula) *umhlaba lo . . . uyiselayo imvula eza futhi phezu kwawo, uvelise imifuno elungele bona abo ulinywa nokulinywa ngenxa yabo, wamkela intsikelelo kuThixo:*

ke, othi uvelise imithana enameva . . . neenkunzane, awunto yanto ukufuphi nengqalekiso; esiphelo sisa ekutshisweni.

32 Ngoku thelekisa oko noMateyu 5:24 kwakhona. Qaphela, uYesu wathi imvula nelanga liza phezu komhlaba, apho uThixo alithumela khona ukuba lilungise ukudla nezinto ezinjalo lilungiselela abantu behlabathi. Kwaye imvula ithunyelelwa ukutya, imifuno. Kodwa imithana enameva, ukhula, ngokuba lusentsimini, lamkela kwaloo nto inye. Le mvula inye yenza ukuba kukhule ingqolowa isekwayile mvula yenza ukuba kukhule ukhula.

33 Indlela endaba nesifundo esilolo hlobo ngayo ngeliya xesha, ekuqaleni kwam ukuhlangana nabantu bakwaMoya! Yaba sisifundo esikhulu ke kum eso. Ndabona amadoda amabini, enye . . . Ndingazange ndakuva ukuthetha ngeelwimi ngaphambili. Enye yayithetha ngeelwimi, enye ke itolike, atshintshiselane. Ayeye achaze inyani, athi, "Baninzi apha ngokuhlwanje abaza kuguquka. Kukho abafazi kwanamadoda, kokubini." Baze abantu ke baphakame baye esiguqweni.

Ndacinga, “Indlela ekumangalisa ngayo!”

34 Kwaze ke ngesi sipho sincinci sikaMoya oyiNgcwele, ndathetha naloo madoda, nje, uyazi ukuba njani na, ngokucalula, indlela nje encinane yokufumanisa. Omnye wawo ke wayenguMkristu wokwenene, kwaye wayesisicaka senyani sikaKristu, omnye lo ke wayengumhanahanisi. Kwaye enye yawo, le yayingumhanahanisi, yayihlala nomfazi onentloko emnyama, ijikeleza esithubeni nonentloko egqwangqa inabantwana kuye. Ke, yayilapho kanye embonweni; yayingenakuphikeka. Ndathetha nayo ngaloo nto. Yandijonga yahamba yajikela ngaphaya kwesakhiwo.

35 Ngoku ndandikhohliwe, ngokuqinisekileyo. Ndandicinga ukuba ndingene phakathi kweeNgelosi, ndaza ndasuka ndamangaliswa ukuba andikho phakathi koosathana na. Yayinokwenzeka njani le nto? Ndandingayiqondi. Kwaza kwayiminyaka ndihambela kude kuyo, kwade kwangenye imini apho . . .

UGeorge Smith, lo mfana uphuma nentombi yam, besiye izolo, phaya phezulu kwindawo endala yokusila apho ndithandaza khona.

Kwaze emva kokuba silapho iintsuku ezimbalwa, uMoya oyiNgcwele wasibuyisa esi Sibhalo kum. “Kuba imvula eza futhi phezu komhlaba uvelise imifuno, kodwa imithana enameva neenkunzane iphila kwangaloo mvula inye, esiphelo sisa ekutshisweni.” Iphila kwangaloo mandla endalo manye apha ubomi kaThixo. Ndaze ke ndakuqonda oko. “Nge . . .” UYesu wathi, “Baziwa ngeziqhamo zabo.”

36 Ngoku, ngoko ke, imvula ewa phezu kwehlumelo lendalo lomhlaba, ingumzekeliso wemvula yoMoya yona inika uBomi obunguNaphakade, isiwa phezu kweBandla, ngokuba siyibiza ngokuthi yimvula yaphambili nemvula yamva. Kwaye yimvula, isiwa isuka kuMoya kaThixo, phezu kweBandla laKhe.

37 Qaphela, yinto emangalisayo apha. ’Yabona? Ekungeneni kwazo ezi mbewu emhlabeni, nokuba zangena njani na phaya, bezingameva indawo yokuqala. Kodwa nantso nengqolowa engene apho emhlabeni, nemifuno, ibiyimifuno kwasekuqaleni. Kwaye mfuno ngamnye uyazivelisa, uyaziphinda kwakhona, ubonisa oko ubukuko ekuqalekeni kwakuqala.

38 “Bayakulahlekisa nabaNyuliweyo ukuba bekunokwenzeka,” kuba bafumana imvula enye, intsikelelo enye, bebonisa imiqondiso ekwaminye, imimangaliso eminye. ’Yabona? “Bayakulahlekisa, okanye bayakulahlekisa nabaNyuliweyo ukuba bekunokwenzeka.” Ngoku, umthana onameva awunakuzinceda ukuba ngumthana onameva, ngokunjalo

nengqolowa ayinakuzinceda ukuba yingqolowa; ziyilonto uMdali waceba ukuba ibe yiyo nganye kuzo ekuqalekeni. NgabaNyuliweyo abo. Imvula enye!

39 Ilanga liyaphuma ngentsasa lithi thaa kuwo wonke umhlaba, njengokuba benzile kulomhla wasemhlabeni siphila kuwo. Kwaye ilanga, ilanga elinye eliphuma empuma ikwalilanga elinye elitshona entshona. Kwaye elo langa lithunyelelwe ukuvuthiswa ingqolowa ephezu komhlaba, le imizimba yethu yenziwe ngayo.

40 Siphila ngezinto ezifileyo. Yiloo ndlela kuphela ophila ngayo. Kwaye ukuba kukho into emelwe kukuba ife yonke imihla ukuze uphile, ngokwemveli, ngoko akuyonyaniso ke ukwenzela owakho . . . Umzimba wakho umelwe kukuphila ngento efileyo, ukwenzela ubomi bemveli, ngoko kumelwe ukuba kubekho iNto ethile efayo, ngokomoya, ukusindisa ubomi bakho bomoya. UThixo ke, waba kokuphathekayo, inyama, waze wafa ukuze sibe nokuphila. Akukho bandla, nayo nantoni na enye ehlabathini enokukusindisa koko nguThixo. Yiloo nto kuphela abaphila ngayo.

41 Ngoku ziqhube iZibhalo. UYesu nguYe iLizwi. "Ekuqalekeni ube ekho uLizwi. ULizwi waba yinyama wahlala phakathi kwethu. Ekuqalekeni ube ekho uLizwi, uLizwi wayekuThixo. ULizwi waba yinyama, Lowo waphilayo, wahlala phakathi kwethu." "Ke umntu akayi kuphila ngasonka sodwa," ngokwasenyameni, "kodwa ngaMazwi onke aphuma emlonyeni kaThixo." Ngoko, uyabona, siphila ngeLizwi, lona linguThixo.

42 Ngoku ilanga liyaphuma livele liyivuthiswe ingqolowa. Ngoku, aliyivuthiswa ngesiquphe. Njengokuba iqhubeka, ikhula, iya ivuthwa ide ekugqibeleni ifikelele ekubeni sisikhwebu esipheleleyo.

Kunjalo ke, namhlanje, ngeBandla. Laqala ebusaneni balo, emva phaya kumaxesha obumnyama, apho laliphantsi komhlaba. Likhulile ngoku lafikelela ekukhuleni. Kwaye siyalibona, ngokugqibeleleyo, indlela uThixo athi ngayo ngendalo njalo . . .

43 Awunako ukuyiphazamisa indalo. Yiloo nto inkathazo yanamhlanje. Sibhabhisa iibhombo, naphaya ngaphandle elunxwemeni, siluqhekeza siludubula jikelele ngeziqhushumbisi ze-atom. Nisuka nibe niqhekeza omnye walaa mhlaba usuke ngalo lonke ixesha, niwuwisa ngaphandle ungene kulo. Ukuba nigawula imithi; iinkqwithelo zizakunithatha. Nakuyivala imilambo ibe ngamadama; izakuphuphuma.

Kufuneka ufumane indlela kaThixo yokwenza izinto uhlale kuyo. Sibenze abantu bangabamahlelo ezicaweni nasemibuthweni; khangela nje into esinayo ngoku! Hlala kwindlela ebonelelweyo kaThixo yokwenza oko.

44 Kodwa, uyabona, “Uyayithumela imvula,” xa siphindela kwingongoma yethu, “kwabalungisayo nakwabangalungisiyo.” UYesu usixelela apha ngoku, kuMateyu 24, ukuba oku kuyakuba luphawu ngexesha lesiphelo.

Ngoku, ukuba olu phawu luyakwaziwa kuphela ngexesha lesiphelo, ngoko ke kuyakuba kuphela kusemva kokuvulwa kwalaa Matywina. ’Yabona? Ngumqondiso wesiphelo. Uyakwenzeka, xa ezi zinto zisenzeka, kuyakuba sekupheleni kwexesha. Kwaye uyakuba luphawu, ngoku, ukuze abaNyuliweyo bangabi nakudideka kwezi zinto. Uyayibona? Ngoko, kufanele ukuba ityhilwe, idandalaziswe.

45 Qaphela, kokubini ingqolowa nokhula iphila ngeNtambiso enye evela eZulwini. Zombini ziyaYivuyela.

Ndikhumbula oku, xa ndibhekiselela kwesi siganeko phaya phezulu ngalaa mini kwiLityе likaGreen. Nda—Ndabona laa mbono usiza. Kwakukho umhlaba umkhulu, kwaye wawugeleshiwe wonke. Kwaza kwaphuma uMhlwayeli, kuqala. Ndifuna ukuyizisa phambi kwenu. Khangela ukuba yintoni na ephuma kuqala, nokuba yintoni na elandelayo. Kwaza kwathi njengokuba le Ndoda ivethe ezimhlophe ivela ijikela emhlabeni, ihlwayela imbewu, kwathi emva kwaYo kwavela indoda, inempahla ezingqombela yakhangeleka ichwechwa kakhulu, inyebelezela emva kwaYo, ihlwayela ukhula. Kwaza kwathi njengokuba oku kusenzeka, ndazibona zozibini ezo zityalo zihluma. Kwaza kwathi nje ukuba zivele, esinye sasiyingqolowa esinye silukhula.

Kwaza kwafika imbalela, kwade kwathi, kwakhangeleka ngokungathi, zozibini zithobise iintlokwana zazo zijonge phantsi ngokungathi zililela imvula. Kwaze ngoko kwavela ilifu elikhulu phezu komhlaba, yaze yana. Yasuka ingqolowa yaphakama yathi, “Mayibongwe iNkosi! Mayibongwe iNkosi!” Nokhula lwaphakama lwakhwaza, “Mayibongwe iNkosi! Mayibongwe iNkosi!” Iziphumo ezikwazinye. Zozibini zitshabalala, zozibini zimka. Yaze ke ingqolowa yavuka inxaniwe. Kwathi ngenxa yokuba ibikwintsimi enye, kwisitiya esinye, kwindawo enye, phantsi kombhobho omnye, nako inyuka ingqolowa nako nemithana enameva ikhula kwangento enye. Qaphela, intambiso enye eziswa ngamanzi kwingqolowa, ayizisa kwakukhula.

46 Kwa uMoya oyiNgcwele lo uthambisa iBandla, ubanika umnqweno wokusindisa imiphefumlo, lo ubanika amandla okwenza imimangaliso, Uwa phezu kwabangemalungisa ngendlela enye naphezu kwabangamalungisa. Kwa uMoya omnye! Ngoku, awunakuwenza ube lolunye uhlobo uze umqonde uMateyu 24:24. Wathi, “Kuyakuvela ooKristu ababuxoki,” ababuxoki, abathanjiswa. Abathanjiswe ngeNto eyinene, kodwa babe ngabaprofethi bobuxoki baYo, abafundisi baYo bobuxoki.

Yintoni enokwenza ukuba indoda ifune ukuba ngumfundisi wobuxoki wento eyiNyaniso? Ngoku siyehla siza kuphawu lwerhamncwa kwimizuzu embalwa, kwaye niyakubona ukuba lilihlelo. 'Yabona? Abafundisi ababuxoki; ababuxoki, abathanjisiweyo. OoKristu abathanjisiweyo, kodwa bengabafundisi bobuxoki. Yiloo ndlela kuphela onokuthi uyibone ngayo.

47 Kanye njengakwixesha elithile eladlulayo, ndikhe ndakucaphula oku. Ndisenokukuchaphula ngokuba sinxibeleleke kwesi sizwe siphela. Ngenye imini ndandithetha nomhlobo wam, apho oku kuyakufikelela khona ngale ntsasa, e-Arizona. Waye ke wayene—wayenefama yeziqhamo zasebusika. Wayenomthi ke apho owawungumthi wama-orenji owawuvelisa iidiliya, amalamuni, iinartyis, iitanjelo. Ndiyalibala nje ukuba zazingaphi na iintlobo ezahlukeneyo zeziqhamo ezazikuloo mthi mnye. Ndaze ndathi ku—ku—kule ndoda, ndathi, "Kwenzeka njani? Ngumthi waluhlobo luni lowa?"

Wathi, "Umthi, ngokwawo, ngumthi wee-orenji."

Ndathi, "Kutheni uneediliya nje kuwo? Kutheni unamalamuni nje kuwo?"

Wathi, "Amiliselwe kuwo."

Ndathi, "Ndiyabona. Ke, ngoku," ndathi, "ngoku, kunyaka ozayo xa lo mthi uyakuvelisa esinye isityalo sesiqhamo," kube ke zonke zivuthwa malunga nexesha elinye, ndathi, "ngoko uyakuvelisa ngokupheleleyo ama-orenji. Ukuba ungumthi wama-orenji enavel, uyakuvelisa ama-orenji enavel, awuyi kwenza njalo, mhlekazi?"

Wathi, "Hayi, mhlekazi. Sebe ngalinye elimiliselweyo liyakuvelisa okohlobo lwalo."

Ndathi, "Uthetha ukuthi umdiliya welamuni uyakuvelisa ilamuni kulaa mthi we-orenji?"

Wathi, "Ewe, mhlekazi."

"Ingaba umdiliya uyakuvelisa isiqhamo sediliya kula mthi we-orenji?"

Wathi, "Ewe, mhlekazi. Yimveli yesebe elimiliselwe kuwo."

Ndathi, "Makabongwe uThixo!"

Wathi, "Uthetha ukuthini?"

Ndathi, "Makhe ndenze umbuzo ubemnye. Ngoku, ingaba laa mthi uyakuphinda uzivelise ii-orenji kwakhona?"

Wathi, “Usakube uphinde wavelisa elinye isebe.” Xa uthe wavelisa elinye isebe kwakhona, hayi xa kuthe kwamiliselwa elinye isebe kuwo. Kodwa, zonke ziziqhamo zesitras, kwaye ziphila ngobomi obunye besiqhamo sesitras obukumthi wesitras.

48 Ndathi, “Nantso ke! AmaWisile ayakuvelisa ubuWisile, lonke ixesha. AmaBhaptizi ayakuvelisa ubuBhaptizi, lonke ixesha. AmaKatolika ayakuvelisa ubuKatolika [amaRoma—Mguq.], lonke ixesha. Kodwa iBandla likaThixo ophilileyo liyakuvelisa uKristu ukusuka ezingcanjini, iLizwi lonke ixesha, ukuba lithe lavelisa omnye umdiliya ongowaLo.”

49 Ngoku, awunakulilisela phaya, uyabona. Sonke isiqhamo somdiliya, ilamuni, itanjelo, inartyis, nokuba yintoni na isiqhamo sesitras esiyiyo, ngasinye kuzo singaphila ngobomi balaa mthi; kodwa sinika ubungqina obubuxoki ngalaa mthi, siphila ngalaa mthi. Niyayibona? Ziyaphila zichuma ngobomi bokwenene obukulaa mthi.

Ngoku, nanko ke uMateyu 24:24, ukuphila ngoBomi obunye, kodwa babengalunganga, ekuqalekeni. Bavelisa ubungqina bobuxoki ngalaa Mthi! Ngumthi wee-orenji, kodwa ungumthi wesitras. Kwaye ke bathi, “Eli bandla, eli hlelo linika ubungqina bukaKristu,” babe nobhaptizo lobuxoki, ubungqina bobuxoki beLizwi, bezama ukuthi amandla kaThixo ayengawabadisipile kuphela.

UYesu, ngokwaKhe, wathi, “Hambani niye kulo lonke ihlabathi nizishumayele iiNdaba eZilungileyo kulo lonke isebe eliyakuthi . . . lomthi eliyakuthi livelise, naliphi na isebe eliyakuba semthini. Nantsi ke imiqondiso eyakulandelana namasebe okwenene.” Phi? Nje ukuba isenguMthi, okoko nje Usavelisa amasebe, ukuya ekupheleni kwehlabathi. “EGameni laM bayakukhupha iidemoni; bathethe ngeelwimi ezintsha; baphathe iinyoka; basele izinto ezibulalayo; babeke izandla phezu kwemilwelwe iphile.” ’Yabona iyure esiphila kuyo? ’Yabona into eyathethwa nguYesu?

50 Khumbula, oku kwakusekupheleni kwexesha, hayi phaya emva phantsi koWesley nakudala phaya. Ngoku, kusekupheleni kwexesha, apho kuyakwenzeka khona oku.

Ngoku zikhangele iZibhalo; mayibe zizo eZingqinayo. UYesu wathi, “Ziphengululeni iZibhalo, kuba kuZo nicinga, okanye nikholelwa, ukuba ninoBomi obunguNaphakade, zaye Zona Zizo ezingqina ngaM.” Ngamanye amazwi, ukuba lomthi uthe wavelisa isebe . . . “Mna ndinguMdiliya, uMthi; nina ke ningamasebe. Lowo ukholwayo kuM, imisebenzi endiyenzayo Mna uyakuyenza naye yena,” uYohane oNgcwele 14:12.

51 Ngoku, “Lowo uhleli kuM, lowo . . . lowo wayesezingcanjini zaM ekuqalekeni.”

Naso isizathu sokuba uYesu abe kuko kokubini iNgcambu neNzala kaDavide. Wayekho ngaphambi koDavide, ekuDavide, nasemva koDavide, ekuko kokubini iNgcambu neNzala kaDavide; iKhwezi loKusa, uMfiyo waseSharon, iNtyatyambo yaseziHlanjeni, u-Alpha no-Omega; uYise, uNyana, noMoya oyiNgcwele. "Ihleli kuYe inzaliseko yobuThixo ngokomzimba." Kokubini iNgcambu neNzala kaDavide!

"Lowo ubuBomi obunyuliweyo, uBomi obanyulwa kwangaphambili, obukuM," Yena ke uliLizwi, "ukusukela ekuqalekeni; ekuveleni kwakhe, ukuthwala iziqhamo zaM." UYohane oNgcwele 14:12.

Kodwa abanye bayakuphila kwangento enye, bezibiza ngokuba ngaMakristu namakholwa. "Asingabo bonke abathi, 'Nkosi, Nkosi,' abayakungena."

Ngoku, kwaye oku kuyakwenzeka kubonakalaliswe ngemihla yokugqibela, "xa iimfihlelo zikaThixo ziyakuzaliseka," njengokuba sizakufika koko emzuzwini emva koku.

52 Le mithi, umdiliya wenyaniso nomdiliya wobuxoki! Nakha nandiva ndishumayela ngaloo nto oko, ukusukela kwiminyaka eyadlulayo, indlela eyakhula ngayo yomibini kunye. Ndayizisa ngaminye ndabonakalisa ukuba, ukusukela kuKayin no-Abheli, imidiliya emibini yahlangana esibingelelweni; yomibini ingabantu abakhonzayo, yomibini ithanjisiwe, bobabini benqwenela ubomi, benqula uThixo omnye. Kwaye omnye waliwa waza omnye wamkelwa.

Kwaye inye kuphela indlela lo wathi wamkelwa awayenokwenza ngayo ngokwahlukileyo kumntakwabo, yayityhiliwe kuye. Kuba iBhayibhile yathi, "Ngokholo . . ." KumaHebhere, isahluko se-11, "Ngokholo u-Abheli wanikela kuThixo ummnikelo owamkelekileyo kunokaKayin, ntoleyo wathi uThixo wamngqinela ukuba wayelilungisa ngayo."

UYesu, watsho, sisityhilelo sokomoya sokuba Yena Wayengubani na! "Bathi Ndingubani na abantu Mna Nyana womntu?"

Wathi, uPetros wathi, "Wena unguKristu, uNyana kaThixo ophilileyo."

"Unoyolo wena, Simon—Simon, nyana kaYona; oku akukutyhilelwanga yinyama negazi. NguBawo waM oseMazulwini okutyhilileyo oku. Ndiyakulakhela phezu kolu lwalwa iBandla laM," (intoni?) isityhilelo senyaniso seLizwi. Nanko ke uMdiliya wenyaniso kwakhona. "U-Abheli, ngokholo!"

Uthe, "Yayisisityhilelo."

53 Yintoni ukholo? Ukholo yinto ethe yatyhilwa kuwe; into engekabikho, kodwa uyakholwa ukuba izakubakho. Ukholo sisityhilelo sentando kaThixo. Ngoko, ngesityhilelo!

54 Ke iinkonzo namhlanje azikholelwa nokukholelwa kwisityhilelo somoya. Bakholelwa kwimfundiso yomgaqo wenkqubo ethile. "Ngesityhilelo u-Abheli wanikela kuThixo umnikelo owamkelekileyo kunokaKayin, awathi ngawo uThixo wamngqinela ukuba wayelilungisa." Amen. Ndiyakholwa ukuba uyayibona loo nto. 'Yabona ukuba siphila phi na? 'Yabona le yure?

Bendithetha kwi—kwinene elithile kungekudala isifundiswa senene, elinguMkristu. Lathi, "Mnu. Branham, siyazala izityhilelo."

55 Ndathi, "Ngoko ke nifanelwe kukumala noYesu Kristu, kuba Usisityhilelo sikaThixo, uThixo etyhilwe ekwinyama yomntu." Ngaphandle kokuba ukubone oko, ulahlekile.

UYesu wathi, "Ngaphandle kokuba nikholwe ukuba ndinguYe, niyakufela ezonweni zenu." NguYe isityhilelo sikaThixo, uMoya kaThixo utyhiliwe ukwimo yomntu. Ukuba awunakuyikholelwa loo nto, ulahlekile. Xa uMbeka kwisiqu sesithathu, kwisiqu sesibini, okanye nasiphi na esinye isiqu ngaphandle kukaThixo, ulahlekile. "Ngaphandle kokuba nikholwe ukuba Mna NdinguYe, niyakufela ezonweni zenu." Isityhilelo!

56 Akumangalisi ukuba babengenakuMbona. "Akukho mntu unakho ukuza kuM engathanga uBawo waM amtsale. Kwaye konke aNdinike kona uBawo," ezingcanjini, "kuyakuza kuM." 'Yabona? Niyayifumana? Owu, indlela ebesimelwe kukuMthanda ngayo, siMnqule, siMdumise; ukubona iziqhamo zoMoya ngemihla yokugqibela, noMthi woMtshakazi uvuthwa encotsheni yexesha!

57 Umdiliya wenyaniso nomdiliya wobuxoki, yomibini yayinentambiso enye. Amanzi awa phezu kwayo yomibini. Akumangalisi ukuba Wasiyalayo, "Iyakulahlekisa nabaNyuliweyo ukuba bekunokwenzeka."

58 Qaphela, ikhangeleka iyinto enye. Ithanjiswe ngendlela enye. Kodwa qaphela, "Ngeziqhamo zabo . . . " Uyazi njani?

Wazi njani ukuba ngumthi wee-orenji? Ngokuba uvelisa iziqhamo zediliya. Loo mdiliya ulungile, uphila kulo mthi, kodwa uvelisa iziqhamo zediliya. Awufani nalowa wakuqala.

Kwaye ukuba ibandla lithi li"kholwa kuYesu Kristu inguye izolo, namhla, nangonaphakade," lize liwaphike aMandla aKhe, liyiphike imisebenzi yaKhe, liphike iLizwi laKhe; ukuba—ukuba . . . IBandla elikholelwa kuYesu Kristu, liyakwenza imisebenzi kaYesu Kristu, liyakuba noBomi

bukaYesu Kristu. Kwaye ukuba alinjalo, akukhathaliseki nokuba uBomi buyagaleleka kulo; ukuba alinyulwanga kwangaphambili, ukusukela ezingcanjini, liyakuvelisa iidiliya lonke ixesha, okanye into eyahlukileyo. Kodwa ukuba libuBomi obanyulwa kwangaphambili, ezingcanjini liyakuvelisa uYesu Kristu inguye izolo, namhla, nangonaphakade, ukuba liliLizwi likhula livela eziNgcanjini. Ntoleyo, inguYe iNgcambu, ukuqaleka kwexesha.

59 Qaphela, kodwa koko bakuvelisayo okukuxelela umahluko. "Ngeziqhamo zabo," uYesu wathi, "Niyakubazi ngazo." "Umntu akakhe akhe zidiliya kumakhakakhaka," nangona imithana enameva ingamila kanye emyezweni wediliya. Isenokwenzeka loo nto, kodwa sisiqhamo esiya kubonakalalisa.

Yintoni isiqhamo? LiLizwi, lesiqhamo sexesha. Nantso into esiyiyo, imfundiso yabo. Imfundiso yantoni? Imfundiso yexesha, ukuba kuxesha nini na. Imfundiso yomntu, imfundiso yehlelo, koko, okanye iLizwi likaThixo lexesha?

Ngoku, ixesha libaleka ngokukhawuleza, besinokukhe sime koko ixesha elide. Kodwa ndiyaqonda ukuba nina nikhoyo apha ngoku, ndaye ndiqinisekile nani bakude esizweni jikelele, niyabona ukuba yintoni na le ndizama ukunixelela yona, ngokuba asinaxesha lide kakhulu lokuhlala kule nto.

60 Kodwa ke ningabona ukuba iNtambiso iyaya kwabangemalungisa, abafundisi bobuxoki, ibenze ukuba ngokuqinisekileyo benze oko uThixo abaxelela ukuba bangakwenzi; kodwa bayakukwenza, nankanjani na. Ngoba? Abanakuzinceda. Ingathini inkunzane ukuba yenye into ingeyiyo inkunzane? Akukhathaliseki nokuba ingakanani na imvula elungileyo efefezayo phezu kwayo, inyanzelekile ukuba ibe yinkunzane. Naso isizathu sokuba uYesu athi, "Iyakusondelelana kakhulu kangangokuba ilahlekise nabaNyuliweyo," abo basezingcanjini, "ukuba bekunokwenzeka," kodwa akunakwenzeka. Ingqolowa ayinakwenza enye into ngaphandle kokuba ivelise ingqolowa; nantso kuphela into enokuyivelisa.

61 Qaphela. Khumbula, uThixo akangomseki wambutho. Ngusathana umseki wombutho. Oko ndikubonise phandle ngeLizwi, ngaphandle nangaphakathi, ndakuphindaphinda; andizi kungena kuko ngale ntsasa. Siyazi ukuba uThixo akazange abenze umbutho abantu bahlangane ngoloo hlobo, enze umbutho. Kumakhulu eminyaka emva kokufa komfundi wokugqibela, kwangaphambi kokuba babe nombutho wokuqala. Oko yasoloko isilela. Ukuba ayenzanga njalo, kutheni singabanyanga eluthandweni namhlanje, maWisile,

maBhaptizi, maRhabe, maKatolika nabanye? Kutheni imisebenzi kaThixo ingasilandeli nje, ngoko, yonke inkonzo ikwinto enye, iLizwi? Ezo zinto zibahlulayo abantu, ubuzalwana. . . Sithe chatha ukuba kude kuThixo kunokuba sasinjalo, iicawe, ekuthethwa ngazo.

62 Ngoku, sixelelwa, ukuba, "Zonke izinto zakudala zenzekela imizekelo, ukufundiswa okukokwethu, ukukhalimela, nokululeka." Ukuze, zonke izinto ezindala zeTestamente eNdala ezenzekayo, zazisisithunzi, ukuze sibone okuza kwenzeka kwiTestamente eNtsha, ngomhla wethu.

Kanye njengokuba ukuba ubungazange usibone isandla sakho, ube ubukhangele ubone isithunzi sisedongeni, njengokuba isandla sam besiya kwenziwa ekukhanyeni, ukuba sineminwe emihlanu apha esithunzini, sakuthi isithunzi; usishukumise isandla sakho siye ngakuso, siye siba yinto yokwenene, sisiya kwi—sisiya kwisithunzi, kufanele ukuba siye ekubeni yiminwe emihlanu.

Njengokuba iBhayibhile isixelela, ukuba, "ITestamente eNdala isisithunzi, umzekelo wezinto ezintsha, okanye izinto eziza kuza; ingesosiqu sezinto ezo zikhoyo, kodwa isisithunzi, umzekelo wezinto eziza kuza."

63 Masiphindele emva sibone ukuba le nto yayikhe yakhona na kwesinye isigaba sexesha. Nikulungele oko? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Ukuze sazi, ukuqondakalalisa oku, ngaphandle nangaphakathi, ngeLizwi; hayi ngokubona kwendoda ethile, ingcingane ethile.

Andikhathali nokuba ingubani na; nayiphi na enye indoda, mna ngokwam okanye nabani na ongomnye, "Ukuba akathethi ngokomthetho nabaprofethi, akukho kuKhanya kuye." 'Yabona? Nantso into eyathethwa yiBhayibhile. "Lonke ilizwi lomntu malibe bubuxoki, elaM libe yinyaniso," kungakhathaliseki nokuba ngubani na.

64 Ngoku masibuyele emva sifumanise ukuba oku kwakha kwenzeka na, ukusibonisa umzekelo.

Sinokuya emva ngoku kwiNcwadi ye-Eksodus sithethe ngomntu obizwa ngokuba nguMoses, owayengumprofethi othanjisiweyo wathunyelwa kaThixo, eneLizwi likaThixo nentando kaThixo yesizukulwana sakhe. Njengokuba iLizwi likaThixo lasoloko liqhubeka njalo, Wathi, "Akenzi nto Engathanga aYityhile kubaprofethi baKhe kuqala." Aze ke ngoko Ayenze. 'Yabona?

Ngoku, Akanakho ukuxoka. Akanako ukuxoka aze abe nguThixo. Hayi, mhlekazi. Umelwe kukuhlala enyanisile. Akukho buxoki nabunye kuYe. Yena u. . .

Kwaye AkanakuKuguqula oko. Ukuba Wenze njalo, ngoko ke AkangoThixo; Wenze impazamo. Ufanele ukuba ngongenasiphelo. Okungenasiphelo ke akuyenzi impazamo. 'Yabona? Ngoko into uThixo ayithethayo, yinto elungileyo leyo ngoNaphakade. 'Yabona? Kwaye Wayithembisa loo nto. Ngoko, khangela, akukho ndawo eBhayibhileni ingalandelelaniyo ngendlela yoko.

65 Ngoku, uThixo wayemthembise u-Abraham ukuba imbewu yakhe iyakuba ngabaphambukeli kwi—kwilizwe lasemzini amakhulu amane eminyaka, ukuze Amkhuphe ngesandla esithe nkqi nangamandla, ebonakalisa imiqondiso yaKhe nemimangaliso phakathi kwabantu ababehlala nabo. Ixesha ledinga lasondela. Abantu basebelibele ngalo. BabenabaFarasi nabaSadusi, nezinto ezinjalo, amahlelo. Kodwa, kwathi ngesiquphe, nako kufika uThixo wabakhupha, ngaphandle, ebasusela kude kuwo onke ngamanye.

UThixo akazange, nangawuphi na umhla okanye naliphi na ixesha, akhe abize umprofethi emkhupha ehlelweni. Hayi, mhlekazi. Sukube ejijeke mpela, akangekhe abe nokukwenza oko; kungafanela ukuba ahlale nelo hlelo.

66 UMoses, indoda eyayithunywe ivela kuThixo, ineLizwi likaThixo, yaze yathi eluhambeni lwayo lokuthabatha uSirayeli imsa kwilizwe ledinga, ngokuthe nkqi ngokomyalelo kaThixo, wahlangana nomnye umprofethi, omnye umthanjiswa owayenentambiso eyinene yoMoya oyiNgcwele omnye nalo wawuphezu koMoses. Injalo loo nto. Wayengumprofethi. UMoya oyiNgcwele wawuphezu kwale ndoda. Igama layo yayinguBhileham. Siqhelene naye sonke. Kulungile, kwa ezo zinto, izizinto ezinye, izinto—izinto eyazithethayo le ndoda, zisenzeka nangoku, malunga namashumi amabini anesibhozo amakhulu eminyaka eyadlulayo. "Ufana nophondo-lunye, Wena Sirayeli. Lowo ukusikelelayo uyakusikelelwa. Lowo ukuqalekisayo uyakuqalekiswa. Ukomelela kwakho, namandla, zinobulungisa iintente zakho, Wena Yakobi!" 'Yabona, wayenganakuzinceda. Weza apha ecinga entliziyweni yakhe ngokubaqalekisa abo bantu.

67 Owu, nina bafundisi bobuxoki niphulaphula la makhasethi yonke le minyaka, nibona ukuba uThixo ukungqinela ngokuchanekileyo oko Wakuthethayo, nihlale ke kumagumbi enu okufundela nisazi ukuba kuyiNyaniso; kuze ngenxa yokuba nineeyantlukwano zenu zobuhlelo, nizichithe nixelele abantu benu ukuba azinjalo. Yeha kuni! Ixesha lenu lisondele.

68 UBhileham, ethanjiswe kwangoMoya omnye nalo wawuphezu koMoses. Yayiyintoni umahluko? Imfundiso kaMoses yayigqibelele. IBhayibhile ithe kuPetros weSibini, yayiyi "mfundiso kaBhileham" awathi uSirayeli wayamkela,

awathi uThixo akaze ayixolele. Isono esingenakuxoleleka! Akukho namnye kubo owasindiswayo, nangona babephume bangena phantsi kweentsikelelo zikaThixo, basibona isandla sikaThixo sisebenza ngalo mprofethi unamandla, bakubona kanye kungqinelwa nguThixo. Baze, ngokuba, kwafika omnye umprofethi enemfundiso, echaseneyo, waphikisana noMoses, wazama ukuqondakalisa ebantwini ukuba uMoses wayenganyanisanga. NoDatan, uKora, nabaninzi kubo, bavumelana nayo bafundisa abantwana bakaSirayeli ukwenza imibulo, ukulandela imibutho, ukuze, "Siyinto enye sonke."

"Nokuba singamaWisile na, amaBhaptizi, amaRhabe, okanye amaPentekoste, nantoni na eyenye, sonke sibanye."

69 Asibanyanga! Ningabantu abakhethiweyo, abangcwele eNkosini, abazinikele eLizwini noMoya kaThixo, ukuze nithwale isiqhamo sesithembiso saKhe salo mhla. Naye aningabo abanye babo! Ndiyazi ukuba oko kunamandla ngokoyikekayo, kodwa kuyiNyaniso ngaxeshanye. Nizinikezelele inkonzo yale mihla yokugqibela! "Phumani phakathi kwabo."

70 Ngoku, "imfundiso kaBhileham," hayi isiprofetho sikaBhileham. Sona sasilungile. YayinguThixo lowo. Bangaphi abayikholelwayo loo nto? [Ibandla lithi "Amen."—Mhl.] Isiprofetho sikaBhileham sasichanekile kanye, kuba Wayengenakuthetha nantoni na eyenye. INtambiso kaThixo yayingenakuthetha nto iyenye, uThixo ke wayingqinela loo nto ngokuyibonakalalisa ukuba yayiyiNyaniso. Koko yayiyi "mfundiso kaBhileham."

71 Ngoku thelekisa oko noMateyu 24:24. Abathanjiswa, kodwa imfundiso yabo iyeyobuxoki. Iitriniti, nazo zonke izinto ezinjengaleyo; ezingezizo, umchasi-kristu!

Ndiyakholwa ukuba aniva kubuhlungu ngoku. Kwaye ningazicimi, ezo mfono-mfono. Kananjalo ningaphakami niphume. Hlalani nje phantsi, sibone ukuba uMoya oyiNgcwele akayikuyisityhilela na le nto, ayiqondakalise kuthi. Uthi ke wena, "Kodwa loo nto. . . " Nokuba yintoni na oyikholelwayo, hlala nje uzole uphulaphule. Ucele uThixo avule intliziyo yakho, uze ke ufumanise ukuba ungumthana onameva na, okanye inkunzane, okanye nokuba kuphi na apho umi khona. 'Yabona?

72 Ngoku, noJudas, "owayemiselwe kwangaphambili kwintshabalalo awayeyiyo," wayehleli apho phambi koYesu. Waze uYesu wamxelela, "Unguye. Oko uzakukwenza, oko umelwe kukukwenza, hamba uyokukwenza msinya." Yena eyazi into awayeyenza, kodwa, ngenxa nje yalaa mashumi mathathu amaqhosha esilivere, nodumo, wathengisa ngeNkosi uYesu Kristu. Ingomnye wabadisipile baKhe, unongxowa

webandla, uYesu ngokwaKhe wambiza ngokuba "ngumhlobo." 'Yabona? IBhayibhile yathi, "Wazalwa engunyana wotshabalalo," kanye njengokuba uYesu wazalwa enguNyana kaThixo. "Balahlekise nabaNyuliweyo ukuba bekunokwenzeka."

73 Qaphelisisa njengokuba sifundisisa sibheka phambili. Sizakuthabatha omnye umzekelo, ongaphaya kwiNcwadi yooKumkani. Kwakukho u—umprofethi, yaye igama lakhe yayinguMikaya. Wayengunyana ka-Imla, kwaye wayengumprofethi. Wayenguye.

Kwakukho ke omnye umprofethi, intloko yombutho wabaprofethi, abathanjiswa. IBhayibhile ithe babenga "baprofethi," kanye ngendlela efanayo nokuba Ethe uBhileham wayengumprofethi, abathanjiswa.

Kwakukho ke omnye kubo owayenegama elinguMikaya, owayethanjiswe nguThixo wathunywa nguThixo, eneLizwi likaThixo.

Kwakukho omnye, uZedekiya, owayecinga ukuba wayethunywe nguThixo. Wayethanjiswe nguThixo, kodwa imfundiso yakhe yayichasene neLizwi likaThixo. "Kuyakuvela, ooKristu ababuxoki, benze imiqondiso emikhulu, eyakulahlekisa nabaNyuliweyo ukuba bekunokwenzeka."

74 Qaphela, bobabini, bobabini babethanjisiwe. Ngoku, wawunokubona njani ukuba ngowuphi na onyanisileyo, nophosisayo? Khangela into elayithethayo iLizwi elathenjiswayo ku-Ahabhi. Umprofethi owayephambi kwakhe, owayengu-Eliya, omnye wabaprofethi abakhulu baloo mhla, owayengumprofethi ongqinelweyo. Laa mprofethi ungqinelweyo watsho, ukuba, "Ngenxa yokuba u-Ahabhi ebenzile obu bubi, izinja ziyakulixhapha igazi lakhe; ukuthabatha ubomi bukaNabhodi. Nokuthi izinja ziyakumdla u-Izebhele, waze u . . . umzimba wakhe wawuyakuba ngumgquba phezu kwamasimi." Ngoku, ungayisikelela njani into ayiqalekisileyo uThixo? Okanye ungayiqalekisa njani, njengokuba uBhileham watshoyo, into ayisikeleleyo uThixo? 'Yabona?

Kodwa aba baprofethi babenyanisekile. Kwakungekho mathandabuzo ukuba babengamadoda alungileyo, amadoda ahloniphekileyo. Kuba, ukuze ube ngumprofethi kwaSirayeli, kwakufanele ube ngohloniphekileyo, kungenjalo kwankqu ukuze ube ngumSirayeli. Wawuxulutywa ngamatye, ukuba awunjalo. Babengamadoda ahloniphekileyo. Babengamadoda alumkileyo. Babengamadoda afundisiweyo. Babengabakhethiweyo baka-Ahabhi, kweso sizwe. ('Yabona loo nto, Dade Wright?) Abanyuliweyo besizwe, ababelungele kakhulu ubu-. . .

75 Ke ngoku, wathi uMikaya akubona umbono wakhe, wazi entliziyweni yakhe ukuba lalisithini na iLizwi, kodwa wafuna ukubona into uMoya owawukuye ayakuyithetha.

Ngoko ke bamxelela, bathi, “Uze uthethe into enye nale ithethwe ngabanye abaprofethi. Wakwenza njalo ke, ngoba, uyakuba, siyakukuthabatha sikufake ebudlelaneni, ngokungathandabuzekiyo, kwakhona. ’Yabona? Siyakukwenza ube ngomnye wethu. Siyakukubuyisela ehlelweni lethu. Ungu . . . Siyakwazi ukuba ungumprofethi, kodwa usoloko uthetha izinto zokuqalekisa. Usoloko umqalekisa u-Ahabhi. Ngoku, uZedekiya, indoda eyintloko, upopu, okanye i . . .” nantoni na awayeyiyo. “Ngoku ke umsikelele u-Ahabhi, waze wathi, ‘Hamba uyokuyenza loo nto.’ Ngoku nawe uzuthethe kwaloo nto, Imla. Ngoba, ungumfo nje olihlwempu. Awunalo nebandla, ngeliphandle, ngokupheleleyo. Kwaye aba bafo banezigidi. Isizwe siphela sesabo. Ngoku uze uthethe kwale nto bayithethayo, ubone ukuba kuyakwenzeka ntoni na, uya—uyakudla izinto ezityebileyo zelizwe.” Wayethetha nenye indoda ke apho!

76 Kwakunokuthini ukuba kwakuthiwe, “Unayo into onokumgxeka ngayo uZedekiya, Mikaya?” “Hayi.” “Wakhe wambamba esonweni?” “Hayibo.” “Wakhe wamva ethuka umntu?” “Hayibo.” Ingaba wakhe wambhaqa enxilile?” “Hayibo.” “Ingaba unesizathu sokuyidelela imfundo yakhe?” “Hayibo.” “Ukholwa ukuba isidanga sakhe sobugqirha sibubuxoki?” “Hayibo.” “Uyakholwa ukuba i—i-PH.D. iyelungileyo?”

“Ngokuqinisekileyo. Uyifumene kwiSanhedrin ibhunga; ndiyakholwa ukuba ilibhunga iyonke, ndiyaqonda ukuba ilungile.”

“Ke, ngoko, kutheni ungamjoyini nje?”

“Kungokuba ungaphandle kweLizwi!”

77 Ke, sizakuba namanqam oko, ngoko, njengo-Eliya umprofethi owayengaphambi koko. Kwaye ukuba ungumntwana kaThixo, uyakuhlala kunye nomprofethi waleBhayibhile. IliLizwi. Yiqaphela iyure, isigaba sexesha.

78 Kulungile, kuyakuthini ukuba uZedekiya uthi, “Owu, ndiyazi ukuba umprofethi wayithetha loo nto, kodwa loo nto yeyesizukulwana esizayo. Yeyexesha elide elizayo ukusukela ngoku”?

Wathi, “Lindani ndide ndibone umbono osuka kuThixo, ngoko ke ndiyakumxelela.”

Bathi, “Uyakuthetha kwa into enye ngoko?”

Wathi yena, “Ndiyakuthetha kanye oko uThixo akuthethayo; ingeyonto incitshisiweyo, ingeyonto neyongeziweyo. Andinakongezelela negama elinye kuYo, okanye ndisuse iLizwi elinye kuYo.”

Ngoko ngobo busuku, emthandazweni, iNkosi yeza kuye embonweni. Waphuma ngentsasa elandelayo, wathi . . .

Nabo abaprofethi bebabini!

79 Eyona ndoda inkulu esizweni, emkhosini nasebusweni besizwe, yayinguZedekiya. Wayengumprofethi oyintloko, ngokukakumkani. Wayeyintloko yabo bonke abanye abaprofethi, ngokombutho. Wayenziwe, ngumbutho wakhe, wayintloko yabo bonke; ngokucacileyo wayengoyena unolwazi, oyena ufundileyo, oyena uwufaneleyo loo msebenzi. Kwaye wayethanjiswe ngoMoya oyiNgcwele, ngokuba ubizwa ngokuba u“ngumprofethi.” Ngokuqinisekileyo, wayengengomprofethi nje uqhelekileyo, wayengumprofethi womHebhere. Ngoku mkhangele.

80 UZedekiya wathi, “INkosi ithethile nam, ‘Yenzela Mna ezi mpondo zimbini zesinyithi,’ isibonakaliso.” Umprofethi usoloko esebenzisa imizekeliso. “Wathi, ‘Yenza ezi mpondo zesinyithi.’ UMoya oyiNgcwele utshilo kum, ‘Zithabathe ke,’ laa Ntambiso yandisikelelayo.’ Ungayicingi ngokuba iyinto elidini nje, kodwa siyeza ebunyanisweni. “UMoya oyiNgcwele othetha ngeelwimi ngam, Lo wandingqinelayo, uthe, ‘Thabatha ezi mpondo, uze, ngazo, umxelele ukumkani ukuba uyakumtyhala u-Asiriya aphumele ngaphandle kwelizwe. Ndaye ndiyakumbuyisela umhlaba ongowakhe uSirayeli, ibandla.’”

Mzalwana, loo nto ingokomthetho-siseko kanye, ifana kanye nokuba wayenjalo uBhileham apha phezulu. UBhileham wayethetha ngokomthetho-siseko kanye njengokuba wayenjalo uMoses. UMoses . . . Inani elichanekileyo likaThixo sisixhenxe. UBhileham ke wathi, “Ndakhele izibingelelo ezisixhenxe; amadini angcwele asixhenxe, iinkabi, neenkunzi zegusha ezisixhenxe.” Loo nto ithetha ngokuza koNyana kaThixo. Ngokomthetho-siseko, wayenyanise njengaye nawuphi na omnye kubo.

81 Nanku ke uZedekiya, enyanisile ngokomthetho siseko, “Kuba lo mhlaba ungowethu. Ngoba, lama-Asiriya namaFilisti aphaya ngaphesheya azalisa izisu zawo, zabantwana bawo nabanye, utshaba lwethu, ngokudla abantwana bethu abahamba ngaphandle kwako! Ngeli thuba, uThixo wasinikayo eli lizwe!”

Mzalwana, yingxoxo ephathekayo leyo. Ndiyakholwa ukuba wayenokuyikhwaza aphumelise loo nto phambi

koSirayeli, kwaye babenokukhwaza kangangoko babenakho. Ngoku, ndithetha ngonamhlanje ngoku. Ndiyathemba ukuba niyandilandela. Konke oku kukhwaza, ukudanduluka!

82 Niyamkhumbula uDavide kuleCawe iphelileyo? 'Yabona? Nina niphulaphule kunomathotholo apho ngaphandle, okanye nina niphulaphule kunxibelelwano lomnxeba; ningakhange niwufumane uMyalezo weCawe ephelileyo, niqiniseke ngokuba niyawufumana, *Ukuzama Ukukhonza UThixo Ngaphandle Kokuba Ibe Yintando Yakhe Ukuba Wenze Oko,* akukhaliseki nokuba unyaniseke kangakanani na, ulungile, akwamkeleki ngokupheleleyo kuThixo. 'Yabona?

Ngoku, nanku uZedekiya, ecinga ukuba usenyanisweni.

83 UMikaya wathi, "Mandibuze kuThixo." Ngoko wehla ngentsasa elandelayo eno-ITSHO INKOSI. Wawuhlola umbono wakhe ngeLizwi.

84 Ngoku ukuba wayenokuthi kuZedekiya, "Uyayazi into umprofethi weBhayibhile awathi iyakwenzeka kulo mfo apha?"

85 "Kodwa hayi ngelixesha, ngenxa yokuba le ndoda yindoda ehloniphekileyo. Iyazama." Ungasileli ukukufumana oku. "Izama ukubuyisela kwibandla izinto eziselungelweni lebandla. Izama ukunikela okukokwalo kubuyele," hayi izinto ezizezoMoya; ukuba bekunjalo, ebeyakusishukumisa sonke isizwe njengoku wenzayo u-Eliya. Kodwa, wayezama ukubanika izinto ezizeziphathekayo, "Sinemihlaba yethu. Singumbutho omkhulu. Singabawo. Thina sonke, nonke bantu, nina maProtestanti, nifanele ukuba nijoyine kuthi." A-ha.

Sizakufika kuloo nto emzuzwini nje. "Bonke ngabazalwana noodade, nakanjani na." Asingabo! Abazange babe ngabo, bengasokuze babe ngabo, kwiBandla lokwenene likaThixo. Akunakuba njalo!

86 Qaphela, wawubona umbono. Waze ke ngoko wathi, "UThixo uthethile kum." Ngoku, khangela, le ndoda yayinyanisekile. Yathi, "Uthe, 'Yenza ezi mpondo, uze unyuke uye phambi kokumkani utyhalele ngasentshona,'" nokuba kwakukweliphi na icala lomhlaba apho babekhona ukusuka kuloo ndawo babemi kuyo. "'Tyhala, oko kuyakuba ngu-ITSHO INKOSI, ukuba uyakuphumelela uloyiso abuye, uloyiso lwebandla.' Uyakubatyhala baphume ngaphandle!" Isondele kakhulu loo nto, akunjalo? Yayiyintoni undonakele?

Naku kusiza uMikaya esihla. Bathi, "Ngoku khawunike esakho isiprofetho."

87 Wathi, "Nyuka! Kodwa ndimbone uSirayeli enjengezimvu, zichithakele, zingenamalusi." Wowu! Kanye ngokuphambeneyo noko.

88 Ngoku, nilibandla. Ngoku ngowuphi onyanisileyo? Bobabini, ngabaprofethi. Inye kuphela indlela onokuwubona ngayo umahluko kubo, kukuba, ubahlole ngeLizwi.

Bathi, “Ukufumene njani oku?”

Wathi yena, “Ndimbonile uThixo ehleli phezu Kwetrone.” Wathi, “Ndiwubonile umkhosi uMngqongile.”

89 Ngoku khumbula, uZedekiya usandula ukuthi ubone uThixo, naye, ikwanguMoya omnye. “Ndimbonile uThixo. Undixelele ukuba ndenze ezi mpondo nge—ngesinyithi. Phuma uye phaya uzityhale ezaa zizwe ziphume apha, kuba oku kukokwethu. Abanye aba abanalungelo apha kuko.” Ngebabanako ukuba babehleli benoThixo kanye. Ngebakufumanayo oko, koko ke bemka kuThixo.

Yiloo ndlela oyiyo umbutho, ibandla. Linelungelo kwezi zinto, kodwa ke niqhathiwe nemka kuzo, ngenxa yokuba nimkile kwiLizwi likaThixo noMoya kaThixo, intambiso, yokungqinela iLizwi lexesha. Ungasileli ukuwufumana loMyalezo.

90 Qaphela ukuba kwenzeka ntoni ke ngoku. Wathi, “Ndimbonile uThixo,” uMikaya watsho, “ehleli phezu kweTrone eZulwini. Umkhosi waKhe ubuMngqongile. Wathi, ‘Ngubani na esinokumthuma ehle aye kulukuhla u-Ahabhi, ukuze awenze amazwi ka-Eliya azaliseke; umprofethi waM owayengqinelwe. Endathethayo ukuba uyakuza. Kwaye u-Eliya wayenalo iLizwi laM. Kwaye amazulu nehlabathi ayakudlula, kodwa iLizwi laM aliyi kusilela. Andikhathali nokuba baya besiba ngabelixesha kangakanani na, okanye baya belunga kangakanani na, okanye baba ngabafunde kangakanani na, okanye bakhulu kangakanani na, aMazwi aM akasayi kusilela.’

“Kwaze kwaphuma umoya oxokayo esihogweni, waguqa ngamadolo, wathi, ‘Ukuba Uyakundivumela, ndingabanika intambiso yam, ndibenze benze naluphi na uhlobo lomqondiso okanye isimanga, okoko nje ndinganako ukubakhupha eLizwini. Akayi kubanako nokwazi ukuba Oko kuliLizwi laKho. Akayi kuLihoya, ngenxa yodumo.’” Mzalwana, amaxesha akakaguquki. Mzalwana uNeville, yinyaniso leyo. Uze ukhumbule, yinyaniso leyo. “‘Ndiza kuya phezu kwakhe, ndimenze ukuba enze into enye nale yenziwa ngabanye. Ndiyakumenza aprofethe, athethe ubuxoki.’” Ingaba bubuxoki njani? Ngenxa yokuba babuchasene neLizwi.

91 Uthathe naluphi na uhlobo lobhaptizo lobuxoki, *usibani-bani nosibani-bani* wobuxoki, andikhathali nokuba ivakala iyinene kangakanani na, nokuba bazama ukulinganisa kangakanani na, libubuxoki ukuba lichasene neLizwi likaThixo laleyure. Kunjalo kanye.

Uthi, "Kulungile, olwethu, lulungile, siyakwenza *oku,* senze *oku,* nebandla lilo*luhlobo* no*luya*."

Andikhathali nokuba liyintoni na. Ukuba lichasene neLizwi elibhaliweyo laleyure, libubuxoki. UThixo akayi kuba nanto yakwenza nalo, akukhathaliseki nokuba linyaniseke kangakanani na, lifunde kangakanani na, lilumke kangakanani na, livakala liyinyaniso kangakanani na, livakala liyinto ephathekayo kangakanani na, ukuba lichasene neLizwi laleyure. [UMzalwana uBranham unkqonkqoza kabini epulpitini—Mhl.] Sizakungena ngokunzulwana koko kwimizuzu embalwa, ixesha lisivumela. Ukuba asinako, sizakukuphinda kwakhona ngokuhlwanje.

92 Qaphela, wayenyanisekile, eyendoda elungileyo, ngokungathandabuzekiyo. Waze wathi . . . Ngoko, ngaphandle koko, uMikaya wathi kuye, engatsho ebusweni bakhe, kodwa ngamanye amazwi, "Uthanjiswe ngomoya wobuxoki." Ayinakuba yinto embi ukuyixelela ubhishophu leyo? Kodwa wayenza loo nto.

93 Ngoko ke wenyuka ubhishophu lo wathi, "Awunakuze ube nabudlelane nathi kwakhona," wambetha ebusweni. Wathi, "Uyazi ukuba ndiyindoda engqinelweyo. Ibandla lam landenza ukuba ndibe yintloko yoku, lento. Ivoti ephambili yabantu bakaThixo yandenza ndibe yilento. Umbutho wam undenze ndakoku. Kwaye uThixo wasinika eli lizwe, kwaye yinjongo yaKhe ukuba libe lelethu. Ndaye ndino-ITSHO INKOSI." Wamtyhwakraza, wathi, "Udlule ngayiphi indlela uMoya kaThixo ukumka kwaWo?"

94 UMikaya wathi, "Uyakufumanisa, ngolunye lwezi ntsuku," xa i-California iphantsi kolwandle phaya ngaphesheya, nazo zonke ezi zinto. 'Yabona? "Uyakwazi ukuba Wahamba ngayiphi na indlela, xa uyakube uhleli kwiintolongo ezingaphakathi."

95 Ngoku, Ahabhi, uzakuthini? "Ndiyamkholelwa umprofethi wam," watsho. Kwakunokuthini ukuba wayenokuphengulula iLizwi? 'Yabona, wayengafuni ukuzibona eqalekisiwe. Niyandiva! Wayengafuni ukuzibona eqalekisiwe. Akukho mntu ukufunayo oko.

Owam ke umbu . . . umzalwana wombutho, yiloo nto ingxaki yakho. Ufuna ukucinga ukuba uyalungisa, ngelithuba, waziyo entliziyweni yakho, ukuba xa ubhaptiza usebenzisa igama lo "Yise, Nyana, Moya oyiNgcwele," uyaxoka. Uyazi ukuba xa wena usi- . . . kuthethwa ezo zinto uzenzayo, njengokuthatha obona bungqina, nazo zonke ezo zinto, ukuba awunyanisanga. Kungathini ukuba obona bungqina bube kukuthetha ngeelwimi, uze uthethe ngokuchaseneyo nesithembiso sikaThixo saleyure? Ingenzeka njani loo nto?

Awufuni kuqalekiswa, uyakufuna? Kodwa *Apha* kubhaliwe, kuyakuba njalo ke. Luphawu lwerhamncwa elo, lusondele kangangokuba belinokulahlekisa nabaNyuliweyo ukuba bekunokwenzeka.

96 Wonke umqondiso, sonke isimanga, indoda ethanjisiweyo, isiprofetho, zonke iintlobo zezinto eziqhubekayo; zonke iintlobo zemiqondiso, zonke iintlobo zezimanga, uza kuwubona njani umahluko? Khangela iLizwi laleyure. Nantso indlela othatha ngayo . . .

97 Khangela uMoses, indlela awayenokuthi amxelele ngayo uBhileham. Khangela uMikaya apha, sazi njani ukuba wayenyanisile? ILizwi, elalingaphambi kwakhe, lalikuprofethile oko ngo-Ahabhi. [UMzalwana uBranham unkqonkqoza kambalwa epulpithini—Mhl.]

Kwaye iLizwi, eliphambi kwethu, lawaprofetha la mahlelo alo mhla, kwaye esi siqalekiso siphezu kwawo. Nezinto eziya kwenzeka ngeBandla laKhe elingumthanjiswa wenyaniso, eliyakuba neLizwi, uMtshakazi weLizwi. Naku ke kusenzeka. Nanku ekho, namhlanje, kanye njengokuba kwakunjalo ngoko.

98 IBhayibhile yathi, "Ngomlomo wamangqina amabini okanye amathathu malizinziswe lonke ilizwi." Ndithethe ngoBhileham, ndithethe ngoBhilem noMoses. Ndaze ndathetha ngoMikaya noZedekiya. Ngoku ndizakunika nje abemnye kwakhona. Nguwuphi, bangamakhulu, kodwa makabemnye, ukwenza amangqina amathathu. Ndinoludwe lwabo endilubhale apha; kodwa ukwenzela ukonga ixesha.

99 UYeremiya owayengqinelwe, umlahlelwa phandle, kodwa engumprofethi kaThixo ongqinelweyo. Babeyizonda loo ndoda. Bamgibisela ngezi . . . ngeziqhamo ezibolileyo, nayo yonke enye into. Waze wabeka isiqalekiso phezu kwabo. Izinto ke awazenzayo, engqengqe phaya ngecala lakhe, nokunjalo, enika imiqondiso yokuba uSirayeli wayengekho nyanisweni.

Wonke umprofethi, umprofethi wenene owakhe wavela ehlabathini, wawaqalekisa loo mahlelo emibutho yecawe. Ingaguquka njani ke, ngoThixo ongaguquguqukiyo?

100 UMoya oyiNgcwele unguMprofethi waleyure; nguYe ongqinela iLizwi laKhe, eLibonakalalisa. UMoya oyiNgcwele wayenguMprofethi weyure kaMoses. UMoya oyiNgcwele wayenguMprofethi weyure kaMikaya. UMoya oyiNgcwele, owabhala iLizwi, uyeza alingqinele iLizwi.

101 Ngoku kwenzeka ntoni ngexesha likaMikaya? U-Ahabhi wabulawa, izinja zalixhapha igazi lakhe, ngokweLizwi likaThixo.

Nonke nina bafundisi bobuxoki, utsho uThixo, ngenye imini niyakuvuna oko nikuhlwayelayo, zinkokeli ndini zeemfama nizimfama okwenu! Andinamsindo. Ndinixelela

inyaniso kuphela. Kwaye ngendingakuthethanga oku ukuba apha phezulu, kwelaa gumbi, ukuba uMoya oyiNgcwele ebengatshongo ukuthi, “Yithethe ngoloo hlobo.” Ndakha ndanixelela nantoni na engeyiyo ayakuthi uThixo ayiqondakalalise ukuba iyinyaniso? Vukani, bazalwana bam, phambi kokuba liphele kakhulu ixesha!

102 Kodwa makhe ndithi. Ungathini umthana onameva ukuvuka ube yinkunzane, ngoku wawunyulwe kwangaphambili ukuba ube yiloo nto? Angathini uMnyulwa ukuzithintela ekuyiboneni? Ngokuba, banyulelwe ukuyibona. “Bonke aNdinike bona uBawo bayakuza,” watsho uYesu, “kodwa akukho namnye uyakuza ngaphandle kokuba Abe uNdinike ngaphambi kokusekwa kwehlabathi, ngethuba amagama ayebekwa eNcwadini yoBomi yeMvana,” hayi kweyomfundisi wesiphaluka wecawe, kodwa eNcwadini, iNcwadi yoBomi yeMvana.

103 Qaphela, uYeremiya waphakama, engqinelwe phambi kwabantu, kodwa bamthiya.

104 Waqhubeka ke waphuma waya kwenza idyokhwe, wenza njalo, wayibeka entanyeni yakhe, waya phambi kwabantu. Baza bathi, “Owu, singabantu ababalulekileyo bakaThixo. Ngoba, singuSirayeli. Sinyaniseke ngolona hlobo kwiSynagogue yethu! Siya qho ngeCawe, thina, sinikela amadini, kwaye sihlawula imali yethu. Angathini uNebhukadinetsare ukuba abe nokubamba izinto ezingcwele zikaThixo?” Heh! Zizono zenu eziyenzileyo loo nto.

UThixo wathi, “Ukuba niyakuyigcina imithetho yaM, andinakukwenza oko. Kodwa, ukuba aniyenzi, iyeza kuni loo nto.” Injalo kanye loo nto. Iseyinto enye. Ukugcina imithetho yaKhe, iLizwi laKhe laleyure, into Awayethembise ngayo.

105 Ngoku qaphela. Ngoku, uYeremiya, ngentando kaThixo, engumprofethi onggqinelweyo, nangona wayethiyiwe. . . Ngamnye kubo wayethiyiwe ngemihla yabo. Benza izinto ezisisimanga kakhulu ezichaseneyo namahlelo aloo mhla, wonke umntu wayemthiyile, nookumkani nento yonke. Ngoko Wabeka i—idyokhwe entanyeni yakhe, wathi, “ITSHO INKOSI. Niyakuba phaya ezantsi amashumi asixhenxe eminyaka,” kuba wayekuqonda oko ngeLizwi likaThixo. “Amashumi asixhenxe eminyaka!”

106 Waze uHananiya, uHananiya, ndicinga ukuba libizwa ngoloo hlobo, H-a-n-a-n-i-y-a. UHananiya, umprofethi owayephakathi kwabantu, wenyuka, wathabatha loo dyokhwe eyisusa entanyeni kaYeremiya, wayaphula. Waza wathi, yiba ngumntu obalulekileyo ebantwini, ’yabona, ngelithuba wayethetha ngokuchaseneyo neLizwi likaThixo. Waze wathi, “Kwiminyaka emibini bayakubuya. ITSHO INKOSI.”

Abaprofethi ababini abathanjisiweyo. Wawunjani umahluko kubo? Omnye wayenokuthetha kweLizwi, omnye ke wayengenako. UYeremiya, wathi, "Amen."

107 Phambi kwawo wonke amadoda amakhulu nebandla, uSirayeli wonke, 'yabona, wayefuna ukubonakalisa ukuba wayezakuba mkhulu kanye njengokuba emkhulu uYeremiya. "Uyazi ukuba abakuthandi, nangoko. Ngoko ndingumprofethi, okukwam. Ndingumprofethi ngokugqithileyo kunawe, ngokuba uprofetha ubuxoki. Undixelela ukuba abantu bakaThixo baza kuba phantsi kwento *ethile-thile*?"

Yiloo nto kanye abayithethayo namhlanje, kodwa niyakuba lapho ngendlela efanayo, nilibandla. Niqalekiswe ngesiqalekiso. Nonke mabandla, amahlelo abambelele kwizithethe zawo zabantu endaweni yeLizwi likaThixo, niqalekisiwe nguThixo.

108 Ngoku qaphela, naku efika. UHananiya wayixhuzula loo dyokhwe wayisusa entanyeni yakhe, umqondiso kaThixo, wayaphula, waze wathi, "ITSHO INKOSI. Kwiminyaka emibini bayakube bebuyile." Esenzela nje ukuqhayisa, "Ndingu*Sibani- bani."* Ngokuba wayemi ngaphakathi, wayengumprofethi ongowombutho.

109 UYeremiya wayeyindoda yentlango eyayiziphilela yodwa. Wayeprofetha ububi ngokuchasene nabo lonke ixesha, kuba babengalunganga.

Le ndoda ke yayibaxelela ukuba, "Owu, nilungile nonke okoko nje ningabalapha. Okoko nje ningabakaSirayeli, nantso nje kuphela into efunekayo. 'Yabona, nina, thina . . . UThixo akangekhe ayenze loo nto. Ndiyazi ukuba kukho into encinane eyenzekayo apha, kodwa musani ukothuka, musani ukoyika."

Owu, mzalwana, basaphila nanamhlanje. "Musa ukukhathazeka, yonke into ilungile. Yonke into ihamba kakuhle. Sithi iBandla." Ungakhe uyicinge loo nto. Ewe.

110 Ngoko ke wathi, "Yonke into ilungile. Bazakubuya kwiminyaka emibini. Yinto encinane eyenzekileyo leyo. Asiyonto ingaqhelekanga. Sinayo loo nto. UNebhukadinetsare uyakunyuka nje eze apha, kodwa uThixo wethu uyakubonelela kuyo yonke loo nto."

Kodwa iLizwi lathi bayakuba lapho amashumi asixhenxe eminyaka; side sibe siphele nya eso sizukulwana, nesinye isizukulwana. Ngamashumi amane eminyaka isizukulwana. "Oku kumalunga nje kwezizukulwana ezibini niphaya ngaphesheya ezantsi." UYeremiya ke wayeyithethe ngokweLizwi likaThixo.

111 UHananiya wayaphula loo nto! UYeremiya wathi, "Kulungile. Amen. Kodwa, Hananiya, masikhumbule oku, sobabini singabaprofethi. Singabefundisi."

Kwaye oku ndiyakuthetha kuwe, mzalwana wam. Masikhumbule ukuba kwakukho abaprofethi abangaphambi kwethu, baze baprofetha ngokuchaseneyo nezikumkani, baze baprofetha ngokuchaseneyo nezinto ezithile. Kodwa, khumbula wayesithi umprofethi akuthetha nantoni na, kwakufanele ukuba aprofethe ngokweLizwi. NjengoMikaya, noMoses, nabo bonke abanye. Kufanele ukuba kube ngokweLizwi. Ukuba akunjalo, ngoko khumbula ukuba kwenzeka ntoni na."

112 Ngoko, uHananiya, wenyuka umsindo wakhe ongcwele. "NdinguHananiya" (ngaphandle kwamathandabuzo), "umprofethi weNkosi, ndaye ndithi, 'Yiminyaka emibini.'" Ngamanye amazwi, "Andikhathali nokuba lithini na iLizwi." Intambiso yakhe, "Ndithi, 'Yiminyaka emibini, abayakuthi babuye ngayo.'"

113 UYeremiya waphuma wemka ebusweni bakhe, waphuma wathi, "Nkosi, andikhathali nokuba yintoni na ayithethileyo, ndisakholwa kwaye ndisazi ukuba elaa Lizwi litsho. Ndiyakuhlala ndinyanisekile kuWe. Andisayi kuqhathwa nguye."

114 UThixo wathi, "Hamba uyokuxelela uHananiya, 'Ndizakuyenza ngesinyithi, idyokhwe elandelayo.'" Kwaye ngenxa yokuba wayenzayo loo nto, wathatyathwa wesuswa ebusweni bomhlaba, uHananiya wenziwa njalo, kwangaloo nyaka mnye.

Nantso ke imizekelo yethu, bobabini bengabaprofethi. Ininzi into enokutshiwo kuthethwe ngayo ngeli xesha.

115 Kodwa khangela. UYesu watsho, ukuthi, kwelixesha lesiphelo, kwakhona, le mimoya mibini iyakusondelelana kakhulu kwakhona. Ingaba kunjalo? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Ngoku qaphela. Kuyakuba kufutshane kakhulu kunokuba kwakunjalo ngoko. Lixesha lesiphelo eli. Owu, bantwana! UThixo makabe nenceba kuthi! Ngokokude, "Iyakuba yinene kangangokuba ilahlekise nabaNyuliweyo ukuba bekunokwenzeka." Ngoku uyakwenza njani, siyibone njani kulaa mihla? Uzakuyibona njani namhlanje? Ngendlela enye, hlala kunye neLizwi. "UYesu Kristu inguye izolo, namhla, nangonaphakade."

Ngoku wukhathalele wonke loMyalezo. Kwaye xa uphulaphula ikhasethi, mhlawumbi ndakube sendimkile nokumka ngenye imini yakuba iNkosi igqibile ngam apha emhlabeni, uyakuthi ubhekiselele koku. Liphulaphule ilizwi lam, le nto ndikuxelela yona. Ukuba Undithathe phambi koKuza kwaKhe, nize nikhumbule nje, ndithethe nani eGameni leNkosi, ngeLizwi leNkosi. Ewe.

116 Qaphela, "Iyakusondelelana kangangokuba ilahlekise nabaNyuliweyo ukuba bekunokwenzeka," iyakwenza kwa

imiqondiso eminye, imimangaliso eminye, ngoMoya omnye. Ingaba kunjalo? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Kanye njengokuba babenjalo abaprofethi aba sigqiba ukuthetha ngabo, abaprofethi. Ngoku, kubhaliwe kananjalo . . .

117 Masityhile kuso, ngenxa yoku, ukuba niyafuna, kuTimoti weSibini 3. Masingasishiyeleli esi. Kwaye andifuni kwenza . . .

118 Ndijonge kulaa wotshi yodonga iphaya, ndaye ndi—ndifuna ukuqakatha into eninzi kuwo, andikholwa ukuba kufanele ukuba senze njalo ngoku. 'Yabona? Qaphela. Nje . . . Ukuba ndimi apha, ndibile njengokuba ndisenza, 'yabona, kodwa ke ndiyavuya. Ndaye ndiyazi ukuba yinyaniso le. UTimoti weSibini 3:8.

119 UPawulos, indoda eyathi, "Ukuba iNgelosi evela eZulwini ithetha naliphi na elinye ilizwi kuni elingelilo endalithethayo, mayiqalekiswe," ngoku, iNgelosi ethe yehla. NgamaTesalonika eSibini lawo . . . Owu, uxolo.

120 Qaphelani kuTimoti weSibini 3:8. NguPawulos othethayo ngoku. Masiqale malunga . . . Masiqale kumqolo wokuqala, uphulaphulisise kakhulu ngoku. Wena unayo iBhayibhile, funda kunye nam. Wena ungenayo iBhayibhile, phulaphulisisa. I . . .

Ke kwazi oku, ukuba ngemihla yokugqibela . . .

Uzukuqondisise oku, "Ngemihla yokugqibela." Kulapho kuyakwenzeka khona oku.

. . . kuyakubakho amaxesha anomngcipheko (Sikuwo.)

Kuba abantu bayakuba ngabazithandayo, abathandi bemali, abaqhankqalazi, abakratshi, abanyelisi, abangeva abazali, abangabuleliyo, abangengcwele,

121 Khangela kweliqela sinalo namhlanje, libolile. Nditsho kwa indoda elapha phandle, umfana, baziyeka iinwele zihle zize kuma emabunzi abo, zizokuthi ngqu njengomfazi. Bubugqwetha! NgamaSodom!

122 Nikhe nafunda kweyalonyaka, i*Reader's Digest* yalenyanga? Kuthiwe, "Abantu baseMelika abanobudala," ndiyacinga ukuba ibibubo, "obuphakathi kwamashumi amabini namashumi amabini anesihlanu eminyaka ubudala, basukube sebefikelele kwimo yaxa sebephakathi ngobudala." Baphelile! Babolile! Inzululwazi itsho, ithi indoda iba kubudala bayo obuphakathi, nomfazi, ngethuliba besekwiminyaka yabo yamashumi amabini. Umzimba wabo ubolile unikelwe ekungcoleni.

123 Owu, Melika, kufuthi kangakanani na uThixo efuna ukunifukamela, kodwa ngoku iyure yenu ifikile! Niyalikhokela ihlabathi ngokungcola.

. . . abanyelisi, abangeva bazali, abangabuleliyo, abangengcwele,

Bengenalo uthando lwemveli, . . .

Alukho uthando lokwenene lokuthanda omnye, indoda kumfazi, nomfazi kwindoda. "Akukho nkqu uthando olulolwemveli." Ukungcola, ngokwasekwazaneni kwendoda nomfazi!

. . . abangenatarhu, abatyholi, abangenakuzeyisa, izibhoja, abangenakuthanda kulunga,

Ngamanye amazwi, bathi, "Qela ndini labaqengqeleki abangcwele." Omnye umntu wakha wabuza ngenye imini malunga nokuza apha enkonzweni. Wathi, "Musa ukuya phaya. Into oyakuyibona liqela elikhulu lengxolo eqhubekayo."

'Yabona, "abangenakukuthanda oko."

Abancethezi, izityhuthutyhuthu, abathiwe lwale likratshi, abathandi beziyolo kunokuba bathande uThixo;

Uthi wena, "Mzalwana uBranham, ngamakomanisi lawo." Ithini ivesi elandelayo?

Benokumila kokuhlonela uThixo, ukanti (yintoni?) *bayawakhanyela amandla akho;* (iLizwi, uYesu Kristu inguye izolo, namhla, nangonaphakade, bebonakalalisiwe, isithembiso salo mhla) . . .

Kanye njengoHananiya, ngokuchanekileyo njengoZedekiya, ngokuchanekileyo njengoBhileham, konke ukuya emva, abanye abaprofethi bobuxoki.

Benokumila kokuhlonela uThixo, bethanjisiwe . . . 'Yabona

Benokumila, bethanjisiwe, bengabefundisi abamiselweyo . . .

Benokumila kokuhlonela uThixo, ukanti bemkhanyela ukuba usekwanguYe izolo, namhla . . . Belikhanyela iLizwi laKhe!

Bamkhanyela njani uYesu ngalaa mhla? Babekhanyela bani xa babekhanyela uYesu? ILizwi. Babengabantu benkonzo. Babefundisa ngeBhayibhile, kodwa belikhanyela iLizwi lomhla omiyo.

Bayintoni namhlanje? Yinto enye, bathanjisiwe, beshumayela iVangeli yepentekoste, kodwa besikhanyela isithembiso somhla omiyo seLizwi libonakalalisiwe, "UYesu Kristu inguye izolo, namhla, nangonaphakade." Niyayibona? [Ibandla, "Amen."—Mhl.]

Kuba baphuma kwaba abo banyebelezela ezindlwini, bathimbe . . . abafazazana abazono zizimfumba, bephethwe ziinkanuko ngeenkanuko,

"Ezi pati zethu zemithungo *nokuthile thile*." Kufike umntu othile ezama ukulitolika ngendlela engeyiyo iLizwi, ethetha oku, "Kulungile, dade, ukuba ube neenwele ezimfutshane. Musa ukusimamela esaa sihiba. 'Yabona? Okanye, ukuba uthe—uthe wanxiba oku; asiyiloo nto, 'kokuphuma entliziyweni yomntu okumenza inqambi umntu.'" 'Yabona? Ke uyaqonda ukuba uthanjiswe ngomoya ongcolileyo, onenkanuko, umoya omdaka? Andikhathali, usenokucula ekwayaleni, uneenwele ezimfutshane, kodwa unomoya ongcolileyo. Oko kuchasene neLizwi. Injalo loo nto. Ithetha loo nto iBhayibhile. Kwaye uthi, "Kulungile, ndiyazinxiba iibhulukhwe ezimfutshane. Loo nto ayindenzeli sazela."

"Nabani na, ukuba umfazi unxiba iimpahla eyenzelwe indoda, lisikizi elo emehlweni kaThixo." UThixo ongaguquguqukiyo watsho.

124 Owu, zininzi kakhulu izinto, singathini ukudlula nje kuyo; ixesha lethu lingaphela. Kodwa nazi ngokwaneleyo ukuba yintoni na eyiyo nengeyiyo. Kwaye ndingenza njani ukuba bayenze le nto? Ndingayenza njani loo nto? Uthi, "Ke, ungxolela ntoni ke?" Ndilingqina elichasene nani. Ngenye imini, ngoMhla woMgwebo, aniyi kuba nangxingwa niya kungena kuyo.

125 Wayenokuyimisa njani loo nto uMikaya? Wayenokuthini uMoses; ekhwaza, ezama ukuyimisa loo nto, noYoshuwa nabanye bebaleka phakathi kwabantu, waza uLevi warhola ikrele lakhe wababulala, nokubabulala? Baqhubeka beseyinto enye.

Kuxelwe kwangaphambili ukuba bayakwenza loo nto. Kwaye baya kuyenza, kuba lowo ngu-ITSHO INKOSI bayakuyenza loo nto. Ucinga ukuba la malungu ayakuze aphuke, amahlelo abo abuyele eLizwini? Ngu-ITSHO INKOSI, abangekhe bayenze loo nto! Ingaba baya kuya kumchasi-kristu? Ngokuqinisekileyo. Ngu-ITSHO INKOSI lowo, bayakwenza njalo! "Ngoko uthini ngaloo nto?" Kufanele ukuba ndibe lingqina, ngokunjalo nawe, onke amakholwa. Khangela.

. . . abafazazana abazono zizimfumba . . . bephethwe ziinkanuko ngeenkanuko,

126 "Ke, ndibazi bonke abanye abafazi bayayenza." Abaprofethi bobuxoki! Ngoku phulaphula. Ngabaprofethi bobuxoki, aba ndithetha ngabo. Ngoku bayakwenza ntoni ngomhla wokugqibela?

. . . bathimbe abafazazana abazono zizimfumba . . . bephethwe ziinkanuko ngeenkanuko,

"Ke, ndiyazi ukuba bonke abanye abafazi . . ." Kulungile, qhubela phambili.

127 Ndathini kanye phambi kokuba kwenzeke esi sehlo sikhulu apha eCalifornia? "Nina bantu balapha eLos Angeles, minyaka le ndisiza apha ndibuya sekukho abafazi abanqothule iinwele namadoda azenza abafazi angaphezu kokuba ayekho okokuqala, kukho abashumayeli abathe chatha abaya emibuthweni. Aninakuzithethelela! Ukuba imisebenzi yamandla eyenziwa eSodom naseGomora yenziwe kuni, ngeyisemile namhlanje. Owu, Kapernahum, wena uzibiza ngegama leengelosi, Los Angeles!" 'Yabona ukuba kwenzeka ntoni na? Iyehla ibheka kanye emazantsi olwandle. Nini? Andazi ukuba iya nini na, kodwa iyaya. Nina lutsha, ukuba andiyibonanga ngomhla wam, zenikhangele. Iyaya!

Behlala befunda, . . . bangaze phofu babenako ukufika ekuyazini inyaniso.

Ngoku nantsi into eyothusayo, nantsi eyona ndawo yothusayo. Phulaphula oku.

Kwangoloo hlobo ke bathi ooYanes noYambres bamchasa uMoses, ngokunjalo nabo aba bayayichasa inyaniso: bangabantu abonakele ingqiqo, abangenakucikideka ngakulo ukholo olwanikelwa kwabangcwele kwabakanye, kakade.

"NgaseluKholweni." "Yena uyakuthabatha uKholo looyise, okanye ukholo lwabantwana, alubuyisele kooyise."

128 "Abangenakucikideka ngakulo uKholo." A–ha! Niyazi ukuba kuthetha ntoni *ukungabinakucikideka?* Ukuba uneBhayibhile kaScofield, kukho u"*h*" apho. Kanye apho, ithi, "apostasy." I–apostasy ulahlo, yayiyiloo nto.

129 Ngoku, okomzuzu nje. Ndifuna ukukhe ndikhangele into apha. Ndiyacinga ukuba ndiyibhalile. Andiqinisekanga, kodwa ndifuna ukuyithetha, makhe ndiyijonge phambi kokuba ndi—ndiyithethe. Ngoku, umzuzu nje. [Kukho indawo engenanto ekhasethini—Mhl.] "Abangenakucikideka ngakwiNyaniso, ngokubhekiselele kuKholo." "Olona Kholo," lunye kuphela uKholo. Injalo loo nto. "Ngokubhekiselele kuKholo, ngabangenakucikideka!"

Ngoku ndifuna ukufunda kuLuka 18. Umzuzu nje. Akukho . . . Ungasibhala nje; akukho mfuneko yokuba usifunde.

*Ke kaloku wayethetha nomzekelis*okubo *wokuba, bamelwe kukuhlala bethandaza, bangethi . . . mandla;*

Esithi—esithi, Kwaye kukho umgwebi emzini othile, ongamoyikiyo uThixo, ongamhloneliyo nomntu:

Bekukho ke umhlolokazi othile kuloo mzi; obemana ukuza kuye, esithi, Ndikhulule kummangaleli wam.

Kwaba mzuzu enga—engavumi: kodwa kamva wathi ngaphakathi kwakhe, Nakuba ndingamoyiki uThixo, ndingamhlonele nomntu;

Noko ngenxa yokuba lo mhlolokazi endibulala, ndomlungisa, ndimkhulule hleze ade . . . eze andaphule.

Ithe ke iNkosi, Kuveni okuthethwa ngumgwebi ongalungisiyo.

Ke yena uThixo akayi kukhe . . . abalungise na . . . abanyulwa bakhe, abakhala kuye imini nobusuku, noko azeka kade umsindo ngabo?

Ndithi kuni Uyakubalungisa abakhulule kamsinya. Kodwa ke akufika uNyana woMntu, wolufumana na ukholo ehlabathini apha?

130 Ngoku ngumbuzo lowo. Naku apha bendifuna ukufika khona, kwiSityhilelo 10. Sizakufika kuyo kwimizuzu embalwa, nenye ivesi yeSibhalo. Wathi, "Ke ngemihla yoMyalezo wesithunywa sesixhenxe, imfihlakalo kaThixo iyakuphelela." Nangu umbuzo, ukukuba, ukuba uyakulandela oku malunga nale yure, ingaba iyakuzaliseka? "Ndiyakulufumana na uKholo?" Ingaba uMalaki 4 uyakuzaliseka ngeli xesha, "Ukubuyisela uKholo lwabantwana emva, kuKholo looyise, olokuqala, iLizwi?" 'Yabona?

131 "Abangenakucikideka, ooYanes noYambres, njengokuba babekuchasile." Ngoku, kwakhona, phulaphula, uTimoti weSibini 3:8. "Njengoko uYan-. . . bachasanayo noMoses, kwakho ngemihla yokugqibela abo bachasi bayakuza" ngoku bona ukuba ithini na apha, benokumila kokuhlonela uThixo," abathanjisiweyo. Ngoku masikhe . . . Ungabuyela umva u—uyifunde wakufika ekhaya, ukwenzela ukuze ndigqibe oku, kusasanje, ukuba ndinganakho. "Abangenakucikideka ngakulo . . ." Hayi abangenakucikideka e—e—ekuphileni; balungile, ngabantu abaphucukileyo.

132 Ngoku qaphela wathi uMoses akuhla aye eYiphutha, enomyalezo ka-ITSHO INKOSI, waza wangqinelwa; wakhupha uSirayeli, owayengabantu, hayi ibandla. USirayeli wayengabantu; babengazange babe libandla. Kuba, igama u-*ibandla* lithetha "abakhutshiweyo." Babengabantu bakaThixo. Baze bathi bakuba ngabathanjisiweyo phantsi kweLizwi, abakhutshiweyo, baqala ukuba libandla likaThixo. Baza babuya bakreqa, ngokuba abazange balikholelwe iLizwi likaThixo, baphula phula umprofethi wobuxoki. Ndiyakholwa ukuba kungena nzulu oku.

USirayeli, engabantu bakaThixo, waphuma ephantsi kwesandla sikaThixo, ethanjiswe ngeLizwi . . . ngaMandla

kaThixo, wayibona imiqondiso nemimangaliso kaThixo. Kwaze kwathi uThixo akuba ehamba nabo, kwangena umprofethi wobuxoki, umthanjiswa, wafundisa into echaseneyo neLizwi likaThixo lakuqala ababelivile; baza bonke ngabanye batshabalala entlango, ngaphandle kwabantu abathathu. Ngoku yibambe.

133 "Njengokuba kwakunjalo ngemihla kaNowa, apho kwasindiswa imiphefumlo esibhozo ngamanzi, kuyakuba njalo ekubuyeni koNyana womntu." "Njengokuba kwaye kuhle ngemihla kaLothe, apho kwaphuma babathathu eSodom, kuyakuba njalo ngexesha lokutyhileka koNyana womntu." Ndicaphula kuphela iSibhalo, iLizwi leNkosi, ukuba, "Izulu nomhlaba liyakudlula . . . " Iyakuba ngaba mbalwa!

134 Qaphela apha. UMoses wehla waya ku-Aron. UMoses wayezakuba nguThixo. UThixo wamxelela ukuba abe nguThixo, wathi, "Wena uyakuba nguThixo, u-Aron umkhululwa wakho abe ngumprofethi wakho. Uyakubeka amazwi emlonyeni wakhe ukuba awukwazi kuthetha kakuhle." Wathi, "Kodwa ke ngubani owenza umntu abe sisidenge? Ngubani owenza umntu ukuba athethe?" YiNkosi eyenza njalo.

Wehla ke waya apho. Wenza ntoni? Wenza ummangaliso oyinene wenyaniso awawuxelelwa nguThixo ukuba awenze. UThixo wamxelela ukuba, "Hamba uyokuphosa intonga yakho phantsi." Ayithabathe, yaba yinyoka. Wayithabatha, yajika yaba yintonga. Wathi, "Hamba uyokwenza loo nto phambi koFaro, uze uthi, 'ITSHO INKOSI.'"

135 Wathi uFaro akukubona oku, singathi, "Ngoba, umlingwana olula olo hlobo." Wathi, "Akukho nto iyiloo nto. Kukufundwa kwengqondo ngomlingo okanye enye into, uyazi. Sinawo amanene embuthweni wethu anokwenza kwa into enye naleyo. 'Yiza apha, Bhishophu u*Sibani-bani*. Kunye, nawe, phumani nize apha.' Sinabo abanokwenza kwaloo nto." YayinguSathana ethetha ngoFaro lowo.

YayinguThixo lowa ethetha ngoMoses.

136 Kodwa mjonge lo mfo waphumayo. UYanes noYambres baphuma phambi koMoses, esidlangalaleni phambi kwabantu, baza benza wonke ummangaliso awayekwazi ukuwenza uMoses. "Bayakulahlekisa nabaNyuliweyo ukuba bekunokwenzeka." Akunjalo? Benza kwa into enye nale yenziwa nguMoses. Niyayifumana? Ngoku khumbula, ingu-SITSHO ISIBHALO, ukuba iyakuphindeka kwakhona ngemihla yokugqibela.

Yayiyintoni umahluko phakathi koMoses noYambres?

UMoses wathi, "Makubekho igazi emanzini."

Naba baprofethi bobuxoki bathi, “Ngokuqinisekileyo, singalifaka igazi emanzini, oku kwethu.” Yaze yenzeka loo nto.

137 Ngoko uMoses wathi, “Makubekho iingcongconi.” Wayeyifumana phi loo nto? Eyifumana ngqo ivela kuThixo. ’Yabona?

Wenza ntoni ke? Wathi, “Kulungile, ngokuqinisekileyo, sinako ukuzisa iingcongconi, nathi.” Baza benza njalo. Nawuphi na ummangaliso awayenokuwenza uMoses, babenako ukuwenza, nabo!

Khumbula, ukugcine engqondweni oko, sizakufika kuko, emva komzuzwana. Bangenza nantoni na enokwenziwa ngabanye aba, kodwa abanakho ukuhlala neLizwi. Abanakho ukuhlala neLizwi.

138 Ngoku qaphela, bakwenza oko. Kodwa uMoses, umprofethi wenene othunywe evela kuThixo, eyalelwe nguThixo, akazange axambulisane nabo, athi, “Naku, aninakukwenza oko! Aninakukwenza!” Wabayeka nje, wabayeka baqhubela phambili. Bangabaprofethi bombutho, kodwa mabaqhubele phambili.

UMoses wahamba nje esiya phambili, waphulaphula uThixo. Nantoni na eyathethwa nguThixo, “Ngoku yenza *oku*,” uMoses wehla waya kukwenza. Wenza into entsha. Bathi bakuyenza, ngamnye kubo wayenokuzivela okanye into ethile, naku besiza. Bayenza, nabo, kanye njengokuba uMoses wenzayo.

139 Ngoku qaphela. Aba bafo bavela . . . Owu, nina bantu, ningakhe niphoswe koku! Aba bankwalambisi, abalinganisi, bavela emva kokuba owenyaniso wayefike kuqala. ’Yabona? Bezela ukuza kulinganisa. ’Yabona, kunyanzelekile ukuba benze njalo. Usathana akanako ukudala nantoni na; ungumguquli wento ebisele ikhona.

Kwaye yintoni isono? Sibubulungisa bugqwethiwe. Yintoni ukrexezo? Sisenzo esifanelekileyo sigqwethiwe. Yintoni ubuxoki? Yinyaniso ingabekwanga ngendlela. Bubugqwetha!

Khangela uHananiya, umguqulelwa weLizwi lakuqala. Khangela uBhileham, ngumguqulelwa weLizwi lakuqala. Khangela uZedekiya, ngumguqulelwa weLizwi lakuqala.

Yathi ke iBhayibhile abo bafo baya kuphuma, ngokuguqula . . . okanye baguqule iLizwi lakuqala elingqinelweyo laqondakalaliswa ukuba liyiNyaniso.

140 “Umsebenzi womshumayeli weendaba ezilungileyo wenze,” phaya kulaa kona iphaya ngaphesheya, “luzalise ulungiselelo lwakho. Kuba liyakufika ixesha apho bangayi kuyimamela iMfundiso ephilileyo, koko bayakuthi

ngokweenkanuko zabo bazifumbele abafundisi, bebaba iindlebe; bahambele phambili ekwenzeni nantoni na abafuna ukuyenza, ukuze, 'Kulungile, sikwanayo loo miqondiso nezimanga.' Baye beyakumka eNyanisweni, baguqukele ke kwiintsomi, nemigaqo."

141 Owu, ukuqaphela kukaMoya oyiNgcwele, ukoyika okubetha emphefumlweni womntu akuma acinge ukuba iyinene ecacileyo kanye apha phambi kwethu! Ungemba kulaa kona ilapha ufunde isiqwenga sephepha esifakwe phaya phakathi, kwiminyaka engamashumi amathathu anesithathu eyadlulayo. Ubone ukuba yintoni na Awayithethayo phaya ngaphesheya kwi—kwiSitrato seSixhenxe, ngalaa ntsasa mhla kwakubekwa eli litye lembombo. Ngoku mkhangele. Khangela phaya ezantsi emlanjeni, xa yathi laa Ngelosi yeNkosi yehla ikwimo yeNtsika yoMlilo, kumakhulu eenkonzo, okanye abantu beenkonzo, bemi jikelele elunxwemeni; yintoni Esayithethayo, ubone ukuba yenzekile na. Bona ukuba kwenzeke ntoni na.

Kulukhuni kakhulu. Ndiyazi ukuba kukhangeleka kulukhuni, bazalwana, apho ngaphandle. Kodwa kuko . . . IBhayibhile yathi, uYesu ngokwaKhe wathi, "Kuyakulahlekisa nabaNyuliweyo ukuba bekunokwenzeka." Akukho ndlela yakuyivela ngemva. Abanakuze babe nokuYibona. Ukuba bekunokwenzeka, nabaNyuliweyo ngokwabo bebeya kuqhatheka kuko.

142 Qaphela, aba bafo bavela emva kokuba umthanjiswa wenyaniso kaThixo wayethunyelwe; ngomprofethi waKhe, uMoses. Waze wathi uMoses akwenza nantoni na, babeye bayilinganise.

143 Ngoku, mzalwana, dade, mna . . . Eli libandla elilelam. Ndinelungelo lokushumayela oko ndifuna ukukushumayela, okoko nje iliLizwi likaThixo. Kwaye andinigwebi nina bantu, kodwa makhe sikuphengulule oku sisenzela ixesha neyure esiyiphilayo kuyo ngoku.

Ndiyabulisa kuMzalwana uRuddell, kuJunior Jackson, abo baphaya ngaphandle, iinkonzo ezingabazalwana bethu. Ndibalibele, kulo mzuzu udlulileyo. Ndicinga ukuba banxibelelene nathi ngale ntsasa, nabo, ngokuba ngokungekho—kungekho ndawo enkonzweni.

144 Khaniyicinge ngoku, okomzuzu nje. Benza kwa imimangaliso eminye nale yenziwa nguMoses. UMoses wezisa iingcongconi; bayilinganisa nabo bezisa iingcongconi. 'Yabona?

UThixo wathi, "Mhla nithe nadla kuwo, niyakufa ngaloo mini."

145 USathana wajikela wathi, “Ngokuqinisekile, anisayi kufa. Niyakuba ngaba nobulumko obuthe chatha. Niyakuba nombutho ongcono, okungcono . . . ” Uyazi. “Uyazi, yonke into iyakuba ngcono kuni, nibe nokuKhanya okuthe chatha.” ’Yabona, okuguqulweyo nje. Kufanele . . .

Kwaye khumbula, ITSHO INKOSI, ngokukaTimoti weSibini 3:18, ukuba, “Ngemihla yokugqibela, ukuba lo Yanes noYambres bayakuba phezu komhlaba.” Ngoku, ndifuna ukuba niqaphele ukuba babini, ’yabona, abalinganisi.

146 Ngoku sizakubuyela emva eSodom, emva komzuzwana, eza zithathu, sifumane ezaa Ngelosi zintathu zehlayo, sibone ukulinganisa, nokunjalo, ’yabona, sibone ukuba kokuphi na okulungileyo nokuphosakeleyo. ’Yabona? ’Yabona?

147 Qaphela, benza imimangaliso efanayo. Kodwa, qaphela, babelinganisa iLizwi lenyaniso elalithanjisiwe, lisenziwa ngowenyaniso owayethunyelwe nguThixo; balandela, ngokodidi lwesibini.

Ukuba nje singakhe sicinge okomzuzu. Ukubamba abantu ngesandla, kungekudala kwixesha elidlulileyo, malunga neminyaka engamashumi amabini eyadlulayo, kuze kubonakaliswe umqondiso. Mfo, kwabakho imiqondiso kuyo yonke into, nakuye wonke umntu . . . Omnye wayenawo kwisandla sakhe sokunene; omnye enawo kwisandla sakhe sokhohlo; omnye esijoja. ’Yabona, zonke iindidi . . . Kwaye ndiyamangaliswa . . . UThixo akangekhe andivumele ndinixelele ukuba yintoni na eyinyaniso okwangoku, kodwa ngenye imini niyakufumanisa. Loo nto yayikukwenzela nje ukuba kubonakalaliswe ukungabi nangqondo kwabo. Yayingeyonto iyiyo leyo, ekuqalekeni. Ndizakunixelela, ngenye imini, ukuba iNkosi iyavuma.

148 Qaphela, benza imimangaliso efanayo, kodwa abazange benze . . . Qaphela, abazange bayenze emva kokuba iLizwi lakuqala laphumayo, kuqala. Yile ndlela wenza ngayo uSathana emyezweni wase-Eden. Yindlela awenza ngayo lonke ixesha. Ngubani owaprofetha kuqala? NguMoses. Ngubani owavela kuqala, nguMoses okanye uBhileham? NguMoses. Ngubani owavela kuqala, uYeremiya okanye uHananiya? Niyabona ukuba ndithetha ukuthini na? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.]

149 Qaphela, babebonela. Abalinganisi abangabenyama, benyanisekile, becinga ukuba “babesenza umsebenzi kaThixo,” njengokuba uDavide wenzayo, kwiveki ephelileyo, kodwa ikukulinganisa okukokwenyama. Ndilinde nje okomzuzu. Ndifuna ukuba nicinge phakathi kwezi ndawo. Ukuba andiyithethanga, ngokuqinisekileyo uMoya oyiNgcwele uyakuyityhila, ingakumbi kwabaNyuliweyo. ’Yabona?

150 Ihlelo likaFaro lithi, “Sinawo amadoda anokwenza kwa into enye,” aze enza njalo. ’Yabona? Wayenzela ntoni uFaro le nto? Wayivumelela ntoni uThixo ukuba yenzeke? Wayenokuthini uThixo ukuthumela oyinene, umprofethi othanjisiweyo ehle ayokwenza ummangaliso phambi koFaro, aze avumele ukubonela okukokwehlelo kufike kulinganise oko phambi kwabantu? Kwakutheni ukuze Avumele umlinganisi ukuba avele azokuyenza, aze enze kanye into enye nale yenziwa nguMoya wenene kaThixo? ’Yabona, iSibhalo simelwe kukuzaliseka.

151 Qaphela, Wakwenza oko ukuze Abe nokuyenza lukhuni intliziyo kaFaro namaYiphutha, kuqondakalalisa ukuba uMoses yayingenguye kuphela owayeneLizwi. Babanako ukwenza yonke into kanye njengokuba uMoses wayenokuyenza.

Kwaye kwakutheni ukuze uThixo avumele ukuba lento yenzeke kwimihla yokugqibela? Ukuze, into enye nalaa moya uxokayo wayithethayo kuZedekiya, “Siyakuthini ukuze simfumane u-Ahabhi aphume phaya, ukuze ezi zinto zenzeke?” Uyakuthini ukuze Abafumane aba bantu, bathembele kwiinkonzo zabo, ukuze baphume enze ukuba lento yenzeke, into Awayeyixele kwangaphambili? Bona, kwesi Sigaba seBandla laseLawodike, “Ngokuba uthi ‘ndisisityebi, andiswele nto. Ndihleli njengokumkanikazi.’ Ube ungenanto! Awazi ukuba uludwayinge, ulusizana, uyimfama? Kwaye Ndiyakucebisa ukuba uthenge kuM,” Watsho, “I-oli negolide.” Wayenzela ntoni Yena loo nto?

152 Kwakutheni ukuze Avumele ukuba oku kulinganisa kuvele ngemihla yokugqibela, xa ezi zinto zisenzeka ngeLizwi lenyaniso likaThixo; kuvunyelwe abalinganisi ukuba bavele benze kwa into enye, baze baliphike iLizwi likaThixo lenyaniso? Wakwenza kuMoses. NoFaro wakwenza ngokuchasene noMoses; kunye nabo, uYanes noYambres, bayenza ngokuchasene noMoses. IBhayibhile ke ithe iyakuphindeka kwakhona ngemihla yokugqibela. Naku ke. Ngoku, ukuba eso ayisoSibhalo sizaliseka, ingaba siphi?

153 Ingaba uMoses waxoxisana nabo esithi, “Naku! Naku! Aninakuyenza laa nto. Ndim kuphela othanjiselwe ukwenza oko. Naku! Yekani ukuyenza loo nto, khona ngoku”? Wabayeka nje baqhubeka.

Wabayeka baqhubeka. Khumbula, iBhayibhile yathi, “Njengokuba ukungabi nangqondo kwabo kwabonakalaliswayo, kuyakuba njalo nokwaba ngomhla wokugqibela ukubonakalaliswa,” xa uMtshakazi ayakuxwilwa athatyathwe aye kungeniswa esibhakabhakeni. Qaphela.

154 UMoses, iLizwi lenyaniso libonakalalisiwe, akazange athethe nanto, wayeka nje kwaqhubeka. Kodwa Wakwenza oko ukuze Abe nokuyenza lukhuni intliziyo kaFaro, ukuqhatha uFaro.

Wenza kwaloo nto inye ukuze Abe nokulukuhla u-Ahabhi. Kwaye laa mfo umncinane mnye wayemi apho eyedwa, uMikaya omncinane, ebaxelela, "ITSHO INKOSI." Naku ke kusima omnye, othanjisiweyo, "ITSHO INKOSI." Kwaye bechasene, omnye nomnye.

155 Simi namhlanje no-ITSHO INKOSI, ukuba ubhaptizo kwimihla yokugqibela liyakuba seGameni likaYesu Kristu. Omnye umntu uyema enze ummangaliso, aze, abe ngumtriniti.

Ndibonise igama u-*triniti* eBhayibhileni. Ndibonise ukuba kuphi na apho kukho ooThixo abathathu. Ndibonise ukuba iphi na into enjengaleyo. Ayikho eLizwini likaThixo. Ayikho into enjengokuba nabani na wakhe wabhaptizwa egameni lika"Yise, Nyana, Moya oyiNgcwele," kusetyenziswa ezo zihloko. Zonke ezi zinto, "Owu, kulungile, boodade. Kulungile, yiba nezinde. . . neenwele zakho ezimfutshane. Kulungile, akufanelwe ukuba wenze *oku,* no*kuya,* okanye *okunye*. Owu, yimfeketho leyo, yingqola nje endala."

Kodwa iBhayibhile yatsho! Kwaye Wayekuthembisile, "Ngemihla yokugqibela, Uyakuthumela uMoya ka-Eliya, ukuze abize abantu, abantwana bakaThixo, babuyele emva kuKholo lwakuqala njengokuba lwalunjalo ekuqalekeni, elileleLizwi." Elaa Lizwi langqinelwa, linguNyana womntu ngemihla yokugqibela, kanye njengokuba kwakunjalo eSodom; izolo, namhla, nangonaphakade. Wathembisa ukuyenza loo nto. Lidinga likaThixo. Ngu-ITSHO INKOSI.

156 Qaphela, benza kwa into enye, kanye njengokuba uMoses wenzayo, wade uThixo wakruquka yiyo.

Ngoku khumbula, ngu-ITSHO INKOSI, kuyakwenzeka ngaloo mhla. Ngoku, phengulula ehlabathini lonke; thabatha lonke unqulo, thabatha sonke isizwe, thabatha yonke indoda, thabatha yonke icawe! Ndiyanimema, eGameni likaKristu, ukuba nikwenze oku, nina bashumayeli. Ndiyanimema ukuba nifunde amaphepha-ndaba okanye nithabathele ingqalelo naphi na apho nifuna khona, nibone ukuba oko akukho phezu komhlaba khona ngoku na. 'Yabona? 'Yabona?

Ngoko, uMateyu 24:24 unyanisile kanye. "Abobuxoki, abathanjiswa bayakuvela kwakhona ngemihla yokugqibela, kwaye beyakuba ngabaprofethi bobuxoki, baye beyakulahlekisa uninzi." Yijonge kwimizekeliso ngoku, njengokuba isiza ngoku, 'yabona, "Iyakulahlekisa uninzi." "Abaprofethi," isininzi; "OoKristu," isininzi, sabathanjiswa; abaninzi abahlukeneyo, amaWisile, uyazi, namaBhaptizi, nabakwaMoya, njalo-njalo. 'Yabona?

Kodwa mnye uKristu wenene, uMoya, lowo ke uliLizwi lenziwe inyama njengokuba Wathembisa ukuba uyakwenza njalo.

Ngoku siza kuqhubela phambili kancinane, ukuya kwezinye iZibhalo.

157 Wade, uThixo wakruquka yiloo nto, yabe ke iphelile. Ukungabi nangqondo kwabo kwabonakalaliswa.

158 Qaphela. Khumbula, ikhasi likhangeleka kanye njengokhozo lwengqolowa. 'Yabona? Ngoku, awungekhe uthi, phaya emva kwisigaba samaLuthere, "udiza lwaluyingqolowa," nangona lunoBomi kulo. Isiqu silungile, uBomi obabusesiqwini babulungile, kodwa, khumbula, uBomi baqhubeka; busuka ku-Elisha ukuya ku-Eliya. UBomi buhlala buqhubeka busiya phambili. Kodwa, khumbula, bukomnye umgangatho. Abunakuhlala bukulaa mgangatho. Asinako ukutya inyama ebolileyo yesinye isigaba. Asinako ukutya inyama ebolileyo yePentekoste, ubuWisile, okanye ubuBhaptizi. 'Yabona, sele ibolile. Sinako uKudla okutsha, iLizwi laleyure, njalo-njalo.

159 Khumbula, ingxam ifana kanye nokhozo lwengqolowa. Awunako . . . Lwalungakhangeleki njengengqolowa phaya esithonjeni, lwalungakhangeleki njengayo phaya esiqwini, kodwa lwakhangeleka njengayo ekhasini. Lwalungakhangeleki njalo kwi . . . UYesu Kristu nguye izolo, ku-Luther; lwalungakhangeleki njengaku-Wesley; kodwa ngokuqinisekileyo luyafana kwiPentekoste, uku"lahlekisa nabaNyuliweyo ukuba bekunokwenzeka." 'Yabona? Nazo ke izigaba zakho.

160 Kodwa khumbula, ukuba inkonzo yakwaMoya, kwimihla yokugqibela, yayiyiLawodike; waze uKristu watyhalelwa ngaphandle, uKhozo, iNgqolowa, ngokwaYo. Wathi Akuzama . . . Khumbula, wathi Akuzama ukuZibonakalalisa ebandleni, Wakhutshelwa ngaphandle. Yayiselibandla, libanga ukuba lililo; lithanjisiwe.

Kodwa *apha* liliLizwi, uKristu ngokwaKhe, oliliLizwi elithanjisiweyo eliyakuza kuMzimba waKhe uwonke, uMtshakazi. Abathanjasiweyo, kwangamanzi afanayo nala ankcenkceshele ingqolowa, njengokuba besithetha ngawo, ngokunjalo alunkcenkceshele nokhula, abathanjiswa. NgabaNyuliweyo kuphela, okanye abanyulwa kwangaphambili, abayakubanako ukuwuqaphela umahluko phakathi kwazo. Ngoku, kuma-Efese 5:1 ukuxelela ngaloo nto, nokuba yaba njani na.

161 Bangabathanjisiweyo. Wonke umntu uthi, "Uzuko kuThixo! Sifumene inkululeko apha ezantsi. Haleluya! Thina . . . Owu, haleluya! Sithetha ngeelwimi, siyaxhuma. Sinenkululeko yabafazi; nina bantu nizama ukubabeka

phantsi kwazo zonke ezi ntlobo zezinto." 'Yabona? Qhubelani phambili. Akukho nto iyenye ninokuyenza. Uthi, "Kulungile, sithetha ngeelwimi. Siyakhwaza. Sixhentse sikuMoya. Sishumayela iLizwi." Ngokupheleleyo. Akukho nento endinokuyithetha ngokuchasene noko. Enza njalo nalaa madoda alapha eBhayibhileni kudala.

UYesu wathi, "Iyakulahlekisa kwanabaNyuliweyo ukuba bekunokwenzeka, nabaNyuliweyo ngokwabo."

162 Ngoku yiqaphele ingxam. Ukusukela kuKhozo lwakuqala, uKhozo olwehlayo langena emhlabeni, Lwalungengombutho. YayiluKhozo olunye, ilulo ngokwaLo. Kodwa lathi lakuphuma, alwaba luKhozo; langumbutho, 'yabona, amagqabi, isityalo.

Laza ke Laya kwesinye isigaba, sigaba eso yayilinquma. Nangoko lalingenjengokuba lalinjalo ekuqaleni. Lalingumbutho.

Laya ekubeni libe yingxam, linamagqabi amaninzi, iPentekoste, liya ekubeni ngoku lifaneleke kanye. Likhangele. Liya libumbeka lonke ixesha, liphantse lifane kanye ngqo, likhangeleka kanye ngqo, likhangeleka ngqo njengoKhozo lwengqolowa xa ubona elaa xolo lincinane lilapho.

Kodwa ekugqibeleni Liyabonakalaliswa, kungasekho mbutho. Akusekho ziphathi zikhoyo. Umbutho usisiphathi nje. Akusekho ziphathi; isiqu sifanele ukuba sife, ingxam ifanelwe kukufa, yonke enye into ifanelwe kukufa, kodwa ingqolowa iyaphila iqhubele phambili. Ngumzimba wovuko ke lowo, uhla ukuza apha ezantsi abathabathe. "Abo bangabo kugqibela bayakuba ngabo kuqala, nabo bangabokuqala bayakuba ngabokugqibela." 'Yabona, uyabathatha ubanyusela eluvukweni. Niyakulandela oku? [Ibandla, "Amen."—Mhl.] Kulungile. Qaphelani, ukhozo lu . . .

163 Ingxam ikhangeleka kanye njengokhozo. Kwaye umntu oqhuba ifama yengqolowa, okanye into eyenye, angajonga athi, "Makabongwe uThixo, ndinesivuno sengqolowa," ngelixesha angenalo nesuntsu lengqolowa. Ikhangeleka kanye njengengqolowa, kodwa ke isisingxobo.

164 Ngoku, zihlobo, buyelani emva nam. Ivelaphi imvuselelo yokuqala, emva (ukufa) kwemihla xa lwathi ukhozo lwengqolowa kwafuneka luwe emhlabeni, uMzimba, uMtshakazi kaKristu? UKristu wamenza umbutho uMtshakazi waKhe, ingaba kunjalo, iBandla laKhe? Akazange aLenze mbutho; Wemisa abapostile nabaprofethi, njalo njalo, eBandleni, ukuLigcina licocekile. Kodwa eNicea, eRoma, kumakhulu amathathu anesithandathu eminyaka emva koko, baqala ukulenza libumbane basuka balenza umbutho.

Akunjalo? Laza lafa. Yonke into engavumelani neloo bandla yabulawa. Yaza yathula nya, amakhulu amathathu eminyaka onke, iseluthulini.

Kodwa, emva komzuzwana, naloo liphuma ngoLuther. Amasetyana okuqala esityalo avela. Okwesibini, labanamathupha liphuma apho. Baqhubeka, banooZwingli njalo-njalo, neminye imibutho njalo-njalo. Kwaze, emva komzuzwana, kwavela amaTshetshi.

Kwaze kwenzeka ntoni? Nako kufika uWesley nemvuselelo entsha, inquma, elakhangeleka ngokusondeleyo kakhulu kwiNgqolowa. Kwaze kwenzeka ntoni kuloo nto? Yazenza umbutho, yaze yoma yafa.

UBomi benyuka baza kutsho ekhasini, ikhasi linyuka laya ekubeni lifane phantse ngokugqibeleleyo neNgqolowa. Kodwa, ekugqibeleni, ukungabi nangqondo kwalo kwabonakalaliswa kwiminyaka esibhozo okanye elishumi yokugqibela, ingakumbi kwiminyaka emithathu yokugqibela. Ngoko yenza ntoni loo nto? Yazihlobulula yaphuma eNgqoloweni.

165 Ngoku kutheni kungazange kubekho mbutho uqalayo kule minyaka yamva ingamashumi amabini yale mvuselelo inkulu; ngabaprofethi abathanjisiweyo, abafundisi abathanjisiweyo, njalo njalo, kodwa kutheni ingekho nje? Akukho nto ingaphaya koKhozo. [UMzalwana uBranham unkqonkqoza epulpithini kane—Mhl.] 'Yabona, Lubuyile, ngaphandle kombutho. Owu, bethu, nomntu oyimfama angakubona oko. Aningekhe nizenze mbutho; Liqine kangangoko ngokuchasene nawo, LiluKhozo lweNgqolowa, ngokwaLo. UNyana womntu uyakubonakalaliswa. UKhozo lweNgqolowa luyakubuyela kwakhona esiqwini saLo, uNyana womntu ngemihla yokugqibela.

"Kwaye kuyakuvela abobuxoki, abalinganisi baLo, ngemihla yokugqibela, abaya kuthi balahlekise nabaNyuliweyo ukuba bekunokwenzeka." Khangela kwimibutho yabo yobuhlelo yamakhasi eya imka ngoku.

166 Yenza nje ukuba iNgqolowa yaziwe, ngabaNyuliweyo, abayinxalenye yaYo. Qaphela indlela ekuziswe ngayo kakuhle oku apha ngoku. Kuphela nga . . . Qaphela, abathanjisiweyo bayakuba nako; abenyaniso, abaNyuliweyo, abanyulwe kwangaphambili, kuma-Efese 5:1, okanye 1:5, gxebe, bayakuba ngabamisiweyo, abanyuliweyo. Ngabo kuphela abangayi kulahlekiswa.

Qaphela, abaprofethi abathanjisiweyo baya kuba ngabobuxoki, kwaye phakathi kwayo yonke loo nto kuyakubakho abathanjiswa benyaniso. Uyakukwehlula njani? NgeLizwi. Njengokuba, sinayo isithunzi. Niyayibona? Yithani, "Amen." [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] 'Yabona?

167 Qaphelani, abathanjiswa, liLizwi kuphela eliyakubahlula, hayi imiqondiso. Owu, hayi. Bayakwenza imiqondiso efanayo, kodwa iLizwi lilo elibahlulayo. Ngokuqinisekileyo. Bonke baprofetha. Bonke benza *oku, okuya, nokuya,* ngokuqinisekileyo, ngokufanayo kanye. UYesu wathi bayakwenza into enye. Kodwa iLizwi lilo eliyakubahlula, qaphela, hayi imiqondiso.

168 Niqaphele? UYesu utshilo apha, kuMateyu 24. Akazange athi, "Kuyakuvela ooYesu ababuxoki ngemihla yokugqibela." Owu, hayi, abangeke bame bathule koko. Hayi. Ungafumana inkonzo kaMoya eyinkonzo kaMoya yenene, athi, ngokwakhe, "Yesu"? 'Yabona? Ungafumana umWisile wobuxoki, okanye umBhaptizi, okanye umntu ololo hlobo, okanye omnye wemibutho, bathi, "SinguYesu"? Bazingcono kunoku. Abangekhe bayenze loo nto. Kodwa iBhayibhile ithe bayakuba ngoo"Kristu ababuxoki," hayi ooYesu, kodwa, "ooKristu ababuxoki." Abangekhe bakuqaphele, bathi, "NdinguYesu." Owu, hayi.

169 Kodwa bango"Kristu ababuxoki," babe bengazi, ngokuba bachasene neLizwi. Kwaye uThixo ungqinela kwaloo nto. Ngoku, ndikuhlisa nje oku ukuzisa kumanqam ngoku, kuba nibone kwa into isenziwa ngababantu ebisenziwa kokuyinene. NoYesu watsho.

170 Ngoku, njengokuba benditshilo, ngoku kuni bantu nilapho ngaphandle, niphulaphule ngeminxeba apho, andi—andinigwebi, koko libandla lam eli ne—neqela uMoya oyiNgcwele andibeke phezu kwalo, kwaye kufuneka ndilixelele iNyaniso. Iyure iyasangana.

171 Ngoku, abangekhe bamelane noko, kodwa, "ngooKristu ababuxoki," ababuxoki, abathanjiswa, bephantse banawo wonke umqondiso nalo lonke igama leLizwi. "Bayakholelwa kubhaptizo lukaMoya oyiNgcwele?" Ngokupheleleyo. "Bakholelwa kuko konke *oku*?" Ewe. "Bayakholelwa ekuthetheni ngeelwimi?" Ewe. "Bayakholelwa kwimiqondiso nezimanga eziya kulandela, imiqondiso iyakubalandela?" Ewe. AsingomaWisile lawo, asingomaBhaptizi lawo. Hayi, hayi. NgabakwaMoya. 'Yabona, yimihla yokugqibela le.

Ngoku, isigaba sokuqala sebandla sasingekhe sikuqaphele oko. Isigaba senkonzo yamaWisile asizange sikuqaphele; isigaba senkonzo yamaBhaptizi, abazange bakuqaphele; isigaba samaRhabe, abazange bakuqaphele. Kodwa, abakwaMoya, basondele kakhulu befana neNto eyinene! Kulapho, iNgqolowa, ingxam ifana kanye neNgqolowa. Abangekhe bayiqaphele. 'Yabona? Abangekhe. Kodwa yimihla yokugqibela, namhlanje. Ewe, mhlekazi.

172 Qaphela, kanye njengokuba kwakunjalo ekuqaleni, kuyakuba njalo ekupheleni. Njengokuba u-Eva wachaza

ngokungekuko iLizwi elinye qha, wenza loo nto uSathana ku-Eva, waze wayikholelwa loo nto. Umfazi, hayi indoda; ibandla, hayi Yena. 'Yabona? Ibandla lilo elafumana ilizwi elibubuxoki. 'Yabona? Hayi u-Adam; u-Eva. Hayi uKristu; ibandla, umtshakazi, abathanjisiweyo, abafanelwe ukuba banjalo, bezibiza ngokuba banguMtshakazi, 'yabona, wafumana ilizwi elibubuxoki.

Aniyiboni loo nto? Ngoba, inxibelelana kanye njengomtya wesihlangu, njengemisebe kwiliso lakho. Ngoba, yonke into oyiguqulela kuyo, iBhayibhile, isuka iyibophe idibane. U-Eva, hayi u-Adam; u-Eva wayikholelwa loo nto, hayi u-Adam. Umtshakazi namhlanje, obizwa njalo, wakholelwa kuloo nto; hayi uKristu. Umtshakazi uneendidi zonke, lo ubizwa ngokuba ngumtshakazi; imiqondiso efanayo, imimangaliso efanayo, yonke into efanayo; kodwa ingengabo Abenyaniso. 'Yabona? "Ilahlekise nabaNyuliweyo ukuba bekunokwenzeka."

Ngoku ngokukhawuleza, ukuba sinokukugqiba oku kwimizuzu elishumi elinesihlanu, siyakuba siphume ngexesha. Qaphelisisa kakhulu ngoku, ukuze unga—ungakuqondi okuphosakeleyo koku.

173 Ngoku, hayi, abangekhe bayimele eyokuba babizwe ngokuba "ooYesu bobuxoki." Abangekhe, abangekhe bamelane nokubizwa, "Yesu." Ngokuqinisekileyo abangekhe. Icace kakhulu loo nto. Nabani na angayazi. Nabani na angazi ukuba abangoYesu. Andikhathali nokuba bangaba ne-oli emqolo, negazi ezandleni zabo nasezantsi nangentla kwamehlo abo, bayazi nangoko ukuba . . . Nabani na onengqondo ephilileyo, uyakwazi ukuba asingoYesu lowo. 'Yabona? Abangekhe bamelane noko. Kodwa bazibiza ngokuba "bangabathanjiswa." Benza imiqondiso nezimanga, "enokuphantse ilahlekise abaNyuliweyo." "Kodwa ooKristu ababuxoki, abathanjiswa, bayakuvela, baze balahlekise nabaNyuliweyo ukuba bekunokwenzeka."

174 Ngoku khangelisisa. Musa ukuyiphosa le ntetho, ngokuba ifanelwe ukuphulaphulwa.

Udibanisa nje intambo kulo mboko ulapha, ezama ukuwubamba ukuba ungabhabhazeli. Kudala ndibilile; ndiwisela kule ntambo, uyabona.

175 Ngoko ke uyakufana kanye naYo, iBhayibhile, yathi kuyakuba njalo. 'Yabona?

176 Qaphela, hayi ooYesu ababuxoki. "OoKristu ababuxoki!" Bakholelwa ukuba bathanjisiwe, kodwa bayazi ukuba abangabo ooYesu. 'Yabona, icace kakhulu loo nto. Ukuba indoda ingenyuka ithi, namhlanje, "Khangelani nanga amanxeba esandleni sam. Khangela apha emashiyeni am.

NdinguYesu." Kulungile, ngoku, siyazi ukuba loo nto iphosakele. Kwaye, khumbula, uYesu akazange athi kubo abantu abanjalo bayakuvela. Wathi kuyakuvela "ooKristu ababuxoki." "OoKristu," isininzi, amahlelo, njalo njalo, *abathanjiswa;* abathanjiswe ngomoya wobuhlelo, ingelilo iLizwi. Niyayilandela? Hayi ooYesu ababuxoki. "OoKristu ababuxoki," ababuxoki, abathanjiswa. 'Yabona? Owu, icace kangakanani! Indlela thina . . . Ngokuqinisekileyo aninakuyiphosa!

177 Ngoku, nikhumbule, ndisoloko ndinixelela ukuba kukho iindidi ezintathu zabantu. Kukho iintlanga ezintathu zabantu; uHam, uShem, noYafete, iintlanga ezintathu. Iindidi ezintathu, ndaze ndathi, ezo ke likholwa, likholwa lokuzenzisa, nongakholwayo. Kwasoloko kunjalo, kuyakuhlala kunjalo. 'Yabona? Kwakukho uMoses, ikholwa; kwakukho uYanes noYambres; abangakholwayo. 'Yabona? Kwakukho uBhileham; uMoses . . . Zezondidi zintathu zabantu oko, iindidi ezintathu; ikholwa, ikholwa lokuzenzisa, nongakholwayo.

178 Ngoku nikhumbule, abangakholwayo, ibandla lehlelo, alikholelwa nakwiyiphi na imiqondiso ngokupheleleyo; liyabanda, linesithethe, linenkani, ibandla elisehlabathini, ihlelo. Kodwa ikholwa lokuzenzisa lelaa khasi. Ngulaa mfo uzenza ikholwa. Kuze ke kubekho ikholwa lokwenene elinyaniseke ngenene. Ngoku, wakhangele njengokuba eqhubela phambili ngoku, okomzuzu nje.

179 Uqaphele indlela abangqongqo ngayo abangakholwayo, okanye aba bangamakholwa okuzenzisa nabangakholwayo. Yhu! Bangqongqo, khangela, noSathana wema kanye Phambi kweLizwi eliyinyaniso, wathi, "Kubhaliwe!" Akunjalo?

Wayenzela ntoni loo nto uSathana? Kungokuba wayengalazi iLizwi loko . . . Wayesazi ukuba iLizwi yayilelaloo yure, kodwa wayithandabuza leNdoda incinane ithobekile ukuba ingaliLizwi. "Ukuba UnguNyana kaThixo. Ndiyazi ukuba uNyana kaThixo uyeza, ngokuba Kuthethiwe ukuba Uyakwenza oko. Kwaye kubhaliwe, 'Uyakuziyalela iiNgelosi zaKhe ngaWe. 'Yabona? Bonakalalisa oko kum! Yenza ummangaliso! Mandikubone Uwenza. 'Yabona? 'Yabona?

'Yabona, ongakholwayo, ikholwa lokuzenzisa, umlinganisi. Khangela uYuda ephakathi kwabo kanye, ngexesha elinye, elikholwa lokuzenzisa! 'Yabona? Qaphela, lalilapho ke iLizwi eliyinyaniso.

180 Indlela abangqabavu ngayo! "Ngoku, ningakulinge niyihoye laa mfeketho. Akukho nto iYiyo. Ningenyuki niye phaya. Ligquba nje lengxolo. Akukho nto iyilaa Nto. Yintsomi njekuphela. Isengqondweni yakho loo nto." 'Yabona, 'yabona ukuba ndithetha ukuthini na? Beme kanye apha Phambi kweLizwi bathethe loo nto.

181 USathana wahamba waya kungena phakathi. Njengokuba iBhayibhile isitsho ngaphaya kuYuda, "INgelosi eyintloko, isakuba ixambulisana noSathana, yathi, "'INkosi mayikukhalimele.'" Echasene neLizwi ngokwaLo!

Naku ke umchasi-kristu, othanjisiweyo, emi kanye apha echasene neLizwi lokwenene lale mini, uYesu Kristu, esithi, "Kubhaliwe."

182 Khangela kule mihla yokugqibela. "Iyakusondela kangangokuba kuyakulahlekisa nabaNyuliweyo ukuba bekunokwenzeka." Owu, bethu! Isizathu sokuba abaNyuliweyo bangabi nakulahlekiseka, uyazi kungokuba? Kungokuba baliLizwi. 'Yabona? Kanye njengokuba uBomi obusezingcanjini, ebendithetha ngabo emzuzwini odlulileyo, Abungekhe buZikhanyele. 'Yabona, BuliLizwi kwaye bungexesha lesiqhamo leLizwi. Injalo loo nto.

183 Kanye njengoYeremiya, wayesazi. Akunamsebenzi nokuba uHananiya wayesithini na, wayezazi apho wayemi khona. Oko ke kunjengokuba uMoses wenzayo, na—nabanye bonke. Oko kukuthi, wayesazi, nokuba umprofethi wobuxoki wayesithini na, lalilapho iLizwi likaThixo. Lalibhaliwe.

Naso isizathi sokuba uMikaya abe nokuthi, "Kulungile, uzulinde nje ubone."

U-Ahabhi wathi, "Ndiyabakholelwa abaprofethi bam. Umbutho wam unyanisile. Ndakubuya ndinoxolo . . . Fakani laa mfo phaya ezantsi entolongweni. Ndiyakumgcina! Mnikeni isonka soxiniweyo. Nimvulele, ningakhe nidibaniselane naye ngokupheleleyo. Ndakubuya ndinoxolo, sizakubona into ngalaa mfo."

184 UMikaya wathi, "Ukuba uthe wabuya oku kokubuya, iNkosi iyakuba ayithethanga kum." Wayesazi ukuba wayeno-ITSHO INKOSI, ngoko lo mbono wawungqamene kanye no-ITSHO INKOSI; wawungengowesinye isigaba sexesha, kodwa wawungoweloxesha. Amen! Haleluya! Ixesha elililo!

185 Bangqabavu, bayema baphikisane neSithunywa esiyintloko! Kwakhe kwathethwa, ukuthi, "Izidenge ziyakunyathela ngezihlangu ezinezikhonkwane apho iNgelosi zoyikayo ukuhamba khona." Yinyaniso leyo.

186 Isizathu sokuba abaNyuliweyo, uYesu athi, abayi kulahlekiswa, kungokuba baliLizwi. Abanakuba yiyo nantoni na enye. Abanakuva nantoni na eyenye. Abazi nantoni na eyenye. Yinyaniso leyo.

Khumbula, uMoses wayengothuswa adludle nako konke ukulinganisa kwabo. Wayenjalo? UMoses wathi, "Ngoku, yima umzuzu nje, Faro. Uyazi yintoni? INkosi indixelele ukuba

ndenze oku, kodwa, makabongwe uThixo, ndiyabona ukuba aba bafana benza kwale nto. Ngoko, ndizakukuxelela into endizakuyenza, ndizakunijoyina"? A-ha! Oko akuvakali njengomprofethi kaThixo. Hayi, ngokupheleleyo! Wema ngozinzileyo kangangoko wayenokuma. Wayesazi, ngokuthe ngqo, ukuba uThixo wayezakuyibonelela ngandlela ithile loo nto, kuba Wayethembise ukwenza njalo. "Ndiyakuba nawe. Andiyi kukushiya."

187 Wayesazi, ngoko wayengenakubangenelela. Owu, hayi. Wayehlala kunye nabo. Wayengafuni nalinye kumahlelo abo. Wahlala kanye noThixo. Wayengathabatheki zizo zonke izinto ababenokuzenza. Babesithi bakwenza into enye . . . Wezisa iintwala; nabo bezisa iintwala. Wezisa igazi; bezisa igazi. Wezisa yonke enye into; bamlinganisa ngandlela zonke, kuko konke. Wema nje wazola. Wayesazi kanye ukuba, uThixo wayesebenza.

Niyaqonda ngoku? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Nithabatha isibini nesibini, nenze isine? ["Amen."] Andifuni ukugqatsa kakhulu. Ngoko, ukuze nina—nina niqonde, 'yabona.

188 Ngoba? Abasayi kuze balahlekiswe yiYo. Ikholwa lokwenene, bayiMbewu enyulwe kwangaphambili eyakuma ngaloo mhla.

189 Kanye, ngokunjalo, uYesu wathetha oku, "Baninzi abayakuza ngaloo mini, eGameni laM, bathi, 'Nkosi, andithanga na eGameni lakho ndakhupha iidemoni?'" UYesu wathi, "Ekupheleni kwemihla, xa ixesha liyakuba seliphelile kwakufika uvuko olukhulu, baninzi abayakuza bangqengqe ebukumKanini." UbuKumkani bukaThixo bungaphakathi kwenu.

Baninzi, ukhula luya kuza luhlale phantsi kunye neNgqolowa, luthi, "Ngoku, yima umzuzwana, Nkosi! Ndathetha ngeelwimi. Ndakhwaza. Ndaxhentsa ndikuMoya. Ndakhupha iidemoni. Ndathetha ngeelwimi. Ndazenza zonke ezi zinto."

Uyakuthini Yena? Qaphela. "Nina nenza okuchasene nomthetho, andizange ndinazi nokunazi."

190 Yintoni ukuchasana *nomthetho*? Uyabuza umntu othile. uKukuthi "into owaziyo ukuba ubumelwe kukuyenza, uze ungayenzi." Bayalazi iLizwi. BayaLiva. Uliphulaphule eli khasethi. Uwuphulaphule loMyalezo. Uyabona ukuba iNkosi uThixo itsho; uYayibona ikungqinela oku, ikwenza kube yinyaniso. Kwaye uyazi ukuba Oku kucace njengokuba ilanga likhanya apha phandle, kodwa wena uyakubambelela kwihlelo lakho, ubambelele kwezo zinto zibubuxoki; menzi wokuchasene nomthetho!

"Owu, ewe, ndibe neemvuselelo ezinkulu. Ndenza *oku*. Ndenza *okuya*."

Wathi, "Mkani kuM, nina benzi bokuchasene nomthetho, andizange ndinazi nokunazi."

191 "Ke, uMoya oyiNgcwele wandiwela." Andikuthandabuzi nakancinane oko. "Ndathetha ngeelwimi. Ndacula ndikuMoya. Ndenza . . ." Andikuthandabuzi nakancinane oko. Akukho mbuzo kuloo nto. Owu, mzalwana, dade, yenjani yona imeko!

Lixesha elingcangcazelisayo eli. Siphi! Eli Lizwi liba buBomi ngoku. Qaphela.

192 Ewe, wathi bayakuyenza loo nto. Qaphela, "Nina benzi bokuchasene nomthetho." NdineSibhalo esibhalwe apha. Andazi nje ukuba siphi na. Ndithabathe ixesha elide kakhulu. Ndizakusikhangela, umzuzu nje, ndibone ukuba besiphi na. Ndino—NdinoMateyu 7:21. A—Andazi nje ukuba siphi na. Mna, ngamanye amaxesha andiyibhali nje phantsi into, koko, nda—ndakushumayela olu hlobo, ndi—ndiyayilibala into ebendiyibhekiselela kweso Sibhalo. UMateyu 7:21.

> *Asingabo bonke abathi kum, Nkosi, Nkosi, abaya kungena ebukumkanini bamazulu; kuphela ngulowo ukwenzayo ukuthanda kukaBawo wasemazulwini.*
>
> *Baninzi abaya kuza kum ngaloo mini bathi, Nkosi, Nkosi, sasingathe na eGameni laKho saprofetha, sasingaprofethi . . .*
>
> Ewe, ndithethile ngoko kuMateyu 24:24
>
> *. . . sathi egameni lakho . . . sakhupha iidemoni? Sathi egameni lakho senza imisebenzi* yama-*. . . emininzi?*
>
> *Ndandule ndibaxelele ndithi, Andizange ndinazi: mkani kum, nina nenza okuchasene nomthetho.*

"Ngeli thuba yaYibekwe kanye phambi kwenu naza naYibona, naYibona isebenza, naYibona ukuba iliLizwi; nathi ke ngenxa yesizathu senu sobuhlelo, nabambelela kuo. Andizange ndinazi nokunazi. Andikhathali nokuba zingaphi na iidemoni enazikhuphayo, kungaphi na *oku nokuya*; enakwenzayo andizange ndazi nto ngani."

UBhileham athi, "Ndaprofetha inyaniso, eGameni laKho. Yenzeka."

193 "Injalo kanye loo nto, kodwa, kwakufikelela eLizwini, waLala."

Owu, mzalwana, 'yabona eyona ndawo ilahlekisayo? Hayi "umprofethi," ngokuchanekileyo; kodwa kungeLizwi, iLizwi lenyaniso, iLizwi elingqinelweyo lenziwa labonakalaliswa. "Nina benzi bokuchasene nomthetho!"

194 Ukuzama, uSathana wazama kuzo zonke izigaba ukulinganisa iLizwi eliyinyaniso. Siyayazi loo nto, asiyazi?

195 Qaphela, waza kufika kanye ekupheleni komda wancama. Khangelani apha, Wathi, kumaHebhere isahluko se-6, ngoku, besifunda kuso kumzuzwana odlulileyo. Bendinixelele ukuba zenibhekiselele kuso, kwaye sizakwenza njalo kule mizuzwana imbalwa ilandelayo. Wathi:

> . . . kodwa *imithana enameva* neenkunzane . . . ekufuphi *nengqalekiso*; esiphelo sisa *ekutshisweni* (Emdeni!)
>
> . . . *nina nithe nangcamla . . . isipho sasemazulwini, . . .*

"Nangcamla," ngamanye amazwi, niYibonile! Aninakho [UMzalwana uBranham uyibetha imilebe yakhe eyidibanisa—Mhl.] ukuYingcamla nje ngomlomo wenu. Koko niYayibona, kwaye benisazi ukuba iYiNyaniso. Benisazi ukuba iyiNyaniso. "Nasingcamla isipho sasemaZulwini."

> . . . *nenziwa amadlelane ngoMoya oyiNgcwele,* njengokuba Wanihlelayo,
>
> . . . *nayiva incasa yelizwi elihle likaThixo, ...*

"Nangcamla," naYibona ukuba iyinyaniso. "NoMoya oyiNgcwele eniwela," ukhula lusentsimini.

> . . . naza nabuya *nakreqa*, . . .

"Nisala kwalo Kristu waningcwalisayo, wanibiza, wabeka phezu kwenu laa ntambiso."

> . . . *akusasele dini ngenxa yesono, ngenxa yoko.*

Sesingaxolelekiyo! "Akunakwenzeka ukuba babuye bafikelele ekuyazini iNyaniso."

> *kuba akunakwenzeka kwabo . . . babenziwe amadlelane ngoMoya oyiNgcwele,*

Wawa phezu kokhula, 'yabona, "Waqala ngoYesu, nokuthi, 'Nkosi, ndiyakubulela,'" kodwa wathi wakufika eLizwini, wabuya wajika. "Benziwa amadlelane woMoya oyiNgcwele, bangcamla nokungcamla, okanye baLibona iLizwi libonakalalisiwe." Baza bajika bemka kuLo, "Akunakwenzeka ngokupheleleyo kubo ukuba babesaLibona okanye babuyele kuLo."

NGU-SITSHO ISIBHALO. Ngoku, nina . . . "IZulu nomhlaba liyakudlula, kodwa Lona aliyi kudlula." Uyayibona? "Ngokupheleleyo akunakwenzeka." IBhayibhile yatsho, noMoya uyayingqinela.

196 Qaphela, makhe ndikunike umzekelo omncinane. Khangela kwaba bantu abaya baphumayo phantsi kwesiprofetho sikaMoses, abaphumayo kwelaa hlelo, baphuma kwinto yonke, phantsi kwesiprofetho, bayibona imisebenzi emikhulu nemimangaliso, nezinto ezinjalo, baza baphuma baya kufika ekupheleni komda phambi kokuba bangene.

Ngoku, Lee, nalo livela elakho "igama eNcwadini." 'Yabona? Ilungisekile ke. Nani bangekhoyo apha, nangaphandle apho e—unxibelelwano, nguGqirha uLee Vayle ohleli apha. Nguye owenza umgaqo-ntetho wale ncwadi yeZigaba eziSixhenxe zeBandla. Kwaze kwavela ingxaki, okanye umbuzo, malunga ne"gama elisuswayo eNcwadini yoBom yeMvana." 'Yabona, loo nto iye yakhohla uninzi lwabalungiseleli. Kodwa ke linda nje ude ufumane loo ncwadi, uyakuyiqonda ukuba unako phofu kwa ukuKhanya kwa-ukukhanya kuwe. 'Yabona?

197 Qaphela, ngoku, ngoku uyayiguqula intloko yakho ungakhangeli nokukhangela kuYo ukuba awufuni kuYibona. Njengokuba umama wayedla ngokuthi, "Awunako ukufumana igazi kwisityalo serabha, kuba akukho gazi kuyo."

198 Qaphela, ukuKhanya kumelwe kukufika; akukho ebumnyameni. UkuKhanya kufika kubumnyama, buze ubumnyama bungaKuqondi. Qaphela ngoku abathanjiswa ngalo mhla.

Njengoko uMoses wabakhuphayo abantwana bakaSirayeli; baza baphulaphula badideka kwesa sizwe sikhulu phaya phezulu. Ngoku, uSirayeli wayengunkonzo-zonke. Wayengenamhlaba, wayengenakhaya. Wayesiya ekhayeni lakhe.

Asinabandla. Asilo . . . Si—siya eBandleni, iBandla laMazibulo, iBandla eliseBuqaqawulini; hayi ibandla elisemhlabeni, elenziwe ngumntu. IBandla eliseBuqaqawulini, abakhutshiweyo, abanyulwa kwangaphambili benyulelwa uBomi obunguNaphakade, 'yabona, besiya kwiKhaya labo.

Bathi ke bakufika kwiindawo apho kwakufanele ukuba bawelele ngaphesheya, balithandabuza iLizwi, baza babuyela emva. Emva kokuba uYoshuwa noKhalebhu nabanye bathi bawela babuya bephethe isicumba seediliya, ukubonakalalisa kubo ukuba ilizwe elo lalikhona, iLizwi likaThixo lesithembiso, "Lilizwe elilungileyo, lobusi nobisi." Babuya nazo, beza kweli cala, ukuqondakalalisa kubo. Baza bazingcamla, babuya bathi, "Owu, owu, asinakukwazi ukuyenza loo nto, ngoko." Kwenzeka ntoni? Batshabalalela entlango. Bahlala kanye apho bazenza umbutho, bafa, bonke ngabanye.

Kodwa abo bawelayo baze babuya nezo zinto, uYoshuwa noKhalebhu; uMoses watshintshwa. Umzekelo wokulinda

kweBandla; novuko lweTestamente eNdala, iTestamente eNtsha; noxwilo loMzimba. 'Yabona isithathu esilapha? Kufanele ukuba uzigcine ezo zithathu zilandelelana, 'yabona, ngoko, ikholwa nongakholwayo. 'Yabona?

199 Qaphela indlela ekwakuyiyo "ngokupheleleyo." Khumbula, uThixo akazange asixolele eso sono. [UMzalwana uBranham unkqonkqoza epulpithini kane—Mhl.] Ngoku baya kungena kanjani? Ukuba bangameva, indawo yokuqala, iyakuba ngameva ekugqibeleni. Ngabanyulwe kwangaphambili kuphela abaya kuYibona.

200 Qaphelisisa ngoku. Kanye njengokuba kwakunjalo ngemihla kaMartin oNgcwele, kanye phambi kweZigaba zoBumnyama; indoda encinane yakwathixo. Bangaphi abakhe bakufunda okwabhalwa nguMartin oNgcwele? Abaninzi kuni bakhe bakufunda. Sakhe sehla ukuya kufuna okwabhalwa nguMartin oNgcwele; umpriste wathi, "Kodwa ke wayengakhukuliswanga." Ngokuqinisekileyo, wayengenjalo; hayi ngokwenziwa ngabo, kodwa wayenziwe njalo nguThixo. UMoya oyiNgcwele wasixelela ukuba simfake phaya kwesa sigaba sesithathu sebandla. 'Yabona?

201 Khangela ukuba wayeyindoda enjani na ukuhlonela uthixo; ebiziwe, enyulwe kwangaphambili. Abazali bakhe, bengabahedeni. Uyise, elijoni. Kwanyanzeleka ukuba alandele ikhondo likayise, ukuba abelijoni. Waze, wathi akwenza njalo, waloko ekholwa ukuba kukho uThixo ndaweni ithile; indoda yasematyholweni, kwaye wayenokumbona uThixo. Ngenye imini wadlula ngasesixekweni esithile, kwaye kwakukho umngqini omdala owayengene apho, esifa, ecela kumntu othile . . . Wayegodola ngobo busuku. "Owu," watsho, "ndinike into yokuzigquma; ndizakufa ngokuhlwanje."

202 Kwakungekho mntu ukwenzayo oko. UMartin ke wamela ecaleni emkhangele okomzuzwana. Kwakungekho mntu ukwenzayo oko. Wayenedyasi enye kuphela. Wayeza kugodola, oku kwakhe, wayesemsebenzini, ukuba wa—wayenokumnika loo dyasi. Ngoko wacinga, "Sobabini sinethuba lokuphila ukuba ndinokwahlulelana naye." Ngoko wathabatha idyasi yakhe, wayinqumla yaziziqwenga ezibini ngesabile yakhe, wasongela loo mngqini mdala ngayo. Waze wazisongela ngedyasi yakhe.

Wonke umntu wathi, "Khangelani indlela elihlekeka ngayo eli joni. Lijoni elikhangeleka ngokuhlekisayo, lizibhijele ngecala ledyasi!"

203 Ngobusuku obulandelayo, ngethuba awayesekhefini losuku emsebenzini engqengqe ebhedini yakhe, wavuswa. Wakhangela, kwakumi apho kweloo gumbi, kwakumi apho uYesu Kristu ezisongele ngeso siqwengana sidala salaa ngubo

ebemjijele ngayo. Wazi kanye ngoko, “Oko nikwenze kwaba bangabona bancinane baM, nikwenze kuM, kwabathanjisiweyo baM,” engqengqe apho.

Wayesisicaka esikhulu sikaThixo. IBandla lalihlekisa ngaye, lamtshutshisa, lamkhabela ngaphandle, nayo yonke enye into, kodwa wayengumprofethi kaThixo. Into awayithethayo yenzeka. Baninzi abamkholelwayo ngeso sigaba, futhi.

204 Ndifuna ukubonisa indlela alukuhla ngayo uSathana. Ngenye imini wayehleli kwigumbi lakhe lokufundela. Gqi kwavela ingelosi enamandla, inesithsaba entloko, ifake izihlangu zegolide, umtya ojikeleze iingubo zayo ingowegolide, yathi, “Martin, uyandazi?” Yathi, “NdiyiNkosi noMsindisi wakho. NdinguLowo wakusindisayo. Ndinqule, Martin.” Kodwa loo mprofethi, esazi ukuba kukho into encinane engaqhelekanga apho, wathi gqolo eyijongile. Yathi, “Martin, ndinguMsindisi wakho, uYesu Kristu. Ndinqule! Awundazi, Martin?”

205 UMartin wathi gqolo eyijongile, iSibhalo sivela sibaleka engqondweni yakhe. Wathi, “Sathana, mka kum.” Wathi, “Unesithsaba entloko kuwe. ILizwi ke likaThixo lithi ‘abangcwele baKhe bayakumthwesa isithsaba’ ekupheleni kwesigaba.”

Uthi ngeyayingabanga sisithiyelo eso kwabakwaMoya? Likhangele elaa Lizwi, mzalwana. Nantso indawo ehlawulayo.

206 Ngenye imini, kwakhona, phaya kumzi woonongendi, babenomntu ongcwele omdala phaya, iliqela lamadoda angonoongendi aselula. Kwakukho omnye wabo owabonakala ebukhathazeka. Kukhangele oku, nangu umzekelo olunge—olunge kakhulu namhlanje. Wayefuna ukuba nguthile phezu kwabo bonke. Wayefuna ukuzibonakalalisa, igunya, abeyinto ethile enkulu, into ethile engcono, abe ngowodidi, uyazi, abe yinto ethile enkulu. Kwakufuneka ukuba abe ngowodidi. Wabasoloko efuna abanye abazalwana banga . . . Uyazi, kwakufuneka abe ngowahlukileyo. ’Yabona? Yena, kwakungakhathaliseki nokuba yintoni na, wayenekratshi kakhulu. Wayezibona ekuphela kohlalutye elunxwemeni lolwandle. Kwakungekho mntu unokumchukumisa. Ngoku khangela ukuba kwenzeka ntoni na. Kwakufuneka abe nento ethile enkulu. Kwakufanele ukuba azithelekise na—nabantu bodidi oluphambili. Niyandilandela? ’Yabona? Ngoko, wathi, waprofetha. Wathi, “INkosi indenze umprofethi, nam. Ndingumprofethi.”

Ngoku, kwakukho omnye umprofethi owayesazeka elizweni, lowo ke yayinguMartin oNgcwele; wayezelwe engumprofethi.

207 Kodwa lomntwana, umfana wathi, unongendi oyindoda oselula omalunga namashumi amabini anesihlanu eminyaka ubudala. Wathi, “INkosi indenze ndangumprofethi, kwaye ndizakuyiqondakalalisa kuni loo nto.” Wathi, “Ngokuhlwanje iNkosi izakundinika ingubo enkulu, entle, iyibeke phezu kwam, ingubo emhlophe, indihlalise phakathi kwenu. Ngoko nonke ngabanye niyakuza kum, ’yabona, naye niyakuthatha imiyalelo evela kum.”

208 Ngoku thelekisa oko nonamhlanje, ’yabona, “Ndiyakuba yintloko yombutho. Ndiyakunijonga, nonke nina boonongendi abangamadoda.”

Ngokuqiniseke mpela, “Ngobo busuku, kwalayitwa izibane kweso sakhiwo,” itsho njalo imibhalo kaMartin oNgcwele. Ndayifunda. Kwaye iyinto eyinene. Zezembali. Zalayitwa ke izibane, baza ke bakhangela bonke, naku ke kufika. . . Nanko enengubo emhlophe, emi phakathi kwabo. Wathi, “Niyayibona into ebendinixelele yona?” Kodwa loo nto ichasene neLizwi.

209 Wathi ke akuya ayokufumana intloko yaloo mzi wecollege, wahamba enyuka esihla umzuzwana, wathi, “Nyana, loo nto ayivakali iyinyaniso.” Wathi, “Inye kuphela ke indlela.” Nantsi! “Inye kuphela indlela yokuba sazi. Kwakukhangeleka ngokungathi yinto yamandla angaphezu kwendalo.” Mfo, abakwaMoya ngebayixhiphulayo loo nto, ingcambu, ilobi, umtya, igwegwe lokuloba, nayo yonke enye into! Wathi, “Ummangaliso usenokubonakala ulungile, kodwa awubonakali ulungile ngakwiLizwi. Ngoku, sinaye umntu onjalo, umprofethi othanjisiweyo, ogama linguMartin. Yiza, nyuka uye phambi kwakhe.”

Loo mfo wathi, “Hayi, hayi! UMartin akananto yakwenza noku.”

210 Waze wathi, “Uzakuya, nokuba kutheni na.” Bamxhakamfula ke ngengalo, ukuba bamse phambi koMartin, yaze ingubo leyo yamshiya.

211 ’Yabona, “Iyakulahlekisa nabaNyuliweyo ukuba bekunokwenzeka.” ’Yabona, babemazi. UYesu wathi, “EzaM izimvu ziyalazi iLizwi laM.”

“Owu,” uthi, “‘ziva elaM “Izwi.”’”

LiLizwi laKhe elo. “Umntu akayi kuphila ngasonka sodwa, koko ngeLizwi lonke.” ’Yabona? Abanyulwe kwangaphambili bayayazi loo nto. “Izwi lowasemzini, okanye izwi lowasemzini, abasayi kulilandela.”

Nantso indlela ababehamba ngayo aba bafo bakudala; babengenakulandela. Babesazi ukuba uMartin wayekho, engumprofethi weso sigaba, azisiwe nguThixo ngeLizwi, elazi iLizwi. Laa ndoda ke yayingenakuma phambi kwaLo.

212 Wathi kwakhona, “Apho sikuba sikhona iSidumbu,” okanye iLizwi, “kulapho, ngexesha elililo, amakhozi ayakuhlanganisana khona.” Ngoku nguMat-. . . Ukuba ufuna ukukubhala oko, uMateyu 24:28. Indawana nje engaphambili koko kancinane, uMateyu 24:24; ziivesi ezine ezantsi kwaleyo, ’yabona, ukuba ufuna ukuyifumana. “Apho sukuba sikhona iSidumbu,” apho iMana ikhona, likhona iLizwi, “ayakuhlanganisana khona amakhozi.”

213 Ngoku kufuneka ndikhawulezise. Ndijonge phaya phezulu ndabona ukuba kuxesha nini. . . Yi—yimizuzu esixhenxe okanye imizuzu esibhozo emva kweyeshumi elinesibini. Ndizakukhawulezisa kakhulu, kungenjalo sizakugqibezela ngokuhlwa, nokuba yeyiphi na enifuna ukwenza yona. Kusasanje okanye ngokuhlwa? A-ha? Bangaphi ekufuneka bebuyele ekhaya emva kwenkonzo, masibone isandla sakho, ’yabona. Owu, bethu, kungcono siqhubele phambili!

Ndilusizi ukugcina aba bantu basemnxebeni phaya ngaphandle olu hlobo, kodwa ndizakungxama. Oku kuxabiseke ngaphezu kwemali yakho. Ndiyakholwa ukuba kunjalo, kum, ’yabona. Imali yakho iyakutshabalala. Oku akungekhe; KuliLizwi. ’Yabona?

214 “Apho sukuba sikhona iSidumbu, ayakuhlanganisana khona amaxhalanga.” Apho sikhona iSidumbu, apho—apho kuxhelwe khona, ayakuhlanganisana khona amakhozi. Apho iNyama esentsha ikhoyo, iLizwi lexesha, ayakuhlanganisana khona amakhozi.

Kodwa emva kokuba ibolile, ayeza ngoko amaxhalanga athi bhuu kuyo. Ewe. ’Yabona ukuba ndithetha ukuthini na? Xa kuthiwe kwaxhelwa, nanga amakhozi esiza; kodwa emva kokuba ilele apho, yabola, ngoko kuza amaxhalanga. Ukhozi alunanto yakwenza naloo nto. ’Yabona?

UYesu wathi, “Apho sukuba sikhona iSidumbu,” apho iMana iwe khona, ngobusuku iMana ewa isentsha, “kulapho amaxhalanga ayakuhlanganisana khona ngenxa yaYo.” YiMana yaloo mini leyo. ’Yabona? Qaphela.

215 Kodwa emva kokuba ithe yabola, iimpethu sezingene kuyo, ngoko nango amaxhalanga esiza. Akanako ukuyiva ngevumba ingekade ibole. Akumangalisi ukuba uYesu wemayo wathi, “Yerusalem, wena waxuluba wonke umprofethi!” Qaphela esa simelabizo somntu, ’yabona, “Yerusalem, Yerusalem, kufuthi kangakanani na Mna. . .” Yayingubani uYena? “Kufuthi kangakanani na Mna ndifuna ukunihlanganisa njengesikhukukazi esifukamayo, nina nixuluba wonke umprofethi eNdamthumelayo kuni,” elaa bandla likhulu, iYerusalem.

216 IYerusalem engeyiyo elapha emhlabeni, “koko thina singabeYerusalem yaPhezulu,” apho iLizwi livela khona,

ukusukela kulonyulo lwakwangaphambili, 'yabona. Hayi iYerusalem endala etshabalalayo; iYerusalem eNtsha engenakutshabalala. Hayi endala iYerusalem, eyakhiwa ngumntu; kodwa iYerusalem eNtsha eyakhiwe nguThixo, 'yabona, iLizwi eliphaya phezulu libonakalalisiwe ngoku. "Endlwini kaBawo waM zininzi iindawo zokuhlala. Ndiyakuya ukuze ndinilungiselele," uMdali, esenza izitrato zegolide, nezinto ezinjalo. YiLeyo ke engatshabalaliyo.

217 "Yerusalem, Yerusalem, kufuthi kanganani na Mna," kusukela ekuqalekeni kwexesha; ingesoSiqu sesithathu, omnye umntu, koko, "Mna ndifuna ukunifukamela ngokohlobo esithi isikhukukazi siwafukamele ngalo amantshontsho aso, kodwa anavuma. Kodwa ngoku iyure yenu ifikile." 'Yabona?

"Apho sukuba sikhona iSidumbu, ayakuhlanganisana khona amakhozi." Kodwa emva kokuba iSidumbu sibolile, ngoko kuza izangxa. 'Yabona?

218 Qaphela. UMoses, akazange abanike abantwana bakaThixo . . . UMoses wayelukhozi, akazange ke abanike abantwana bakaThixo umshiyelo kaNowa. WayeneLizwi eliselitsha likaThixo. "INkosi uThixo ihlangene nam entlango, yaze yalingqinela iLizwi laYo, yandithumela ukuba ndihle ndizokunikhupha." Kwaze emva koko kwafika abalinganisi, belinganisa loo nto. 'Yabona? Kodwa yena wayeneLizwi lalo yure.

Kuba, uThixo wathi ku-Abraham, lowo wayenedinga, "Imbewu yakho iyakuphambukela kwilizwe lasemzini, amakhulu amane eminyaka, kodwa ndiyakubavelela ndibakhuphe ngesandla esithe nkqi."

219 UMoses wathi, "Ngoku, iNkosi uThixo iyakuthetha nam indibonise, kwaye indixelele into emandiyenze, ndizakunixelela." Wathi, "'UNDINGUYE' undithumile."

U"NDINGUYE!" Hayi "Ndandinguye, okanye undiyakubanguye." U"NDINGUYE," wexesha elimiyo, iLizwi ngoku. Hayi iLizwi elalikho, okanye iLizwi elizayo; iLizwi elikhoyo ngoku. 'Yabona? Niyayifumana? U"NDINGUYE!" U"NDINGUYE" liLizwi. "Ekuqalekeni ube ekho uLizwi, waye uLizwi ekuThixo." Ingaba kunjalo? U"NDINGUYE." "UThixo undithumile njengomprofethi waKhe, ukuza kungqinela oku ukuba kuyinyaniso. Ndiyimpendulo yeliLizwi, undixelele ukuba ndihle ndizokwenza oku."

220 Wathi akuyenza loo nto, uFaro wathi, "Kulungile, sinabafana abaninzi kwiqela lethu abanokuyenza loo nto, nabo," abalinganisi.

UYesu wathi, "Ngoku, loo nto iyakuphindeka kwakhona kwimihla yokugqibela," 'yabona, ababanga kwaloo nto inye.

Khangela ukuba ngubani na owehla kuqala. Khangela ukuba ngubani na owahlala neLizwi. Nantso ke. Nantso ke indlela eyaziwa ngayo, ukuze ubone.

221 Siyaqaphela, uMoses akazange abanike into eyayiyeyexesha likaNowa, “Sizakwakha umkhombe ngoku, kuba liLizwi elo, uyazi. UNowa wakha umkhombe ngenye imini.” Hayi, ngamaxhalanga awayesitya loo nto. Hayi, hayi.

222 Eli liLizwi lesithembiso. Qaphela, kuba umyalezo wakhe wayewufumene uvela kuThixo, wayeneLizwi likaThixo lokwenene elaxelwa kwangaphambili lalo yure. [UMzalwana uBranham unkqonkqoza epulpithini kabini—Mhl.]

NoYesu akazange abaphakele umshiyelo kaMoses. UMoses wayeneLizwi lalo yure, kodwa uMoses wayengumprofethi. Apha nguThixo ngokwaKhe, ’yabona. Akazange abaphakele okukaMoses—umshiyelo kaMoses.

Kodwa khangela nje kulaa maxhalanga akulambutho, ayewubimbiliza. “Siyazi! SinoMoses! Asikuswele nganto Wena.”

223 Wathi, “Ukuba benimazile uMoses, ngenindazi naM, ngokuba uMoses wathetha ngaM.” Owu, bethu! ’Yabona?

“Apho sukuba sikhona iSidumbu, ayakuhlanganisana khona amakhozi.” Amakhozi! ISidumbu esisesitsha seLizwi, iLizwi elivusiweyo laza latyetyiswa, laza lenziwa labonakalaliswa laphakwa likuKutya kwabantwana.

Ngoku, iSidumbu esidala ekukudala silele apho amakhulu eminyaka, siyakubalapho.

Ngokufanayo nangoku! ULuther wayenomyalezo wenguquko; kodwa, nina qelandini lezangxa lamaLuthere! AmaBhaptizi ayenomyalezo; kodwa, zangxandini zamaBhaptizi! ’Yabona? AbakwaMoya babenomyalezo; isondela ekhaya ngoku, zangxandini zabakwaMoya!

“Kodwa apho sukuba sikhona iSidumbu, ayakuhlanganisana khona amakhozi.”

224 Khumbula, wawungenakho ukumondla umLuthere, kudala phaya ngalaa mihla (unakho ngoku), ngokudla okubolileyo kwamaKatolika. Hayi, mhlekazi. Wayenenyama esentsha. Yayisesosigaba sebandla ke eso.

Wawungenakho ukumondla umWisile, ngomyalezo wamaLuthere. Owu, hayi, wayengakufuni oko kudla kubolileyo. Kubolile. ‘Yabona, uBomi base buphumile kuko kwaya kungena kwenye into. Ludiza lwakudala olufileyo, phaya kudala. UBomi buqhubekela phambili.

Awunakho ke nokondla uMtshakazi kaYesu Kristu ngento yakwaMoya. Hayi, ngokupheleleyo! Imibutho ebhuza impethu; engenzi kwanto! Hayi, hayi!

Kuba idinga lelokuba, "Kwaye phambi kokuba ifike loo mini inkulu yoyikekayo, ndiyakunithumela u-Eliya umprofethi. Yena wobuyisela iintliziyo zabantwana emva kuKholo looyise kwakhona." "Ezi zithembiso ke zenziwa eBhayibhileni, Ndiyakuyenza, aye eyakuhlanganisana khona amakhozi." "Oko Andinike kona uBawo kuyakuza kuM." 'Yabona?

225 UYesu akazange akuzame oko. Kodwa wathi akufika uYesu, Wafumana loo mabubu amaxhalanga. "SinoMoses nomthetho." 'Yabona? Kulungile, kwakulungile ukudla loo nto phaya ngaphesheya emva ngethuba eyayixhelwe ngalo bayinikwa. 'Yabona, yayilungile ngoko.

Kodwa oku koko kwakuxelwe kwangaphambili kuMoses, ngokwakhe, owaxhela elo dini, wathi, "INkosi uThixo wenu uyakuvelisa phakathi kwenu, kubazalwana benu, uMprofethi. Kuyakwenzeka, ukuba umntu uthe akabambelela kuloo Mprofethi nakwinto Ayithethayo, uyakunqanyulwa angabikho kubantu bakowabo." Kwabanjalo ke.

226 Khangela ke indlela ekwathi malunga namakhulu amathandathu eziprofetho azaliseka kanye apho, izezeTestamente eNdala, kuYesu Kristu. "Bagqobhoza izandla zaM neenyawo zaM." Malunga, ndiyalibala ukuba zingaphi na ezazalisekayo kwiiyure ezisixhenxe okanye ezisibhozo zobomi baKhe, zonke ezonto zathethwa ngabaprofethi, ngokugqibeleleyo.

227 Ukuba bendinokuprofetha namhlanje ukuba into ethile iyakwenzeka kunyaka ukusukela ngoku, mhlawumbi ndina—ndinamashumi amabini ekhulwini wokuba oko kungenzeka, nokuba iyinto eyiyo na okanye engeyiyo. Ukuba ke ndixele kwangaphambili ukuba oko kungenzeka, ndibe ndingatshongo ukuba kuyakwenzeka nini na, ndinomlinganiselo omncinane. Ukuba ndiyixele kwangaphambili ukuba kuyakwenzeka nini na, kuyakundinika umda omncinane kunoko. Ukuba ndiye ndaxela kwangaphambili indawo eyakwenzeka kuyo, iya indinika umda ongeneno kwakhona. Ukuba ndixele kwangaphambili i . . . ukuba iyakwenzeka kubani na, ngoko ke ndisenamamakhulu amawaka omda okuba yenzeke, ukuba ayiyonyaniso.

Kwaye lonke iLizwi, haleluya, elabhalwayo ngoMesiya, lazaliseka igama negama. Ngokokude ngenye imini, efunda iSibhalo, Wema kanye phakathi kuloo mqolo, wathi, "UMoya kaThixo uphezu kwaM ukuba ndishumayele iVangeli, ndize ndikhulule . . ." Waze wema kanye phakathi kuloo mgca,

ngokuba indawo eshiyekileyo yayo iseKuzeni kwaKhe kwesibini. Amen! “Izulu nomhlaba liyakudlula; iLizwi laM alinako.” ’Yabona?

228 WayeliLizwi ngoko, elalibondla ngoko. UMoses wabaxelela iNyaniso; kodwa, uyabona, basoloko besenza ihlelo ngalo,ukwenzela ukuba amaxhalanga . . .

Kukho okushiyekileyo kwaLo emva kokuba amakhozi sele edlile ahamba agoduka. Ngoko alindele ukubona enye into. “ILizwi,” baze bathi, “kufanele ukuba Lize apha. Sidle inyama yenyamakazi i-caribou izolo; siyakudla inyama yegusha ngomso.” ’Yabona ukuba ndithetha ukuthini na? “Nasiya isidumbu esidala se-caribou silele phaya, sivuyelelwa, kodwa sinenyama yegusha ezayo namhlanje. Iphi na?” ’Yabona ukuba ndithetha ukuthini na? UKudla kweeNgelosi! Abantu abadla iMana ngenye imini, ukuba bazame ukuyigcina beyigcinela usuku olulandelayo, yaba yengcolisekileyo. Aniyiboni yonke loo mizekelo, indlela egqibelele ngayo? Kuyafana nangoku!

229 Qaphela, amaxhalanga ngomhla kaYesu ayezikhupha iidemoni; abathanjiswa abakwisidumbu esidala. Akunjalo? Babezikhupha iidemoni. Watsho uYesu.

Kwaye khumbula, babenabaprofethi ngaloo mihla. UKayafa, umbingeleli omkhulu, waprofetha. Bangaphi abayaziyo loo nto? UKayafa waprofetha. Yiqaphele indawo yokhula entsimini; lunkcenkceshelwa ngentambiso enye. Kungokuba kutheni ukuba iBhayibhile ithi waprofetha? “Kungokuba wayengumbingeleli omkhulu ngaloo nyaka.” Intaka ephila ngezinto ezibolileyo, ukhula kwakunye nomthana onameva, luhleli phakathi kweNgqolowa; kodwa uMoya owawuphezu kwakhe, uMoya wenene oyiNgcwele kaThixo. UMoya oyiNgcwele kaThixo wawuphezu kwakhe, ukuze ashumayele, aprofethe, axele kwangaphambili into ezakwenzeka; waza waliphika elibethelela kwa elo Lizwi leyure.

Owu, yiba nenceba, mzalwana! Lingakanani ixesha elisaseleyo ekufanele sizithethe ezi zinto, ’yabona, kukangakanani kwakhona kwiZibhalo? Ndizakungxama. Ndinamaphepha amalunga neshumi apha, eZibhalo, indlela aqondakalalisa ngayo zonke izinto. “Ilanga phezu kwabalungisayo nabangemalungisa, ngokufanayo.”

230 UYesu wathi, ukuqondakalisa oku, “Ukuba ndizikhupha ngomnwe kaThixo iidemoni, bazikhupha ngabani na ke oonyana benu?” Ngoku, babezikhupha iidemoni. Babeprofetha. Ingaba kunjalo? Kodwa babengaMqondi ukuba uliLizwi lalo yure, (ngoba?) ngokuba Wayengazimanyi nabo.

Ngoku thabatha uMateyu 24:24, “OoKristu ababuxoki,” abathanjiswa, “bayakuvela, kwaye kuyakubakho abaprofethi ababuxoki abakuprofethayo oko,” ’yabona, “kwaye bayakulahlekisa nabaNyuliweyo ukuba bekunokwenzeka.” Niyifumene ngoku?

231 Qaphela abantwana. “Oonyana benu . . . Ukuba iidemoni ndizikhupha ngeLizwi likaThixo,” lona, WayeliLizwi likaThixo, “bazikhupha ngabani na abantwana bamahlelo enu?” Ngoku, nguThixo ke kuphela onokukhupha idemoni, siyayazi loo nto, nguThixo kuphela. Kuba, indoda eyomeleleyo kufanelwe ukuba yomelele kunaleyo isendlwini yayo. Babenamandla okukwenza oko.

Uyazi, eSityhilelweni phaya, watsho ukuba uya . . . ukuba umchasi-kristu ovele ngemihla yokugqibela, “Wenza imiqondiso nezimanga, yabalahlekisa nabo bemiyo phezu komhlaba, ibalahlekise bonke ngabanye, aMakristu nako konke, abamagama angabhalwanga eNcwadini yoBomi yeMvana,” yimpendulo kaMateyu 24:24, “abamagama angabhalwanga eNcwadini yoBomi yeMvana ukusukela ekusekweni kwehlabathi.”

Oba Bomi babusezingcanjini zoko—zalaa mthi wenene we-orenji, owathi wakhula kuso sonke isiqhamo sesitras nayo yonke into, waza wenyuka wavelisa isiqhamo ekupheleni komthi, ngaphezu kwawo wonke amasebe obuhlelo amiliselweyo. Niyifumene? Ndizakungxama. Indoda eyomeleleyo . . .

232 Nimkhumbule uDavide ngoku, wayethembekile, enyanisekile, ezama ukwenzela uThixo umsebenzi, ukanti wayenganyulelwanga ukuwenza.

“Bona,” abathanjiswa; kodwa uYesu wathi, “Bafundisa njengeMfundiso ukutolikwa (kweSibhalo) komntu,” ’yabona, hayi iLizwi likaThixo, hayi iLizwi laKhe elingqinelweyo; bafundisa uKristu wezembali, ’yabona, into ethile eyayikho.

Yathi ke iBhayibhile, “Ukho.” “NDINGUYE,” hayi “Ndandinguye okanye ndizakuba nguye.” “Ndinguye ngoku.” Yena ulelo Lizwi liphila lizokuma apha.

Wayekho, ekuqalekeni, Wayekho e . . . Wayephakathi e—esithombeni; Wayekho esiqwini; Wayekho nasekhasini; kodwa ngoku UkuKhozo.

233 Ngoku, ukuba ubuyela emva uzame ukuphila kwakhona? Bekunokwenzeka ntoni ukuba oba Bomi buye babuyela umva, ucinga ukuba (ukushiyeka) obo Bomi bebunokuthetha, bubuyele emva emva kokuba elaa khasi lidala selomile, bungabuyela emva buyokuphila kulo kwakhona? Abuyenzi loo nto. “Kuba akunakwenzeka kwabo bakha bakhanyiselwa,” baza abahamba beqhubela phambili neLizwi njengokuba

lisenzeka, “bafile, baphelile; kwaye imithana enameva nenkunzane ekufutshane nengqalekiso, esiphelo sisa ekutshisweni.” Akunjalo?

Ngoku ndingxame kangangoko ndinokuba nako.

234 Qaphela iSibhalo ngoku. Befundisa uThixo wezembali, ’yabona, kanye njengokuba bezama ukuphila kwixesha eladlulayo, njengokuthi, “Kulungile, uWesley wathetha *oku* no*ku*. Okanye, *Usibani-bani* wathetha *oku noku*.” Uyalala iLizwi ledinga laloo mhla, iMana ebonakalaliswe ngokucacileyo yaloo mhla. Bazama ukufaka iwayini yabo endala yobuLuthere, yobuBhaptizi, yobuPentekoste kwiintsuba zethu ezintsha. Ayisebenzi. Kwaye iWayini yethu entsha, kwiintsuba zabo ezindala, ayinakusebenza. Ukuba bazama ukufaka leWayini intsha ehlelweni, ukungabinangqondo kwabo buyabonakalaliswa. Abanakuyenza loo nto. Iyaligqabhuza.

235 “Ngoku, mzalwana, ndilibonile iLizwi likaThixo, ngokupheleleyo ngeLizwi!”

“Ngoku, khangela apha, Gqirha, ukuba . . . A—asinakuba nayo loo Nto.” Ned, ndicinga ukuba kukho into eniyifumeneyo kutshanje. “Thina, thina asinakuba nayo loo Nto apha ngoku. Ndi—ndikhetha ukuba uhambe nje.” Uyazi. ’Yabona, ayinakusebenza. Iyagqabhuza.

“Awunako ukufaka isiziba esitsha kwingubo endala, kuba uyakuyonakalisa yonke.” ’Yabona? Akazange atsho uYesu? Awunako ukufaka iWayini entsha kwintsuba endala. Iyayigqabhuza. IWayini entsha inoBomi kuyo. Kulungile.

236 Qaphela into apha, ngokukhawuleza kakhulu ngoku, ngoku siyigqibelayo . . . intetho yethu. Qaphela iSityhilelo 16:13 ukuya kwi-14, ukuba ufuna ukukubhala oko. Andiyi kuba nalo ixesha mhlawumbi lokufika kuyo. Ndifuna ukuba uqiniseke ngokuyifumana. Ngoku qaphela, oku kukuvakalisa phakathi kweNgqayi yeSithandathu neyeSixhenxe.

237 Ngoku siza—sisondela ekupheleni ngomzuzu nje, ukuba ninokunyamezela nje eminye imizuzwana ethe chatha. Siyavala ngoku.

238 Qaphela ISityhilelo 16:13 ukuya kwi-14, phakathi kweNgqayi yeSithandathu neyeSixhenxe, “Imimoya emithathu engcolileyo enjengamasele” (niyiqaphele loo nto?) “yaphuma emlonyeni wothile.” Ngoku qaphela, ngokukhawuleza. Nikulungele oko? Yithani, “Amen.” [Ibandla, “Amen.”—Mhl.] Itriniti yoomoya!

239 Ngoku mzalwana wehlelo, uzuhlale uzole umzuzu nje. Musa ukuphakama uhambe uphume kweli gumbi, nalapho emva kwabaphulaphule unomathotholo, unxibelelwano

lomnxeba. Musa ukusicima isidlali makhasethi. Hlala uzole umzuzu nje, uphulaphule. Ukuba uzelwe nguThixo, uyakwenza njalo.

240 Itriniti yamasele! Isele sisilwanyana esisoloko sijonge emva. Alize lijonge apho liya khona; likhangela emva apho lisuka khona. 'Yabona? Awuyiboni loo nto? Yazalwa phi imfundiso yomtriniti? Khumbula, "imimoya emithathu engcolileyo," imimoya eziziqu ezahlukeneyo. Niyayifumana? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.]

241 Qaphela, bakhangela emva kwiBhunga laseNicea apho imfundiso yetriniti yazalwa khona, hayi eBhayibhileni. Akukho nto injalo. Bakhangela emva kwiBhunga laseNicea, eRoma, apho itriniti yazalwa khona.

Qaphela apho bavela khona. Qaphela. Itriniti yamasele yaphuma kwitriniti endala, yazala itriniti entsha, unina wayo. Yayiphuma entwenini? Itriniti, "kwinamba," 'yabona, "irhamncwa," no "mprofethi wobuxoki." Itriniti, entsha. Kuba ayephuma nini la masele? Aphuma nini? Qaphela, ayesoloko ekhona lonke ixesha, kodwa yayingekabonakalaliswa kwade kwayiNgqayi yeSithandathu neyeSixhenxe, kanye phambi kokuba aMatywina avulwe ukuze ayityhile.

"Kuba kuMyalezo wesithunywa sesixhenxe, iimfihlakalo zikaThixo ziyakuzaliseka," zonke ezi zinto zobutriniti, neembaptizo zobuxoki, nayo yonke enye into yayiza kubonakalaliswa. Thixo sincede sibone okuyiNyaniso! Singacingi ukuba ngumntu othile ozama ukuthetha into ethile ukuze . . .

242 Ndiyawuva umoya ozama ukuphikisana naloo Nto, uyabona. Andithethi ngam, mzalwana. Ndithetha ngeNgelosi yeNkosi elapha ententeni. Injalo kanye loo nto.

243 Qaphela, itriniti! "Inamba," bangaphi abaziyo ukuba yayiyintoni na inamba? YayiyiRoma. "Yaza inamba yema phambi komfazi ukuze imginye umntwana akuba ezelwe." Akunjalo? Ingaba lithetha ntoni i "rhamncwa" eBhayibhileni? Amandla. Kunjalo. "Umprofethi wobuxoki, umprofethi wobuxoki," owobuxoki, umthanjiswa. 'Yabona?

244 Yaqala phi? Lo "ngumprofethi wobuxoki," omnye. "Umprofethi wobuxoki," upopu wokuqala; ukuze ukusukela apho ukuhla "i—ihenyukazi, nonina wamahenyukazi," iyonke loo nto.

Kwakuvela ubutriniti bobuxoki; kungekuko kwimihla yakudala, yayingenakubonakalaliswa kwimihla yakudala, yahamba iqhubeka ibheka phambili kunye nayo. Kodwa ekubeni aMatywina aSixhenxe efika, aza azityhila ezo mfihlelo azityhila zona; kulapho "amasele, imimoya engcolileyo emithathu enjengamasele, aphumayo ukuza kuzibonakalalisa," imfundiso yobutriniti echasene neNyaniso. 'Yabona? A-ha!

'Yabona apho ivela khona? 'Yabona apho iya khona? IBhunga loBunye beenkonzo. Bangabazalwana bebonke, nakanjani na; yimimoya efanayo, yinto enye.

Kwaye khangela. Ilahlekisa kangako, isenza imimangaliso! Ezi ke ziidemoni eziphume zaya kuzo zonke izithixo zehlabathi, zisenza imimangaliso, ukuze ziluhluke ngomhla wokugqibela, kwaye ziyakuphumelela ukwenza njalo. Wathini uThixo ngalo moya ungcolileyo?

Wathi, "Ndiyakuhla ndingene emlonyeni wabo profethi ndibenze baprofethe ubuxoki, ukwenzela ukuba u-Ahabhi aphume aye phaya ukuze atshatyalaliswe."

245 UThixo wathi, "Hamba. Uyakuphumelela. Uyakubenza bakukholelwe oko. Abakho kwelaa Lizwi, indawo yokuqala." 'Yabona? "Hamba ngokuba uyakubanako ukubaqononondisa. Nguwe oyakuba nokukwenza oko, wakungena kwaba baprofethi bobuxoki, kuba uthembele kanye ngabo. Kwaye akukho nto ayaziyo ngeLizwi, akasayi kuzama nokuzama ukufunda ngaLo. Akanakuyenza loo nto, ngokuba uyinkunzane, indawo yokuqala." 'Yabona? 'Yabona? "Uyakuphumelela."

246 Khangela kula masele obuxoki, akhangele emva, "Ngoba, uyazi ukuba bathini na phaya kudala eNicea?"

Andikhathali nokuba bathini na ngako, apho eNicea. Ndithetha into abayithethayo apha phezulu eTroneni kaThixo; into ezakwenzeka, hayi into eyayikho; into ezayo, kuba Yena ungu "NDINGUYE." 'Yabona?

"Bubuxoki." Khangela kuloo nto. A-ha! Baqaphele apho bavela khona.

247 Ngoku phulaphulisisa. Sibona ngokucacileyo, emva kokuba aMatywina aSixhenxe evuliwe, oko ukuze kutyhilwe loo mfihlelo. Yintoni laa mtriniti? 'Yabona? Yakhe yabizwa ngokuba yitriniti phi? 'Yabona? Kundawoni eBhayibhileni apho Yakhe yathetha nokuthetha ngegama utriniti? Bangakho phi ooThixo abathathu, ukuze sinqule ooThixo abathathu singabi ngobahedeni?

Bangaba ngabohlukeneyo njani, ngelithuba Wathi, "Mna noBawo wam sibaNye"? "Ngaphandle kokuba nikholwe ukuba Mna ndinguYe, niyakufela esonweni senu, 'yabona, ukungakholwa kwenu." Isono sikukungakholwa. "Niyakutshabalalela ekungakholweni kwenu."

> Owu, nithi Ndingubani na, Ndavela phi na,
> Owu, niyamazi uBawo waM, okanye ningalixela na iGama laKhe?
> NDINGUYE uMfiyo waseSharon, iKhwezi eliQaqambileyo loKusa.

Ningandixelela ukuba UnguBani na?

NDINGUYE owathetha kuMoses kwityholo elivutha nguMlilo,
NDINGUYE uThixo ka-Abraham, iKhwezi eliQaqambileyo loKusa.
NDINGUYE uMfiyo waseSharon, owu, nithe Ndavela phi na;
Owu, niyamazi uBawo waM, okanye ningalixela iGama laKhe? (Amen!)

NDINGUYE u-Alpha, u-Omega, iSiqalo ukusuka kwiSiphelo;
NDINGUYE oyindalo iphela, iGama laKhe nguYesu ke.

248 Injalo loo nto. Hayi umtriniti! Hayi, mhlekazi. Yinto ebubuxoki leyo.

AMatywina aSixhenxe, avula ezo mfihlelo "ziyakuzaliseka," azibonakalise. Itywina livuliwe; lagqibela, labonakalisa, lenza ukuba iiNyaniso ezifihliweyo ebelithe iTywina lazifihla yonke le minyaka, kuwo wonke loo mabandla namahlelo.

"Ihenyukazi elikhulu," leSityhilelo ishu-. . . Lalingubani? Kodwa li "NGUNINA WAMAHENYUKAZI," kananjalo. 'Yabona?

249 "Ngoku, ubabize ngokuthi 'ngamaxhalanga,'" utsho, "Mzalwana uBranham." Kunjalo.

Kodwa, khumbula, ixhalanga yintaka. Lithanjiselwe ukubhabha, nalo. "Imimoya emibini iyakusondelelana kangangokuba iyakulahlekisa nabaNyuliweyo." Ixhalanga likhulu kangango—kangangokhozi. Linganako ukubhabha njengokhozi; kwaye lithanjiselwe ukubhabha, okanye ukushumayela, okanye ukuprofetha, qaphela, ngokufanayo kunokuba lisenza ukhozi. Kodwa alinako ukulandelana nokhozi ngomphakamo. Hayi, hayi. Ukuba lizama ukulandela ukhozi, ukungabi nangqondo kwalo kuyakubonakalaliswa. Ewe, mhlekazi. Alinako ukulandela ukhozi.

Owu, lingatsho ukuthi, "Ndiyakholwa kuYesu Kristu uNyana kaThixo. Ndiyakholwa kuThixo uYise, onamandla Onke, uMdali wezulu nomhlaba; uYesu Kristu uNyana waKhe, nezinto ezinjalo." Owu, ngokuqinisekileyo, banako ukuyenza loo nto. Kodwa bathini ngokuba unguYe izolo, namhla, nangonaphakade? 'Yabona?

250 Ukhozi luyintaka eyakhiwe ngohlobo olulodwa. Akukho nto ifana nalo, emhlabeni. 'Yabona? Lona—lona . . . Ukuba ixhalanga lizama ukulilandela, okanye nayiphi na enye intaka, ingasuka iphele. Ubudenge bayo bungabonakalaliswa, ngokuqiniseke mpela. Ingasuka idubule yakuzama ukufaka iWayini entsha kwintsuba endala. 'Yabona, ingagqabhuka.

Ingasuka iphele. Ayenziwanga, ayinako . . . Umzimba wayo awuhlanganiswanga ngesimo sokuze ibambeke phaya phezulu. Yakufika kuzo ezo ndawo zinkulu ziphaya phezulu, ukuba ayizange yenziwe, inyulwe, inyulwe kwangaphambili, izalwe ilukhozi, iyakudubula ibe ngamasuntsu. 'Yabona? Iintsiba zingabhabha zisuke ezimpikweni zayo, ize ke iwe emhlabeni. Ngokuqinisekileyo. Ayinako ukulandela ukhozi, ngomphakamo. Ukuba izama ukwenza njalo, ubudenge bayo bungabonakalaliswa. Injalo loo nto. Awungekhe.

251 Ngoba? Ayinakho ukubona njengokhozi. Kunceda ntoni ke ukuzama ukuxhuma ngokuphakame kangako, ukuze ke ungaziboni apho ukhoyo xa sele uphaya phezulu? Ukuba ingazama, nokuzama oku ukulinganisa ukhozi, ngomphakamo, isuka ibe yimfama kangangokuba ingazazi nokuba yenza ntoni na. Injalo loo nto. Iyakhala ikhwaze, iqhubele phambili; kodwa thetha nje iLizwi kuyo, mfo, nabo ubudenge bayo bubonakalaliswa.

Thetha nayo ngobhaptizo eGameni likaYesu Kristu, okanye, ukuba Yena unguye izolo, namhla, nangonaphakade, konke—konke okunjalo uyixelele. "Ngoba, owu, ngoku khawume umzuzu nje!" 'Yabona? Owu, ewe, nazo zisiwa iintsiba zayo. 'Yabona, ixhume ngako konke, yaprofetha, yakhupha iidemoni, yathetha ngeelwimi, yakhwaza, yaqhubela phambili, ibaleka inyuka isihla apha phantsi. Kodwa musa ukuzama ukulandela ukuya Phaya phezulu; ngoba, ngokuqinisekileyo iyakubonakalaliswa.

Nangoko, imiselwe. Ithanjisiwe. Inako ukubhabha. Inako ukuzibamba, inyuke phaya, kodwa hayi . . . kangaka kuphela. 'Yabona, inako ukudla ukutya okubolileyo, kodwa ayinako ukudla iNyama evela eTroneni.

Iyimfama. Inomdla kakhulu, kodwa ayazi ukuba inomdla ngantoni na. 'Yabona, laa Moya mnye uyiwele, njengemvula, ukuyenza ingqolowa; asiyongqolowa indawo yokuqala. Iyadubula. "Owu, andinako ukuya kwi . . . Owu, hayi, mhlekazi! Ndiyazi ukuba uGqirha uJones wathi . . ." Kulungile, qhubela phambili. 'Yabona? Qhubela phambili, ukuba ufuna ukwenza njalo.

252 Hayi, qaphela, ayizelwanga, okanye yakhiwe, okanye inyulwe kwangaphambili, ukuze ibe lolo hlobo lwentaka. Inganako . . . Iyiyo . . . isenokuba lilamuni likhula kumthi we-orenji, kodwa ayizange ivele ezingcanjini. Iyinto ethile ehlonyezelelweyo. Bathi ke bakuba phezulu kakhulu kumahlelo abo kangangokuba bangabi nako ukulibona iLizwi elaxelwa kwangaphambili likaThixo lingqinelwe, ngoko ke ukungabi nangqondo kwabo kuyabonakalaliswa. "Owu, laa nto, iSangqa phezu kwentloko, nako konke, owu, Yimfitshimfitshi." 'Yabona? Kubonakalalisiwe.

253 Akakhelwanga ukubona umgama ongako. Ubona kangangokuba iindondo zamehlo zakhe zobuhlelo ziyakumvumela ukuba ajonge. Kodwa, emva koko, uyimfama oku kolulwane. Kungoko apho ukungabi nangqondo kwakhe kubonakalaliswa khona. 'Yabona? Kulapho lihlala khona ukhozi lwenyaniso ukuba lidle. Ewe, mhlekazi. Kulapho awenyaniso, amakhozi anyuliweyo abona khona ukuba iyintoni na. Xa ingenakho ukulithabatha elaa Lizwi, ayazi kwangoko ukuba ilixhalanga lehlelo.

254 Ngoba, kutheni ingenakubhabha nje? Kuba, khangela into ebehleli iyidla. Ibihleli isidla ukudla okudala okubolileyo kwehlelo. Loo nto ayinako—loo nto ayinako ukuwenza ube ngowomoya umzimba wayo, loo nto ayinakuyibeka kumlinganiselo onguwo wokomoya, ngamanye amazwi, ukuyinyusela phezulu ngentla kokwahlukana kwehlelo. 'Yabona? 'Yabona, yondliwe nje kuphela ngokudla okubolileyo; umzimba wayo wenziwe ngaloo nto. Ayinako ukunyuka iye apho iNyama esentsha ilithwalela khona ukhozi. Ayinako nje ukuyenza loo nto. 'Yabona?

255 Oko kuzalisekisa uMateyu 24:24. Iyabhabha, ixhumele emoyeni, iqhwaqhwazise amaphiko, kodwa ayinako ukunyukela phezulu ngokwaneleyo. 'Yabona? Injalo loo nto. 'Yabona? Injalo loo nto. 'Yabona, ayinako ukuya, ayinako ukuziphakamisela phezulu ngokwaneleyo ukuze ifumane laa Mana isentsha. Angadla kwimana endala elapha phantsi emhlabeni. Umzimba omdala wemivundla eyatshayiswa malunga neveki eyadlulayo, nesithuba senyanga eyadlulayo, okanye amashumi amane eminyaka eyadlulayo, ukungcola. Angayidla loo nto, abimbilize nje kuyo, aze akhale ekhwaza, eqhubela phambili, axhume abhabhe njengolunye ukhozi. Uthanjisiwe, njengenye intaka.

Kwaye siluhlobo lokhozi, sinjalo isangxa. Siyayazi loo nto. Ngokuqinisekileyo sinjalo, kodwa asinako ukulandela ukhozi lokwenene. 'Yabona? Asinako nje ukuyenza loo nto. Hayi, mhlekazi. Umzimba waso awakhiwanga; besisidla kukudla okwahlukileyo, 'yabona, kwaye akunakuba . . . akunakuba . . . akunakuba yiNyama, iMana esentsha. Kuyakuba yenye into eyathethwa nguLuther, eyathethwa nguWesley, okanye uGqirha u*Sibani-bani* awayithethayo. Ayisayi kuba kwinto eyathethwa nguYesu eyithethela le yure.

256 Masiye ke ngoku, sivale. Abathanjiswa, "OoKristu," ngemihla yokugqibela, kodwa "abafundisi bobuxoki nabaprofethi bobuxoki." Qaphela ukuba yothusa kangakanani na! Ngoku ndifuna ukuba uthelekise oku; sinalo ixesha lokuba sikufunde, uMateyu 24:24 noTimoti weSibini 3:8.

UMateyu 24:24 uthe, ngemihla yokugqibela, 'yabona, "Kuyakuvela ooKristu ababuxoki," ababuxoki, abathanjiswa,

“abaprofethi bobuxoki, baze benze imiqondiso nezimanga,” kanye njengokuba Owokwenene esenza—Owokwenene, “baze—baze baphantse balahlekise nabaNyuliweyo.” Ngoku qaphela, yayinguYesu lowo ethetha.

257 Naku kufika uPawulos, kanye emva kwaKhe, waze wathi, “Ngoku, ngemihla yokugqibela, kuyakufika abantu abangaba ngamakholwa, ’yabona, benokumila kokuhlonela uThixo. Bakhukulise abafazana abazono zizimfumba, betsalwa ziinkanuko ngeenkanuko.”

Bayamangaliswa, bathi, “Kutheni ubagxibha nje abafazi?” Owu, eneneni . . . Abayiboni nokuYibona.

“Bakhukulise abafazana abazono zizimfumba, betsalwa ziinkanuko ngeenkanuko,” bemka kwizinto kanye . . . eze . . . ’Yabona, “Kwaye njengoYanes noYambres . . . ”

UMateyu 24:24, “ooKristu ababuxoki,” abobuxoki, abathanjiswa, bethanjisiwe, besenza imiqondiso nezimanga yokulahlekisa abaNyuliweyo.

“Ngoku njengoko uYanes noYambres bamchasayo uMoses, bayakuba njalo aba bangenangqondo; bangehangqondo ezingenakucikideka ngakulo uKholo.” Hayi ukholo “Olona Kholo!”

“Lunye uKholo, inye iNkosi, lunye ubha- . . . ” Awunako ukuba “no-Kholo” olunye ngaphandle kokukholelwa kwi “Nkosi enye.” Awunako ukuba neembaptizo ezimbini, ingezizo ezoYise, noNyana, uMoya oyiNgcwele. “LuNye uBhaptizo,” uYesu Kristu. Injalo loo nto. ’Yabona, ubhaptizo lobuxoki!

258 Qaphela, zithelekise zombini ngoku wakufika ekhaya. Qaphela uMateyu 24:24, yayinguYesu ethetha; nguPawulos, uTimoti weSibini 3:8; zininzi ezinye. Ngoku ke thelekisa oko.

259 Kwakhona bhala esinye iSibhalo, uLuka 17:30, noMalaki 4.

“Njengoko uYanes noYambres bamchasayo uMoses,” iLizwi elithanjisiweyo leyure, “ngokunjalo laa madoda,” hayi indoda, “amadoda,” abathanjiswa, “ayakuchasana neNyaniso.”

260 Kwangaloo mini ayakutyhileka ngayo uNyana womntu.” ISityhilelo 10:1 ukuya kwi-7, uzuyifunde wakufika ekhaya, “uMyalezo wesithunywa seSixhenxe, uvula aMatywina.” Uyintoni? Hayi ukuthi iNgelosi ingunyana womntu; koko umthunywa utyhila uNyana womntu. Uyakwazi ukuyahlula ngoku? Kulapho kubonakala kunzima kakhulu khona kuni, niyabona. Hayi ukuthi uNyana womntu, ngokwaKhe; koko isithunywa sesixhenxe, umthunywa wesixhenxe, utyhilela abantu uNyana womntu, ngokuba Likhoba into eshiyekileyo. Akanako ukuLenza umbutho. LuKhozo, ngokwaLo, kwakhona.

“Kwaye ngaloo mhla, uYanes noYambres bayakuchasa,” abathanjiswa (amakholwa okuzenzisa nabangakholwayo,

iicawe zakuqala nabakwaMoya) ziyakuma zichasane noKhozo lwenyaniso, "kodwa ziyeke; ukungabi nangqondo kwazo kuyakubonakalaliswa, njengokuba kwabanjalo okwabaya." 'Yabona? Niyaqonda ngoku? [Ibandla, "Amen."—Mhl.]

261 ISityhilelo 10, sithe, "Ngemihla yokuvakalisa kwesithunywa sesixhenxe." Ngoku khumbula, isixhenxe, iSigaba seBandla laseLawodike. "Ukuvakalisa kwesithunywa," xa isigaba sebandla sesiphelile ukuzenza ihlelo saba sisigaba sebandla, xa sele siphakathi kumbutho waso wakwaMoya; xa umthunywa esiya kuso . . .

Wayeyintoni umthunywa ngamnye? Wayeyintoni uMartin Luther? Kukukhalimela kumaKatolika. Wayeyintoni uWesley? Kukukhalimela kumaLuthere. Yayiyintoni inkonzo yakwaMoya? Yayikukukhalimela kwezinye eziya. Ingaba buyephi uBomi ngoku? Buphumile embuthweni. Akusekho khasi; luKhozo. Luyintoni na? Lukukukhalimela abakwaMoya, 'yabona, kukuzalisekisa iSibhalo sale yure. 'Yabona?

262 Qaphela, kwangaloo mini wathi umthunywa . . . Hayi ekuqaleni kwakhe, kodwa wakuqala ukuwuvakalisa uMyalezo wakhe. 'Yabona? UTsalo lwamandla lokuQala, impiliso; uTsalo lwamandla lweSibini, ukuprofetha; uTsalo lwamandla weSithathu, yayikukutyhilwa kweLizwi, iimfihlelo zityhiliwe. Akusekho kumbi, akukho gunya lingaphezulu lokutyhila iLizwi, kunabaprofethi. Kodwa inye indlela umprofethi anokungqinelwa ngayo kungeLizwi. Kwaye, khumbula, uTsalo lwamandla lweSithathu yayikukuvulwa kwalaa Matywina aSixhenxe, ukutyhila iNyaniso efihliweyo ebitywinelwe eLizwini. Niyayibona? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.]

Kwakungoko, ngaloo mhla apho yenzeka khona lento, yokuba uYanes noYambres, abalinganisi, bayakuvela kwakhona. Kanye njengokuba benzayo xa wathi uMoses wavela neLizwi lakuqala, ukuba aLithethe; bavela ukuze baLilinganise. Injalo kanye. Ngoku uyabona ukuba uMateyu 24:24 uyintoni na? 'Yabona, ngabathanjiswa!

263 Ngoku zintathu izinto esizakuzithetha phambi kokuba sivale. Nazi. Ndifuna ukuba niphulaphulisise ngoku njengokuba sivala. Zintathu izinto, nikhumbule, zintathu izinto ese zizalisekile. Zintathu izinto eziphambi kwenu khona ngoku.

264 Okokuqala. Ihlabathi likwimo yaseSodom. UYesu wathi kuyakwenzeka oko. Khangela kobu bugqwetha; abafazi bethu bazama ukwenza njengamadoda; amadoda ethu azama ukwenza njengabafazi, angosisi; babolile, bangcolile, behlile, bazaliswe zidemoni, babe bengazi. IBhayibhile yathi kuyakwenzeka oko, kulapho ifikelele khona ke.

265 Okwesibini. Kukule yure, ngokweSibhalo esi, apho uYanes noYambres bavela khona. Okwesibini.

266 Okwesithathu. Kukwiyure enye apho uNyana womntu ayakutyhilwa khona.

267 Nalo ikholwa lakho, ikholwa lakho lokuzenzisa, nongakholwayo wakho. Nalo iLizwi eliyinene limi apho, lingqinelwe; nanko okholwa ngokuzenzisa eLilinganisa; nanko ke ongakholwayo esala loo nto iyonke.

Kodwa kuyakubakho ukuKhanya malunga nexa langokuhlwa,
Indlela eya eBuqaqawulini ngenene niyakuyifumana. (Ingaba kunjalo?)

Izizwe ziyaphuka, uSirayeli uyavuka,
Imiqondiso eyaxelwa yiBhayibhile yethu;
Nemihla yeentlanga ibaliwe (iSodom), izele ziinkathazo;
Buyani, Okanye nimke, kukuni.

Usuku lwentlangulo lusondele,
Iintliziyo ebantwini ziyaphela, koku koyika;
Zaliswani nguMoya kaThixo, zibe izibane zenu zilungile, (ukuze nilibone iLizwi leyure,)
Khangelani phezulu, intlangulo yenu isondele!

Abaprofethi bobuxoki bayaxoka, (kwathiwa bazakubakho; bengabathanjiswa), baphika iNyaniso kaThixo,
Ukuba uYesu Kristu unguThixo wethu.

Oku kukuthi, abayikholelwa loo Nto. IBhayibhile yathi iyakubakho loo nto ilapha. Nantsi ke!

Kodwa siyakuhamba apho abapostile banyathela khona. (UkuKhanya okunye! “Kubuyisele uKholo looyise kubantwana.”)

Usuku lwentlangulo lusondele, lusondele kakhulu,
Iintliziyo ebantwini ziyaphela kukoyika, (ihlabathi liyaphuka);
Owu, zaliswani nguMoya kaThixo, izibane zenu zilungisiwe.
Khangelani phezulu, intlangulo yenu isondele.

Niyakholwa yiloo nto? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Masithobe iintloko zethu ke.

268 Apho ngaphandle elizweni apho loMyalezo uya khona, ukusukela kuNxweme lwaseMpuma, ukusuka eCalifornia ukuya eNew York, ukuhla ukuya eMazantsi, ukunyukela eMantla, ukuya kwiindawo zokuvangela, naphi na apho Uya khona, nakulo Mnquba. Singamahlwempu. Asinazo ezi zinto

ziphakamileyo zinkulu, zibubuqheleqhele, nosasazo loomabonwakude. Sizama ukwenza nje kangangoko sinokuba nako. “Kodwa konke aNdinike kona uBawo kuya kuza.”

269 Ngoku, ndifuna ukuba nazi oku kuqinisekile, nani baphulephule eli khasethi. Usenokuba ucinge ukuba namhlanje bendizama ukukuthetha oku ngesiqu sam, ngenxa yokuba bendiwuphethe lo Myalezo. Andinanto yakwenza naWo ngokupheleleyo, andiyiyo enye into ngaphandle kweZwi nje. Kwaye, izwi lam, ngokuchasene nako konke ukukwazi kwam ukukhetha; ndandifuna ukuba ngumthiyeli. Kodwa yintando kaBawo wam endinyula ukuyenza, kwaye ndizimisele ukuyenza.

Ndandingenguye Lowo wavela phaya ezantsi emlanjeni; kuphela ndandimi apho ngethuba lokuvela kwaKhe. Andinguye Lowo wenza ezi zinto axele ezi zinto zingekenzeki zenzeka kanye ngokugqibeleleyo njengokuba zinjalo; kuphela ndingulowo ukufutshane naYe ozenzayo. Ndandililizwi kuphela Awalisebenzisayo, ukuZithetha. Asikukuba kokuthile endandikwazi; koko ndathi ndazinikela kuko kuphela, ukuze Abe nokuthetha ngam. Asindim, yayingesosithunywa sesixhenxe, owu, hayi; yayisisibonakalaliso soNyana womntu. Yayingesosithunywa, ngumyalezo waso; yayiyimfihlelo awathi uThixo wayicombulula. Asingomntu; nguThixo. INgelosi yayingenguye uNyana womntu; yayingumthunywa ovela kuNyana womntu. UNyana womntu unguKristu; Yena unguLowo nidla yena. Anidli mntu; umntu, amazwi akhe ayakusilela. Kodwa nidla uMzimba-Lizwi ongenakusilela woNyana womntu.

270 Ukuba awukadli ngokwaneleyo kwiLizwi ngalinye, ukuzinika amandla okubhabha ngentla kwawo onke la mahlelo nezinto zehlabathi, uyakuba nako ngelithuba ukwenza njalo, ngoku sisathandazayo?

271 Bawo Othandekayo, yinto elukhuni le. Akululanga kumntu onokonakala ukuyenza. Wena wazi izinto zonke. Kwaye ndiyaKuthandaza, Thixo Othandekayo, ukuze ingabi nako ukungaqondwa. Koko, ekuKhanyeni kweLizwi laKho banga abantu bangahamba.

272 Kwaye, Thixo Bawo, andazi ukuba ngubani na oNyuliweyo; nguWe owaziyo. Andazi ukuba uKuza kwaKho kunini na. Kodwa endikwaziyo kukuba Wena wathi xa ezi zinto zisenzeka, aba bangabobuxoki, abathanjiswa; ingekuko kanye xa eqalisa.

UMoses wabayeka nje, kuba wayengenako anokukwenza ngabo. Wayenokuthetha kuphela oko Wena wawukuthetha. Wamxelela ukuba abize ingcongconi; bazibiza nabo. Wamxelela ukuba ajike amanzi abe ligazi; bawajika nabo.

UMoses wenza kuphela, iLizwi neLizwi, njengoko Wena watshoyo, kodwa ke nguWe Lowo Wenza ukuba ukungabi nangqondo kubonakalaliswe.

273 Ngoku, Bawo, Wena unguThixo, nangoku. Elo Lizwi linye lathi oku kuyakwenzeka ngemihla yokugqibela. Baninzi abantu abathembekileyo, njengokuba besitshilo kwiCawe ephelileyo, ababeka izandla zabo kwiTyeya phezu kwenqwelo entsha, ingengawo amagxa abaLevi, baze bawa bafa, "bafa esonweni nakwizigqitho," bexoxisana nezazela ezizezabo.

274 Baninzi abalungiseleli abahleli kwigumbi lokufundela, balifunda elo Lizwi, baze baliguqule iphepha ngokukhawuleza; bezisindisa ekugqabhukeni, ngokwazi ukuba uyakulahlekelwa kukuma kwakhe eluntwini oluphandle, kunye nebandla lakhe nehlelo lakhe. Thixo sincede singakhe sikwenze oko!

275 Coca intliziyo yethu, Nkosi, kuko konke ukungcola kwehlabathi. Nkosi, ndimi ndilungele ukuhlanjululwa, kunye neli bandla nabo bonke abaphulaphuleyo, naye nawuphi na oyakuphulaphula ikhasethi. Ndimi, Nkosi, ndicela ukuhlanjululwa. Nkosi, ndithabathe undise endlwini yombumbi undityumze, undibumbe ndibe sisicaka Oyakusifuna.

Kuba, Nkosi Yesu, "Ndiyindoda emlomo uyinqambi," njengokuba watshoyo u-Isaya, "ndihleli phakathi kwabantu abamilomo iyinqambi; athi ke mna, ngokuba ndibone iSityhilelo sikaThixo sisenziwa sibonakale," njengoko u-Isaya wabona iNgelosi eTempileni. Ndiyasibona isiphelo, Nkosi, athi ke mna nosapho lwam; yeha abantu bakowethu. Owu Thixo onguNaphakade, yiba nenceba kuthi. Ndicelela isiqu sam kunye nabantu. Masingatshabalali kunye nabo bangakholwayo, koko sanga singaphila kunye nabakholwayo.

276 Lonke ihlelo, Nkosi, yonke indoda okanye umfazi... Andinako ukuKucela ukuba usikelele ihlelo, ngelithuba ndaziyo ukuba Ulichasile. Kodwa ndingathi nje kuphela, Nkosi, ukuba Unazo ezinye zezimvu zaKho eziphakathi kwabo, zingangaliva eli khasethi. ZingangaWuva, Nkosi, ziWuqonde ngokuqonda Oyakuzipha kona, zanga zingaphuma ziKwamkele. Zanga azinakulahlekiswa bubumfama nezithethe zanamhlanje. Zanga azinakuzama ukudla into ethile e...okanye ukuba ibisisidumbu senye imini. Bangangathatha iLizwi.

Yiloo ndlela abaFarasi abaKubethelela ngayo, Nkosi. Babethatha isidumbu somhla kaMoses, bezama ukubimbiliza sona; emva kokuba Wena ubanike umzekelo, entlango, wemana esentsha ubusuku ngabunye, oko kuthetha isizukulwana ngasinye. Naku apho basilela khona. Loo nto yaba yityhefu kubo. Yababulala, ukudla oko kutya kungcolisekileyo.

Kwaye, ngokomoya, kwenza into enye nanamhlanje; kuyababulala, ngokomoya, ngehlelo.

Sincede, Thixo Othandekayo. Konke kusezandleni zaKho ngoku. EGameni likaYesu Kristu.

277 Sizithobile iintloko zethu, sizakulicula ngoku usenza isigqibo sakho. Uzakuhamba yonke indlela?

Ndiyamva uMsi-. . .(kwaye Yena uliLizwi)
. . .-ndisi ebiza,
Ndiyamva. . .

"Owu, ndandilahleka lonke ixesha, kodwa, ngenene, khona ngoku ndiyaMva, 'Yizani kuM, nina nonke niphuthaphuthayo.' Mve, 'thabatha umnqamlezo wakho, uNdilandele yonke imihla.' 'Ewe, nokuba ndihamba emfuleni wethunzi lokufa, andiyi koyika bubi; ukuhla ukuya kumadlelo aluhlaza, nakumanzi azolileyo.'"

Kwaye apho Andikhokelela khona ndi. . .

"Nkosi, ndiyabubona ubudenge bobutriniti. Ndiyabona ukuba lonke ihlabathi lihlwayelwe kona; ukhula lukhula kuyo yonke indawo. Kodwa apho Wena undikhokelela khona ngoku, Nkosi, ndiyakuba njengabo beZenzo 19. 'Bakukuva Oku, babhaptizwa kwakhona eGameni likaYesu Kristu.'"

. . .landela, ("Ndihambe inxalenye yendlela,
Nkosi, ukuze ndikwaMkele.")
Ngoku ndizakuhamba naYe yonke indlela.

[UMzalwana uBranham uyaqalisa ukudumzela u-*Apho Andikhokelela Khona*—Mhl.]

278 Thixo Othandekayo, ndithembe ukuba oko kusuka entliziyweni yam. Ndithemba ukuba kusuka kwintliziyo yomntu ngamnye oliculayo ngelithuba, mhlawumbi abaninzi bayakuliva eli khasethi, abangekhoyo okanye abangalivayo ngoku. Sanga singakhuthala, Nkosi, ngaphandle kwentlawulo. Wathi, "Njengendoda eyakuhlangabezana nomnye umkhosi, ijoni, ukumkani; kuqala uhlala phantsi abale ukuba anganako na ukukwenza oko, ukuba angazincama na izinto zehlabathi? Unganako ukuzincama, ukuze ungenelele umkhosi weLizwi likaThixo elibhaliweyo; umatshe kunye namajoni aKhe, ubhabhe kunye namakhozi aKhe?" Siphe oko, Nkosi, eGameni likaYesu.

279 Uyakholwa? UyaMamkela? Kulungile. Sizakubonana kwakhona, ngokuhlwa, iNkosi ithandile. Niyakholwa ukuba oko kuyiNyaniso? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Ingaba kucace ngokwaneleyo? ["Amen."]

Ngoko thabatha iGama likaYesu uhambe
nalo, Mntwana wentsizi nentlupheko;
Liyakukunika uvuyo noxolo,
Lithabathe naphi naphi-. . .

Ngoku, bambana isandla nomntu okufutshane nawe ngoku.

IGama Elithandekayo, Owu limnandi kanjani!
Ithemba lomhlaba, ithemba lomhlaba, uvuyo lweZulu;
IGama Elithandekayo, Owu limnandi kanjani!
Ithemba lomhlaba novuyo lweZulu.

NgeGama likaYesu ndiyathoba,
Ndiziwise ezinyaweni zaKhe,
UKumkani wookumkani oseZulwini siyakumthwesa . . . (UnguThixo, ngoko)
Lakuphela uhambo lwethu.

IGama Elithandekayo, Owu, limnandi kanjani! Owu limnandi kanjani!
Ithemba lehlabathi ithemba lehlabathi uvuyolweZulu;
IGama Elithandekayo, Owu limnandi kanjani!
Ithemba lomhlaba novuyo lweZulu.

280 Ndiyathemba ukuba bonke abalungiseleli bebazisiwe ngale ntsasa, baqatshelwa.

Xa indoda ithandaze iveki yonke, imangalisiwe ukuba yintoni na, izibona ezi ziBhalo, zimi kanye apha phambi kwakho. "Yeha ke mna," watsho uPawulos, "ukuba andizishumayeli iindaba eZilungileyo." Ekupheleni kwendlela yakhe, wathi, "Andikucezelanga ukunityela lonke iCebo likaThixo njengoko ndaLinikwayo."

281 Ndiyalibala ngamanye amaxesha ukuziqaphela izinto, ukuzenza, ukusikelela iintsana.

UBilly uthe, ngenye imini, kweza indoda, yathi, "Bendisiza apha isithuba seminyaka emibini, ukuze kusikelelwe usana lwam."

UBilly wathi, "Ungacingi kakubi ngaloo nto. Ndinosana, olunonyaka ubudala, nalo alikasikelelwa nangoku, okwalo. Ngoko ndizakulinda lide libe lidala ngokwaneleyo ukuze lizinyukele ukuya phaya, ndiyaqikelela."

282 Ngoko sifumanisa mzalwana, dade asikuko—asikuko, 'yabona, mna . . . Inye into, kufanelwe ukuba sibanikezele abantwana bethu.

Kufanele sibhaptize wonke umntu. Likho iqula; nanga amanzi. Ukuba awukabhaptizwa, kwala ntoni? Nanga amanzi. Yiza khona ngoku. Musa ukulinda kude kube ngokuhlwa; yiza khona ngoku. Ikho indoda emi phaya eyakubhaptiza abo baguqukileyo baza bavuma. Nokuba ubhaptizwe kangangeshumi elinesibini, baza kukubhaptiza eGameni likaYesu Kristu ukuze uxolelwe izono. 'Yabona? Sinayo loo nto.

283 Kodwa, 'yabona, uMyalezo usentliziyweni yam. Kufanele ndiWukhuphe. Nantso injongo yam ekuphela kwayo, kungakhathaliseki nokuba inkosikazi yam ithini na, abantwana bam bathini na, umfundisi wam uthini na, nantoni na eyeyam ithini na. YiNkosi yam. Kufuneke ndiWukhuphe. Nantso injongo yam ephambili.

284 Ke ngoku, ngamaxesha amaninzi, ndiyalibala ukubaqaphela abafundisi. Ndiyaqikelela mhlawumbi . . . umzalwana wethu, Mzalwana uNeville, indoda ethandekayo. Abanye baba bazalwana balapha, siyavuya ukuba kunye nani.

285 Hayi ngokuthi asivumelani nawe, mzalwana, sisenzela nje ukwahluka. Abaninzi kuni apha basenokuba ngabashumayeli abangamatriniti. Asifuni ukuba sicaphukisane nani. Siyanithanda. Ukuba besinganithandi, ukuba bendingakholwa kuloo nto, ngendikhange ndiyishiye le nkonzo ndihle ndiguqe ngamadolo am ndithi, "Thixo, ndenze ndibe ngolungileyo."

Andiwufuni loo moya unekratshi, uzithandayo ukuba ube phezu kwam. Ndifuna umoya wam ube ngonyulu ococekileyo, uthando lobuzalwana, ungcwele unoMoya oyiNgcwele. Ngoku, ukuba omnye umntu wenze into engeyiyo kum, kulungile oko. Kwaye nangona ndinokuba nalo ilungelo lokuya kuye, andiyifuni loo nto ebomini bam. Hayi, mna—mna ndifuna ukuba nothando. Ndifuna ukuhlala ndilungele ukulungisa ngothando, ngothando oluphendula ngaphaya ngokupheleleyo ngaloo nto.

286 Andizami kuba ngosecaleni. MaWisile, maBhaptizi, maKatolika, maRhabe, nokuba ningobani na, andizithetheli nje ukuba ndibengowahlukileyo ezi zinto, ndibe nekratshi kuni. Ukuba ndenze njalo, ndingumhanahanisi kwaye ndifanelwe kukuba ndiguquke apha esiguqweni, ndithandaze ndifikelele kuThixo.

Kodwa oku ndikuthetha, kungenxa yothando, kwaye ndiyanibona apho niya khona. Ngoku, andikuthethi ngokwam oku, ndisithi ndiyaqikelela. Ndininika u-ITSHO INKOSI. YiNyaniso leyo. Kwaye ndiyanithanda ngenxa yezo zinto. UThixo anisikelele.

287 Ngoku sisacula enye ivesi yeli culo, masithi, phambi kokuba sihambe. Sifuna ukuba ubelapha ngokuhlwa, ukuba unokuba nako. Ukuba awunakuba nako, uThixo akusikelele de sibuye sihlangane. Sithandaza nje kuThixo ukuze—ukuze akusikelele akunike okulungileyo kwelizwe laKhe, 'yabona.

Thath'iGama likaYesu . . .

Abathanjiswa Ngexesha Lokugqibela, Umq. 4 Inani 4
(*The Anointed Ones At The End Time*, Vol. 5 No. 3R)

Lo Myalezo kaMzalwana uWilliam Marrion Branham owawushunyayelwe ekuqaleni ngesiNgesi ngeCawe kusasa umhla 25 Julayi, mgowe-1965, kuMnquba kaBranham, eJeffersonville, e-Indiana, eMelika, wathatyathwa kwisishicileli-mazwi washicilelwa ungafinyezwanga ngesiNgesi. Le nguqulelo yesiXhosa ipapashwe ngowe-1995 ngabe:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, Jeffersonville, Indiana 47131 U.S.A.

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org